



URhulumente  
weNtshona Koloni



Isebe loPhuhliso loLuntu

**IsiCwangciso Sentsebenzo Yonyaka**  
2022/23



**URhulumente  
weNtshona Koloni**

**NGOWAKHO**

UPhuhliso loLuntu

**URhulumente weNtshona Koloni  
ISebe loPhuhliso loLuntu**

**IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka  
wama 2022/2023**

## IsiBhengezo

Inguqulelo yesiNgesi yesiCwangciso sokuSebenza soNyaka ithathwa njengombhalo osemthethweni. ISebe alinakubekwa butyala ngalo naluphi na utoliko olungelulo olunokuthi lwenzeke ngexesha lenkqubo yoguqulelo.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka siye saqulunqwa liCandelo loMlawuli oyiNtloko weQhinga noCwangciso loShishino, iSebe loPhuhliso loLuntu.

Ukufumana iikopi ezongezelelekileyo zolu xwebhu nceda uqhagamshelane ne:

INtloko yeSebe

ISebe loPhuhliso loLuntu

Private Bag X9112

Cape Town

8000

South Africa

Umnxeba: +27-21-483 5121

Imeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

**PR: 05/2022**

**ISBN: 978-0-621-49988-9**

**Isihloko soPapasho:** IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe loPhuhliso loLuntu kuRhulumente weNtshona Koloni sowama2022/2023

Inombolo yasiMahla: 0800 220 250

Iwebhusayithi: <http://www.westerncape.gov.za>

## INgxelo yeSigqeba esiLawulayo

Ngenxa yobhubhane weKHOVIDI-19, intlupheko kunye nentswelangqesho ifikelele kwinqanaba elingazange libonwe ngaphambili, eliye lenziwa mandundu ngamanqanaba okuvalwa ngci kweentshukumo okunzima okuthathe ixesha elide okubekelwe abemi. Uninzi lwabemi belizwe lethu nakwiphondo lethu bakwintlungu, ilahleko kunye nomonzakalo. Abaninzi balahlekelwe yimisebenzi, imithombo engacwangciswanga yengeniso kunye namakhaya abo kunye nempahla yabo, egcina ubomi kunye neendlela zokuphila. Impembelelo yokungabikho kwemisebenzi ephezulu, intlupheko kunye neengxaki ezininzi zentlalo yoluntu ziye zandisa ukuthembela kwinkxaso karhulumente.

Ubhubhane weKHOVIDI-19 usizele neningeni emininizi; nangona kunjalo, oku akulithibazi iSebe ekuhambiseni unxibelelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso loluntu ngokusebenzayo nangokufanelekileyo kwabo bahluphekileyo, abasesichengeni nakuBantu abaphila noKhubazeko.

Indima ebalulekileyo yeyunithi yosapho ekujonganeni nezinto ezininzi zengxaki zentlalo ezithwaxa kuluntu lwethu, iyakufumana ingqalelo yeSebe.

ISebe liza kujolisa kwiintsapho ezisembandezelweni ukukhuthaza imekobume yosapho ekhuselekileyo nekhuseleweyo phakathi koluntu. Uncedo lokujongana noBundlobongela basekhaya nolusekelwe kwiSini, ukuphazemiseka, ulutsha olusemngciphekweni kunye nolawulo.

Ngenxa yokunqongophala kohlalo lwabiwo mali kunye neningeni ethe gqolo yezentlalo noqoqosho abajongene nayo abantu bephondo lethu, ngakumbi ukuba sesichengeni, siya kuvavanya zonke iinkonzo neenkqubo size sibeke phambili ezo ziqinisekisa ukuba iimfuno ezisisiseko zoluntu ziya fezekiswa njengoko kuqinisekisiwe kuMgaqo siseko.

Iqhinga lesicwangciso seSebe lixhaswa kukusabela kukaRhulumente kubhubhane weKHOVIDI-19 nangaphaya koko. Sikwaqaphele iindawo eziphambili eziza kubasembindini wosabelo lwethu, ezizezi, ukuthintela ubundlobongela olujoliswe kwabasetyhini nabantwana, ubonelelo lokufikelela lula kwiinkonzo ezikumgangatho ophezulu wonyango kubantu abalwa nosetyenziso gwenxa lweziyobisi nokuqinisekisa ukuba iinkonzo zentlalo ntle ziyafumaneka ku Bantu abaphila noKhubazeko.

Isifundo ngokuthobekileyo ubhubhane weKHOVIDI-19 athe wasifundisa sona kukuba urhulumente, uluntu nabahlali ngokubanzi bayasebenzisana, kukhulu okunokuthi kufezekiswe xa kuqutyiswana nobunzima abemi bethu olujongene nabo. Ngale ndlela, siyakuqhubeka ngokuqinisa ubudlelwane bethu nabachaphazelekayo kuluntu luphela ukuxhaswa kwimizamo yethu yokuphucula ubomi babahlali bethu abasesichengeni.

Abemi beli phondo baza kuqhubeka ukuba sembindini weenkonzo zethu - into esiyinikezelayo kunye nendlela esizisa ngayo kuya kujolisa ekuphakamiseni isidima somntu ngamnye, umzi kunye noluntu. Indlela engaphambili ilucelomngeni ngokwenene kodwa ngumsebenzi esinokuwoyisa ukuba sisebenza kunye noluntu ngendlela yokubonisana eqaphela oko kunamandla kungekhona okungalunganga ekuhlaleni.

IKHOVIDI-19 ayisinikanga kuphela ithuba lokuphinda sijonge umsebenzi wentlalontle, ikwabonelela ngethuba lokwakha ubudlelwane obuluqilima nabemi bethu kunye noluntu kwaye sibabeke kumbindi wayo yonke into esiyenzayo.



**Sharna Fernandez**  
**ISigqeba esiLawulayo soRhulumente weNtshona Koloni:**  
**ISebe loPhuhliso loLuntu**  
**KweyoKwindla wama2022**

## INgxelo yeGosa eliPhendulayo

UMzantsi Afrika uthe gqolo ukuziqhelanisa nenyano yeKHOVIDI-19, ngeendlela ezintsha zokucinga eziya ziqheleka. Ukuqaliswa kweenkqubo zokuvuselela uqoqosho kunye nemigaqo nkqubo exhasayo kunye nezenzo ezifana nenkqubo yokugonya yelizwe lonke, ingenise inqanaba lokubuyela kwimeko yesiqhelo kwezoqoqosho njengoko ilizwe lisebenzela kwinto entsha yesiqhelo. iKHOVIDI-19 nangona kunjalo iyaqhubeka ukuba nefuthe elibonakalayo kuqoqosho lweli lizwe. Ukudodobala koqoqosho kunye nokunyuka kwentswelangqesho, intlupheko, ukungalingani kunye nezinga eliphezulu lolwaphulomthetho nobundlobongela kubangele ukwanda kwemfuno kwiinkonzo zentlalontle ezikhethekileyo kunye nophuhliso loluntu. Amaza osulelo lweKHOVIDI-19 eze nomngcipheko owonyukayo, kwaye izigaba ezilandelayo zokuvalwa ngci kweentshukumo ziye zaqinisa ngakumbi ukungalingani kwezentlalo yoluntu kunye namakhaya ephondweni.

Ukudodobala koqoqosho kukwachaphazele nezemali kazwelonke ngeziphumo zokucuthwa kohlalo lwabiwo mali olufuna izigqibo ezinzima malunga nendlela engcono yokwabiwa kwezibonelelo ukuze zibe nefuthe elilelona liphezulu kwimeko yokukhula kwemfuno yeenkonzo. Ezi zigqibo zaxhaswa yimigaqo nkqubo kunye nengqwalasela yorhwebo kuhlalo lwabiwo mali njengoko iSebe lijijisana nokuncipha kwemithombo yemali ngelixa liqhubeleka nokulandela iziphumo ezibonisiweyo zezinto eziphambili kuzwelonke nakwiphondo. Uzinzo lwamahlakani ethu angundoqo kunikezelo lweenkonzo, icandelo leMibutho eNgenzi Nzuzo (iNPO) nalo liye lachathazelwa bubume bezoqoqosho obunoxinzelelo.

Nangona imeko ingumceli mngeni kwaye inemiqobo, iSebe lihleli lizibophelele ekukhuthazeni uluntu oluqakayo, olukhuselekileyo noluzinzileyo, nokugcina impilontle nesidima sabantu elibasebenzelayo. ISebe liza kuqhubeka ligxininisa kungenelelo olusemthethweni noluyalelwe yinkundla, ingakumbi iinkonzo zololongo nokhuselo, ukulwa uBundlobongela obuSekelwe kwiSini (iGBV), ukuxhasa abantu abangenamakhaya nokubonelela ngenkxaso yoncedo loluntu kuluntu oludingayo, ngokuhambelana nemimandla ekugxilwe kuyo IsiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni.

Ugxininiso oluqhubekayo ekugcineni amalungelo kunye nokhuseleko lwabantwana, iSebe lizakuqinisekisa ngokubonelelwa kwazo zonke iinkonzo eziphambili ezisemthethweni kubantwana. Ngaphaya koko, ukuqhubeka nokuphunyezwa kweenkqubo zoThintelo noNgenelelo kwangethuba (iPEI) kunye nongenelelo olubandakanya iinkonzo zothintelo ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni kunye neenkonzo zongenelelo kwangethuba ezifana neModeli yaseRisiha (ebifudula ibizwa nge Isibindi), amaZiko eDrop-In, uKhathalelo lwaseMva kweSikolo (iASC) ngokunjalo inkqubo ye-Eye-on the Child iyakwenza ukuba ulwazi olwandisiweyo phakathi kweentsapho noluntu lwandise intlalontle nokhuseleko lwabantwana. Ukuqondwa kwamalungelo noxanduva lwabazali ngokubhekiselele kubantwana abanemingeni yokuziphatha kuya kuphunyezwa, kwaye iSebe liya kubonelela ngeenkonzo zenkxaso yengqondo neyonyango kwaba bantwana. ISebe liseke indlela yokudluliselwa kwethutyana kunye nabachaphazelekayo abaphambili kwiphondo ukujongana nabantwana abanengxaki yokuziphatha ephazamisayo kumaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (iiCYCC). Ngowama 2022/23 iSebe liza kuphumeza ukonyuka kwenkxaso mali kwiiNPO ezihlalisa abantwana abaphila nokhubazeko, ngokuthobela isigwebo senkundla yaseNAWONGO. Le nkxasomali yongezweyo iya kuphucula amandla eCYCC ukujongana neemfuno zabantwana abaphila nokhubazeko.

Iinkonzo ezize zinye zokhathalelo ziya komelezwa ngomilisele lwesiCwangciso soLawulo lweNkulisi, ukuqeqeshwa kwabazali bokhuseleko kunye nokuqaliswa kwenkqubo yokubeka iliso esekelwe kwiwebhu ukuze kuncitshiswe umsebenzi ongekenziwa kwiphondo. Ukuphunyezwa kutsha nje kwecandelo le125 loMthetho waBantwana (wama2005) kwenze ukuba abasebenzi abafanelekileyo bephondo boPhuhliso lweNtlalo kunye neMibutho yoKhuseleko lwaBantwana eMiselweyo (iiDCPO) bafumane ulwazi ngokuthe ngqo kwiRejista kaZwelonke yoKhuseleko lwaBantwana. Oku kuya kuliphucula kakhulu ixesha lokuguqulwa kokufakwa kwenkathalelo kunye nokwandiswa komntwana, ngaloo ndlela kuvumeleke ukuba kuqhubeke indawo yokhuselo nekhuselekileyo emntwaneni. Ukomeleza ngakumbi impendulo yephondo kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko, iSebe liya kuqalisa ngohlaziyo lwesiCwangciso soKhuseleko lwaBantwana sikaRhulumente weNtshona Koloni kunyakamali ozayo.

Icandelo loPhuhliso lwaBantwana (iECD) liye lachaphazeleka kakhulu ngexesha lobhubhani weKHOVIDI-19. Ukongeza kwinkxaso enikezelwa liSebe, iphakheji yokuvuselela iECD yaphehlelelwa kweyoMdumba wama2021 ukuxhasa ngakumbi uzinzo lwecandelo. Phakathi kweyoMdumba wama2022, iintlawulo zeECD zephakheji yokuvuselela ziye zenzelwa ukunika abo bafumana uncedo kwiindawo ezili 1 327. Ukuqinisekisa ngotshintsho olungenamagingxigingxi lomsebenzi weECD kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) nokuphazamiseka okungephi kubasebenzi becandelo, izibonelelo nengcaciso yedatha iya kuthunyelwa kwiSebe leWCED ukususela kowo 01 kuTshazimpuzi wama2022. Nakuba kunjalo iASC isahleli iluxanduva lweSebe lo Phuhliso Loluntu (iDSD). La maziko aya kuqhubeka ebonelela ngeenkono eziyimfuneko kubantwana abakwiminyaka yobudala yokuhamba isikolo, ngokusebenzisa imfundo, ukufundisa, isondlo kunye nemisebenzi yolonwabo.

Ubonelelo ngenkathalo, inkxaso, kunye nokuxhotyiswa kwamaxhoba olwaphulo mthetho nobundlobongela, ingakumbi abasetyhini nabantwana lufuna iNkqubo yoLuntu lonke. Le ndlela ingundoqo ekuphunyezweni kwesiCwangciso sokuphumeza iGBV sikaRhulumente weNtshona Koloni (iWCG), esiquka ungenelelo oluvela kuwo onke amaSebe eWCG ukujongana nesibetho seGBV. Ubonelelo ngenkonzo yeGBV iza kuba ngumba ophambili ekugxilwe kuwo kunyaka mali wama2022/23 oquka ukubonelela ngeendawo zokhuseleko ezingxamisekileyo kwiindawo ezinomngcipheko omkhulu kunye neenkono zokhuseleko lwexesha elifutshane. Iindawo zokhuseleko ezintandathu ezongezelelweyo zeGBV eziye zasebenza ngowama2021/22 ziye zavumela iSebe ukuba landise kwaye liqhubeke nokubonelela ngamangenelo obuyiselo kunye nokunyanga kwiindawo ezisemaphandleni ezibonelelweyo. Kulo nyaka uzayo, iSebe liza kuqhubeka nokuphumeza nokuphuhlisa iindlela zokudluliselwa kwamaxhoba eGBV agcinwe kumaziko alo okuxhotyiswa kwamaxhoba eeNPO (iindawo zokhuseleko) ezifumana inkxasomali ukuze liwancede afikelele lula kwiinkono ezikhethekileyo zonyango kunye neenkono zokubuyisela kwesimo sesiqhelo. Uqeqesho lothintelo lweGBV luya kufakwa ngokubanzi kuzo zonke iiCYCC, ngokwenjalo kwandiswe iinkqubo ezikhethekileyo neenjongo ezininzi esele zikhona kula maziko.

Ngowa ma2021/22, iSebe landise inkxaso mali yaya kwezinye iindawo zokuhlala ezingenamakhaya ezisithoba zabantu abadala phakathi kwesidingo esikhulayo sendawo yokuhlala yethutyana ekhuselekileyo. ISebe liza kuqhubeka libonelela ngeenkono zokuhlala kunye nokubuyiselwa eluntwini kubantu abadala abangenamakhaya kwiindawo zokhuseleko ezingama 32 ezifumana inkxasomali kunyaka mali wama2022/23. Ukongeza, ezi ndawo zokhuseleko zibonelela ngeenkono zoluleko kunye neenkqubo zezakhono zobomi kubantu abadala abangenamakhaya ukuncedisa ekubuyiselweni kwiindawo abasuka kuyo.

Njengenxalenye yeenzame zokunceda uluntu, amaZiko eSondlo noPhuhliso loLuntu kwiSebe (iiCNDC) abonelela ngenkxaso yesondlo kumakhaya anengxaki yokungakhuseleki kokutya. Kusetyenziswa indlela yokutyisa ekujoliswe kuyo, izidlo eziphekiweyo ziya kunikezelwa kubaxhamli abafanelekileyo kwiindawo zokutya ezili 105 kwiphondo liphela kulo nyaka uzayo. Ukongeza, izindlu zokuphekela zoluntu ezingama 411 ziza kuxhaswa ukuncedisana neenkono zesondlo esele zikho, ingakumbi kwiindawo zasemaphandleni. Ezinye iinkqubo zokhuseleko loluntu ziquka ukuququzelela ukudalwa kwamathuba omsebenzi ngeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu (iEPWP). I EPWP yinkqubo engundoqo yeSebe ebonelela ngokupheliswa kwentlupheko nomvuzo ngamathuba emisebenzi yethutyana kwabo bangasebenziyo kwaye iyindlela ebalulekileyo yogqithiselo lwengeniso kumakhaya ahluphekayo kwixesha elifutshane ukuya kweliphakathi.

Kwinkalo yoncedo lwentlekele, iSebe liza kuqhubeka ukomeleza amandla ohlangulo kwingingqi ukuqinisekisa ukuba abantu abasemngciphekweni bayafikelela kwiinkono zoncedo loluntu. Ezi nkono ziquka iinkono zenkxaso yengqondo nentlalontle, izinto eziphathekayo, kunye/okanye amabhaso emali anikezelwa yiArhente yoKhuseleko lwezeNtlalo yaseMzantsi Afrika (iSASSA), phakathi kwezinye. ISebe liza kuqhubeka ukusebenzisana namahlakani aphambili ukuqinisekisa ukuba umgangatho weenkono uyanikezelwa kubantu abasesichengeni ngamaxesha obunzima obungafanelekanga kunye neemeko zeentlekele.

Undoqo ekukhuthazeni iintsapho ezizinzileyo kunye noluntu olukhuselekileyo ziinkono ezisekelwe kuluntu kunye neendawo zokuhlala ezithomalalisa umngcipheko wabantwana, ulutsha, kunye nabantu abadala abakhubekisayo okanye abangena kungquzulwano nomthetho. ISebe lizandisile iinkqubo zalo zokuthintela ulwaphulomthetho ezisezikolweni kwiindawo ezinolwaphulomthetho ngokunjalo nakwiindawo ezisemaphandleni kwiphondo. Iinkqubo zokwazisa nothintelo ezijolise

kwiintsapho ziya kugxininisa ekuboneleleni ngenkxaso ngokwasengqondweni nangokwentlalo nongenelelo olukhethekileyo, ngakumbi iGBV. Umiliso lweNkqubo yoLawulo lwamaTyala okuLingwa, oluphuhliso lisebe likaZwelonke loPhuhliso lweNtlalo (iNDS) ukuze kwandiswe iinkonzo zangoku zoluleko ezinikezelwa kubantwana, kucetywa unyakamali wama2022/23. Abantwana abalindele ukuthethwa kwetyala kwiiCYCC kunye namalungu oluntu, ngokunjalo nabazali/abanonopheli/amalungu osapho, abathathe inxaxheba kwiinkqubo zeenkono zoluleko baya kuqhubeka befumana iingcebiso eziyimfuneko zonyango kunye nolwasengqondweni ngeenkono zenkxaso/zokubuyiselwa eluntwini.

Iinkono ezidityanisiweyo neenkqubo ezibonelelwa lisebe ziya kuqhubeka nokuququzelela ukukhuthazwa nempilontle yabantu abaphila nokhubazeko. Ezo nkono zibandakanya iinkono zoluntu kunye neendawo zokuhlala, kunye neendibano zocweyo zokhuselo kunye neenkono zokhathalelo lokuphumla. Ukugcina ugxininiso ekuboneleleni ngeenkono kubantu abaphila nokhubazeko olumandla ngokwasengqondweni, iSebe liya kusebenzisana neSebe lezeMpilo (iDoH) ekuthotyelweni kweNPO kunye noMthetho wezeMpilo ngokwaseNgqondweni (wama2002). Ngaphezu koko, iSebe liza kuqhubeka nokuncedisa kwiinkqubo zemfundo nenkxaso zeSebe leWCED kumaziko alo ononophelo olulodwa kubantwana abaphila nokhubazeko olumandla ngokwasengqondweni.

Ukugenelela kweSebe kulo nyaka uzayo kuya kuxhasa impilontle nokhuseleko lwaBantu abadala kwiphondo. Olu ngeneliso luza kugxila kumaziko okuhlala kunye neenkono zenkxaso yokhathalelo olusekelwe kuluntu kuBantu abadala. Ukuqhubekela kokuphunyezwa komfuziso wokuthantamisa kuza kwenza ukuba iSebe libonelele ngenkxaso kumaziko okuhlala eeNPO ezisokolayo kuthotyelo lwemimiselo nemigangatho. Ukuphunyezwa komfuziso wokhathalelo olusekelwe ekhaya ebaluleke ngokulinganayo kuza kuxhasa ngakumbi nokomeleza indlela esekelwe kuluntu ukugcina nokuxhasa iinkono ezikhoyo kuBantu abadala, ezixhasa ngolunye uhlobo lokhathalelo kunye nemifuziso yenkxaso kuluntu oluzidinga kakhulu ezi nkono.

Usetyenziso lwezinyobisi, ukusetyenziswa gwenxa kunye nokuxhatshazwa kuqhubela phambili ukuzisa imingeni kwimpilo, ukhuseleko kunye nentlalontle yabantu, iintsapho kunye noluntu kwiphondo. Ukusabela kwesi soykiso okuqhubekayo, iSebe liza kusebenzisa indlela ebandakanya amaqela amaninzi achaphazelekayo, ebandakanya amanye amaziko karhulumente kunye noluntu, ukunika iinkono ngokugxininisa kuthintelo, unyango, ukuchacha, kunye nokubuyiselwa eluntwini. Ezi nkono ziza kubonelelwa ngonyango olusekelwe kuluntu kunye neenkqubo zokhathalelo lwamva, ezijolise kulutsha nakubantu abadala kwimimandla yePhondo esemngciphekweni omkhulu ngokunjalo nakwiindawo ezisemaphandleni. Ukuxhasa ezi nkqubo, iSebe liza kuqhubeka neenkqubo zalo ezisekelwe ezikolweni, uqeqesho kunye nongenelelo lokuxhobisa ngolwazi olujoliswe kubafundi baseyunivesithi nababoneleli ngeenkono, kwakunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo yalo esemthethweni kunye nokubhaliswa kwamaziko eenkono zonyango lweziguwana. IiKomiti zeNdawo zokuSebenza kweZiyobisi (iiLDAC) zingundoqo ekusebenziseni ukubandakanyeka koluntu ekulweni ukuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi (iSUD). Kunyakamali wama2021/22, kwasekwa iiLDAC ezinga ma20 apho ezili10 kuzo bezisebenza ngokupheleleyo kwaye ezishiyekileyo zikwinkqubo yokusekwa. OoMasipala abali10 abaseleyo abangekazinzisi iiLDAC zabo bakwinkqubo yokufumana uqeqesho nenkxaso ukuze basebenze ngokupheleleyo. Ukulwa nokunciphisa ukuxhaphaka kweSUD kwiphondo, iSebe liqalise ngenkqubo yokuphuhlisa isiCwangciso esinguNdoqo seZiyobisi sePhondo, esilungelelaniswe ekuphumezeni iinjongo ezicwangcisiweyo ezisixhenxe ezichazwe kwisiCwangciso esinguNdoqo sikaZwelonke seZiyobisi sama (2019-2024).

Ulutsha luchaphazeleka ngendlela engalinganiyo yintswelangu nophuhliso. ISebe liza kuqhubeka libonelela ngeenkqubo namangenelo aququzelela uphuhliso olupheleleyo, oluqinisekileyo lwabantu abatsha ukuze babe ngabantu abanemveliso njengosapho namalungu oluntu. Ukunceda nokuncedisa ulutsha ekuphuhliseni amandla alo, iSebe liza kubonelela ngezakhono zokufunda nokubhala kubuchwepheshe balemihla be intanethi, ukuvuselela ushishino, ukuphuhlisa ubuchule obusisiseko bobuchwepheshe balemihla be intanethi ukulungisa ulwahlulo lobuchwepheshe balemihla be intanethi, kugxininise ngakumbi kulutsha olungekho kwiNgqeshweni, iMfundo okanye uQeqesho (iNEET) kwiindawo zasemaphandleni. Ukongeza, iSebe liza kubonelela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kwiiKhefi zoLutsha ukuxhasa ulutsha olukwinguqu (amabanga e10 ukuya kwi 12) ngophuhliso lwezemfundo nophuhliso lwezakhono

ngokubanzi. Ezinye izinto ezenziwa kwiiKhefi zoLutsha ziquka izifundo zentetho yezandla; iinkonzo ezinxulumene nempilo yezesondo ukwazisa kunye nokuxhaphaka kweGBV; iingcebiso ngeziyobisi notywala kwakunye namanyathelo okuthintela ulwaphulomthetho ekuhlaleni. Ukugcina isidima kunye nokuzithemba kwamantombazana aselula nabasetyhini abasebatsha abafunda kwizikolo zeWCED ezichongiweyo zafakwa kwiiCYCC ezifumana inkxasomali kwiDSD, iProjekthi yeSanitary Dignity iza kuqhubeka ukunika ufikelelo kwiimveliso zococeko kunyakamali wama2022/23. KweyoMqungu wama2022, iipakethi ezingama 791 100 zemiqoshelo zingasazwa kwizikolo ezingama 223 kwiphondo liphela.

Ulawulo olululo, uxanduva lokuphendula kunye nokwenza izinto elubala kubalulekile ukuze kuqinisekiswa unikezelo lwenkonzo olusebenzayo nolufanelekileyo lweenNPO ezimalunga ne1 000 zeDSD ezifumana inkxasomali. Ezi NPO zixhaswa kusetyenziswa indlela ephuleleyo egxile kuwisomthetho nakwimiba enxulumene nokuthotyelwa njengoko kuchaziwe kuMthetho weMibutho eNgenzi Nzuzo (we1997). Le ndlela ibonelela ngoqeqesho olubanzi neenkqubo zokucebisa ezijolise ekwandiseni uzinzo lulonke lweenNPO. Kuza kuhlala kugxininiswa ekuqhubeleni phambili iPhulo loLwazi ngeSimo Sakho seNPO, ngaloo ndlela inceda kwaye ikhuthaza imibutho ukuba ithobele yonke imithetho efanelekileyo.

## Isiphelo

Ufikelelo kanye phakathi kumjikelo wangoku wocwangciso, uphuhliso lwesi siCwangciso sokuSebenza soNyaka (iAPP) lubonelele ngethuba lokuhlola inkqubela phambili ebhekiselele kwiziphumo ezichazwe kwiSakhelo sesiCwangciso sesiQhinga esiPhakathi soNyaka esihlaziyiweyo (iMTSF), isiCwangciso seQhinga sePhondo, isiCwangciso soKhuseleko kunye nesiCwangciso soBuyiselo seKHOVIDI-19 seNtshona Koloni. Ikwanike ithuba lokuphonononga, apho kukho imfuneko, izinto eziphambili ngokubaluleka kwiSebe kujongwe iinguqu ezimandla kwintlobo, uqoqosho, kunye nemeko yokusebenza kwiphondo ukusukela oko kwathi kwaqala ubhubhane weKHOVIDI-19. Le APP ngokufanelekileyo ibonisa ulungelelwaniso oluhlaziyiweyo lweenkonzo ezisemthethweni ezimiseliweyo zeSebe kunye nemiba ephambili yomgaqo nkqubo kazwelonke equlethwe kwisiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (iNDP) kunye neMTSF ehlaziyiweyo kunye nezigunyaziso zomgaqonkqubo wephondo njengoko zichazwe kwQhinga lesiCwangciso sePhondo (iPSP) nesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni. Ibonisa uthungelwano lweenkonzo ezijoliswe kwinani elandayo labantu abasesichengeni kuluntu lwethu kwiphondo liphela ezithi zinikezelwe phantsi kweemeko ezinzima.



**Gqr. Robert Macdonald**

**IGosa eliPhendulayo loRhulumente weNtshona Koloni:  
ISebe loPhuhliso loLuntu  
KweyoKwindla wama2022**




## Utyikityo oluseMthethweni

Ngokwenjenje kukuqinisekisa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beSebe loRhulumente weNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu phantsi kwesikhokelo sika Nksk S. Fernandez, uMphathiswa weNtshona Koloni woPhuhliso loLuntu.
- Sithathela ingqalelo yonke imigaqo nkqubo efanelekileyo, imithetho kunye neminye imiyalelo apho iSebe loPhuhliso loLuntu loRhulumente weNtshona Koloni linoxanduva khona.
- Sibonisa ngokuchanekileyo iziphumo kunye neziqhamo iSebe loRhulumente weNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu eliza kuzama ngalo ukuziphumeza kwisithuba esiphakathi kowama 2022- 2023.


Charles Jordan  
UMLawuli oyiNtloko: Abantwana,  
iiNtsapho neECD

Utyikityo: \_\_\_\_\_




Leana Goosen  
UMLawuli oyiNtloko: INtlatontle yoLuntu  
neeNkonzo zoBuyiselo kwiSimo esisiso

Utyikityo: \_\_\_\_\_



Mzwandile Hewu  
UMLawuli oyiNtloko: UPhuhliso  
neNtsebenziswano yoLuntu

Utyikityo: \_\_\_\_\_




Annemie van Reenen  
UMLawuli oyiNtloko: ULawulo  
noQuquzelelo loHanjiso lweNkonzo

Utyikityo: \_\_\_\_\_



Juan Smith  
UMLawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali

Utyikityo: \_\_\_\_\_




Sihaam Nieftagodien  
IBambela loMlawuli oyiNtloko: IQhinga  
noCwangciso loShishino

Utyikityo: \_\_\_\_\_



Robert Macdonald  
IGosa eliPhendulayo

Utyikityo: \_\_\_\_\_



**Yamkelwe ngu:**  
Sharna Fernandez  
IsiGqeba esiLawulayo  
KweyoKwindla wama2022

Utyikityo: \_\_\_\_\_



<b>Iziqulatho</b>	
<b>IsiBhengezo</b> .....	<b>2</b>
<b>INgxelo yeSigqeba esiLawulayo</b> .....	<b>3</b>
<b>INgxelo yeGosa eliPhendulayo</b> .....	<b>4</b>
<b>Icandelo A: IGunya Lethu</b> .....	<b>10</b>
1. IziGunyaziso zoMgaqosiseko, ezoMthetho nezoMgaqonkqubo.....	10
2. ImiGaqonkqubo neziCwangciso zeSebe kwisithuba seminyaka emihlanu sokucwangcisa..	19
3. IziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo.....	21
<b>Icandelo B: UGxininiso Lwethu lweSiCwangciso</b> .....	<b>24</b>
4. UHlalutyo lweMeko.....	24
4.1 UHlalutyo lweMeko yangaPhandle .....	24
4.2 UHlalutyo lweMeko yangaPhakathi.....	30
<b>Icandelo C: UMlinganiselo Wethu wokuSebenza</b> .....	<b>33</b>
5. IiNkcukacha zokuSebenza kweNkqubo yeSebe.....	33
5.1 Inkqubo yoku1: Ulawulo .....	33
5.2 Inkqubo yesi2: IiNkonzo zeNtlaloNtle.....	38
5.3 Inkqubo yesi3: Abantwana neeNtsapho .....	48
5.4 Inkqubo yesi4: IiNkonzo zoBuyiselo .....	57
5.5 Inkqubo yesi 5: UPhuhliso noPhando .....	69
6. AmaQumrhu kaRhulumente .....	78
7. IiProjekthi zeziseko ezingundoqo .....	79
8. INtsebenziswano kaRhulumente namaShishini abuCala (iPPP) .....	80
<b>ICANDELO D: Iinkcazelo ngeZalathisi zoBuchwepheshe (iiTID)</b> .....	<b>81</b>
<b>IziHlomelo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka</b> .....	<b>150</b>
IsiHlomelo A: IziLungiso kwisiCwangciso seQhinga .....	150
IsiHlomelo B: Izibonelelo zoXhomekelo .....	154
IsiHlomelo C: Izalathisi eziManyanisiweyo .....	154
IsiHlomelo D: IModeli yoPhuhliso lweSithili .....	155
IsiHlomelo E: Izifinyezo .....	156

## Icandelo A: IGunya Lethu

### 1. IziGunyaziso zoMgaqosiseko, ezoMthetho nezoMgaqonkqubo

#### IGunya loMgaqosiseko

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we1996.	ICandelo lama28 (1) loMgaqosiseko liwabeka amalungelo abantwana ngokuhambelana nokhathalelo olufanelekileyo (isondlo esisisiseko, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo kunye neenkono zentlalontle) kwaye ukuvalelwa kwabantwana linyathelo lokugqibela elinokuthi lithatyathwe.

#### AmaGunya oMthetho

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
UMthetho waBantwana (38/2005).	<p>UMthetho uqhutywe ngokwesibengezo soBongameli ngomhla woku1 kuTshazimpuzi wama2010 waze wachaza:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>● Uxanduva namalungelo obuzali;</li> <li>● Imithethosiseko nezikhokelo zokhuselo lwabantwana;</li> <li>● Inkuthazo yempilontle yabantwana; kunye</li> <li>● Nohlanganiso lwemithetho enxulumene nentlalontle kunye nokhuselo lwabantwana kunye, nemicimbi eyenzekayo.</li> </ul> <p>Okona kugxilwe kuko kuhlaziyo lwesibini loMthetho waBantwana yayikukufunyanwa kweNkundla ePhakamileyo yaseMazantsi eRhawuti kuTshazimpuzi wama2011 malunga notaliko olululo lweCandelo le150 (loku1) (a) loMthetho. Inkundla yafumanisa ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Umkhathaleli wabantwana oneemfanelo ezisemthethweni zokukhathalela (kule meko umakhulu) unakho ukonyulwa njengomzali okhulisa umntwana ongengowakhe; kwaye</li> <li>● NoMthetho ongengowaBantwana nongengoMthetho woNontlalontle oNcedisayo okanye iMigaqo yayo edinga uphononongo lomvuzo womzali okhulisayo, ngoko ke imeko yezemali zabantwana zifumaneka ukuba inkathalo nokhuselo kufuneka zithathelwe ingqalelo ingenguye umzali okhulisayo. Apho abazali abakhulisa abantwana abangengobabo bafumana inkxaso ngokwasemthethweni bengakwazi ukukwenza oko ngokwezemali, kufuneka babenako ukufaka isicelo sesibonelelo senkulisa.</li> </ul>
UMthetho oHlonyelweyo waBantwana we17 wama2016 noMthetho oHlonyelweyo weSibini waBantwana we18 wama2016.	<p>UMthetho siHlomelo waBantwana (18/2016) uhlomela uMthetho waBantwana, wowa ma2005 ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufakele iinkcazelo ezintsha; ubonelela ngokuba ukususwa komntwana kukhathalelo olukhuselekileyo lwexeshana ngaphandle komyalelo wenkundla kubekwe phambi kwenkundla yabantwana ukuze kuqwalaselwe kwakhona ngaphambi kokuphela kosuku olulandelayo lwenkundla; ubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; ubonelela ngeNtloko yePhondo yoPhuhliso lweNtloko ukuba itshintshe umntwana okanye umntu ukusuka kolunye uhlobo lononophelo olulolunye lumse kolunye uhlobo lononophelo kwaye ubonelela nangesicelo sokuba umntwana ahlale kukhathalelo olulolunye olungaphaya kweminyaka eli18 ubudala singeniswe phambi ekupheleni konyaka apho umntwana ochaphazelekayo efikelela kwiminyaka eli18.</p> <p>UMthetho siHlomelo waBantwana (17/2016) uhlomela uMthetho waBantwana, wowa ma2005 ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufakele iinkcazelo ezintsha; ubonelela ngokuba umntu obanjelwe amatyala athile athathwe njengongafanelekanga ukusebenza nabantwana; ubonelela ngokuba uMkomishinala kaZwelonke; weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kufuneka agqithisele kuMlawuli Jikelele zonke iinkcukacha zabantu abafunyenwe bengafanelekanga ukusebenza nabantwana; ubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; wandisa iimeko</p>

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
	malunga nexesha lokwamkelwa komntwana; kwaye wandisa iziphumo zomyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho ngokubonelela ngokuba umyalelo wokuthatha umntwana ongamzalanga abe ngowakho awuziphelisi ngokuzenzekelayo zonke iimfanelo zomzali namalungelo omzali womntwana xa umyalelo wokuthathwa komntwana ukhutshiwe ngenxa yeqabane okanye iqabane elisisigxina laloo mzali kwaye ukubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho weMisebenzi yeeNkonzo zeNtlalo we110 we1978, iziHlomelo: se1995, se1996 nese1998.	Lo Mthetho waseka iBhunga laseMzantsi Afrika leMisebenzi yezeNtlalontle kwaye uchaza amandla kunye nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zentlalo kunye nobuchwephesha.
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo we110 we1978); Imimiselo enxulumene nokubhaliswa kobungcali kwiinkonzo zoluleko (2013).	Le migaqo ipapashwe kwiGazethi yeMimiselo enguNombolo 36159, yowe15 kweyoMdumba wama2013, Vol. 572, Nombolo 9911 ejolise ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.
UMkhomishinala weNtshona Koloni kuMthetho waBantwana wesi2 wama2019.	Ukubonelela ngokuqeshwa koMkhomishinala waBantwana kwiPhondo leNtshona Koloni; kwimiba enxulumene noko nokubonelela ngemiba ethile ephathelele kulo ofisi. ICandelo lama78 loMgaqosiseko weNtshona Koloni, le1997, liseka iofisi yoMkhomishinala waBantwana yephondo kwaye libonelela ngokuba uMkhomishinala kufunekaancedise iWCG ekukhuseleni nasekukhuthazeni amalungelo, iimfuno kunye nomdla wabantwana ephondweni.
UMthetho oLungisiweyo weNkonzo zolingo wama35 wama2002.	Injongo yawo kukulungisa uMthetho weNkonzo zolingo, we1991, ukuze kufakelwe iinkcazelo ezithile: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Yenza amanye amalungiselelo eenkqubo ezijolise ekuthinteleni nasekulweni ulwaphulomthetho;</li> <li>● Ukwandisa amagunya kunye nemisebenzi yamagosa olingo;</li> <li>● Ukubonelela ngemisebenzi yabancedisi bamagosa olingo;</li> <li>● Ukubonelela ngovavanyo olusisinyanzelo lwabantwana ababanjiweyo;</li> <li>● Ukubonelela ngokusekwa kwekomiti ngeengcebiso zolingo;</li> <li>● Ukubonelela ngokuchongwa kwabafumani ntsapho; kunye</li> <li>● Nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</li> </ul>
UMthetho woBundlobongela lwaseKhaya we116 we1998.	Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongelad lwasekhaya ukhuseleko oluphezulu kuxhatshazo lwasekhaya.
UMthetho waBantu abaDala we13 wama2006.	Lo Mthetho, owaphunyezwa siSibhengezo sikaMongameli ngomhla woku1 kuTshazimpuzi wama2010, ujolise ekuxhotyisweni nasekukhuselweni kwabantu abadala kubandakanywa ubume babo, amalungelo, intlalontle, ukhuseleko, ukhuselo kunye nokulwa ukuxhatshazwa kwaBantu abaDala. UMthetho ukhuthaza indlela yophuhliso evumela: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ubulumko nezakhono zaBantu abaDala;</li> <li>● Uthatho nxaxheba lwaBantu abaDala kwimiba yasekuhlaleni;</li> <li>● Ukulawula ukubhaliswa kweenkonzo zaBantu abaDala; kunye</li> <li>● Nokumiselwa nokulawulwa kweenkonzo namaziko aBantu abaDala.</li> </ul> Ngokungafaniyo noMthetho waBantu abaDala, uNombolo 81 we1967, ugxininiso luyashenxiswa kukhathalelo lweziko ukuya kukhathalelo olusekelwe kuluntu ukuze kuqinisekiswa ukuba uMntu omDala uhlala kuluntu ixesha elide kangangoko.

<b>Umthetho</b>	<b>Ifuthe ekusebenzeni kweDSD</b>
UMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa kweZiyobisi wama70 wama2008.	Lo Mthetho ubonelela ngokuphunyezwa konikezelo lwenkonzo olubanzi noluhlangeneyo kummandla wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto ugxininiswa kuyo lo Mthetho kukukhuthaza iinkqubo ezisekelwe kuluntu kunye nokungenelela kwangethuba, kunye nokubhaliswa kongenelelo lonyango ngokubhekiselele kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
UMthetho woBulungisa obunxulumene naBantwana wama75 wama2008.	Lo Mthetho useka inkqubo yobulungisa kulwa phulomthetho kubantwana abatyholwa ngokwenza ubugwenxa kwaye ujolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.
UMthetho woLwaphulomthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho sihlomelo wesi6 wama2012.	Lo Mthetho uhlomela uMthetho woLwaphulo mthetho (uLwaphulo mthetho lweze Sondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho, wowa ma2007, ukuze ubonelele ngokucacileyo ukuba ukuwiswa kwezohlwayo ngokubhekiselele kumatyala athile aqulathwe kulo Mthetho kuyekelwe ekuboneleleni kweenkundla; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho woThintelo kunye nokuLwa ukuRhweba ngabantu wesi7 wama2013.	Lo Mthetho unika impembelelo kwiNkqubo yeZizwe eziManyeneyo (iUN) yokuthintela, ukucinezela nokohlwaya ukurhweba ngabantu ngokungekho mthethweni, ingakumbi abasetyhini nabantwana, okongezelela kwingqungquthela yeUN echasene nolwa phulomthetho olulungelelanisiweyo lwezizwe ngezizwe.
UMthetho weSakhelo soBudlelwane boRhulumente we13 wama2005.	UMthetho ujonge ukuququzelela uthetha thethwano olumandla phakathi kwamacandelo amathathu karhulumente ukuze kukhuthazwe inkqubo yolawulo ezinzileyo nesabelayo, ethi iphucule iimpawu zentsulungeko, kunye nemithethosiseko yolawulo lukarhulumente.
UMthetho weArhente yoPhuhliso lolutsha lukaZwelonwama54 wama2008.	Injongo yalo Mthetho kukudala nokukhuthaza ulungelelwaniso kwimiba yophuhliso lolutsha.
UMthetho woNcedo lweNtlalo we13 wama2004.	Lo Mthetho ubonelela ngonikezelo loncedo loluntu ebantwini, kunye nendlela yokunikezelwa koncedo olunjalo; ukusekwa kwecandelo labahloli boncedo loluntu; kunye nokubonelela ngeminye imiba enxulumene noko.
UMthetho woNyuso lwengxowa mali we107 we1978.	Lo Mthetho ubonelela ngolawulo lokuqokelelwa kweminikelo eluntwini; ukuqeshwa koMlawuli wokunyuswa kweNgxowamali; ukusekwa kweNgxowamali yokuNceda kwiNtlekele, iNgxowamali yoMkhosi woKhuselo waseMzantsi Afrika kunye neNgxowamali yokuNceda iiMbacu; ukubhengezwa kweentlekele ezithile njengeentlekele; kunye neminye imiba enxulumene noko.
UMthetho weMibutho eNgenzi Nzuzo (iNPO) wama71 we1997.	Lo Mthetho ujolise ekudaleni imeko bume evumelayo kunye nesikhokelo solawulo seeNPO kwigalelo lazo ekuhlangabezaneni neemfuno ezahlukeneyo zabemi kunye nokugcina imigangatho eyaneleyo yolawulo, ukungafihli kunye nokuphendula kuluntu. UMthetho weNPO utshitshisa iinxalenye ezithile zoMthetho Wonyuso lweNgxowamali, we1978.
UMthetho woLawulo lweNtlekele wama57 wama2002.	Lo Mthetho ubonelela ngomgaqo nkqubo ohlangeneyo nolungelelanisiweyo wolawulo lweentlekele (ogxile ekuthinteleni okanye ekucutheni umngcipheko weentlekele, ukuthomalalisa ubuzaza beentlekele, ukulungela unxunguphalo, ukusabela ngokukhawuleza nangempumelelo kwiintlekele kunye nokuchacha emva kweentlekele); ukusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakumasipala; amavolontiya olawulo lweentlekele; kunye neminye imiba enokwenzeka.
UMthetho siHlomelo woLawulo lweNtlekele we16 wama2015.	Lo Mthetho usebenza ukulungisa uMthetho woLawulo lweNtlekele, wowama2002 (umthetho ophambili ojongene nolawulo lweentlekele eMzantsi Afrika), ukuze kufakwe ezinye endaweni yazo kwaye kufakelwe iinkcazelo ezithile; ukucacisa ugaqaliselo lomgaqonkqubo wokubuyisela

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
	<p>kwisimo sangaphambili kunye nokusebenza kwamaziko olawulo lweentlekele; ukulungelelanisa imisebenzi ethile; ukubonelela ngamaqumrhu karhulumente ukubaancedise amacandelo olawulo lweentlekele; ukubonelela ngenkqubo yokunika ingxelo eyandisiweyo ngamaqumrhu karhulumente malunga nolwazi olumalunga neziganeko ezikhokelela ekubhengezweni kweentlekele, inkcitho ekuphenduleni nasekubuyiselweni kwakhona, amanyathelo anxulumene nokunciphisa umngcipheko kunye neengxaki ezithile ezifunyenwe ekujonganeni neentlekele; ukomeleza ukunikezelwa kwengxelo ngokuphunyezwa komgaqonkqubo nomthetho onxulumene nokuncitshiswa kweentlekele kunye nolawulo lwenkxasomali eyabelwe umasipala kunye namaqonga orhulumente wephondo asekwengokoMthetho weSakhelo soBudlelwane boorhulumente, wama2005; ukomeleza ukumelwa kweenkokheli zemveli; ukwandisa imixholo yezicwangciso zolawulo weentlekele ukubandakanya ukuqhutywa kovavanyo lomngcipheko weentlekele kwiindawo ezisebenzayo kunye nokwenziwa kwemephu yemingcipheko, imimandla kunye noluntu olusesichengeni seentlekele; ukubonelela ngamanyathelo okunciphisa umngcipheko weentlekele; ukubonelela ngemigaqo ngemfundo yolawulo lweentlekele, uqeqesho kunye nemicimbi yophando kunye nokubhengezwa kunye nokuhlelwa kweentlekele; kunye nokubonelela ngemiba ehambelana noko.</p>
<p>UMthetho woKhathalelo lweMpilo ngokwaseNgqondweni we17 wama2002.</p>	<p>Lo Mthetho ubonelela ngokhathalelo, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili sabantu abagula ngengqondo; ubeka iinkqubo ezahlukeneyo emazilandelwe ekwamkelweni kwaba bantu kwaye ubonelela ngokhathalelo nolawulo lwepropathi yabantu abagula ngengqondo.</p>
<p>UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA) onguNombolo 01 we1999 njengoko ulungisiwe.</p>	<p>Ukuphatha ulawulo lwemali kurhulumente kazwelonke noorhulumente bamaphondo; ukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iiasethi namatyala abo rhulumente alawulwa ngokufanelekileyo nangempumelelo; ukubonelela ngoxanduva lwabantu abaphathiswe ulawulo lwemali kwabo rhulumente; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
<p>UMthetho woLwaphulo mthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho oLungisiweyo we13 wama2021.</p>	<p>Ukuhlomela uMthetho woLwaphulo mthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho siHlomelo wama2007, ukuze:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Wandise umda wetyala lombulo;</li> <li>● Wazise ngetyala elitsha lokugrogrisa ngokwesondo;</li> <li>● Ufake endaweni yebinzana elithi "umntu ophila nokhubazeko ngokwasengqondweni" okanye "abantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondwebu" naphi na apho eli binzana livela khona nebinzana elithi "umntu ophila nokhubazeko ngokwase ngqondweni" okanye "abantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni";</li> <li>● Ulawule ngakumbi ukubandakanywa kweenkcukacha zabantu kwiRejista kaZwelonke yaboPhulimthetho ngokweSondo;</li> <li>● Wandise uluhlu lwabantu abaza kukhuselwa ngokweSahluko sesi6 soMthetho;</li> <li>● Wandise uluhlu lwabantu abanelungelo lokungenisa izicelo kuMbhalisi weRejista yaBophulimthetho ngokweSondo;</li> <li>● Ulawule ngakumbi ukususwa kweenkcukacha zabantu kwiRejista kaZwelonke yaBophulimthetho ngokweSondo; uze</li> <li>● Ulawule ngakumbi umsebenzi wokunika ingxelo wabantu abaziyo ukuba izenzo zolwaphulomthetho ngokwesondo zenziwe kubantu abasesichengeni, kwaye ulungiselele imiba enxulumene noko.</li> </ul>

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
UMthetho oHlonyelweyo woBundlobongela baseKhaya we14 wama2021.	Ukuhlomela uMthetho woBundlobongela baseKhaya, we1998, ukuze kuhlonyelwe kwaye kufakelwe iinkcazelo ezithile; Ukwabonelela nangendlela ekufuneka kujongwe ngayo izenzo zobundlobongela lwasekhaya nemiba enxulumene noko; Ukulawula ngakumbi imiyalelo yokhuseleko ekuphenduleni izenzo zobundlobongela basekhaya; ukulungisa izibonelelo zemithetho ethile; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho oHlonyelweyo woLwaphulomthetho neMinye iMiba eNxulume noko we12 wama2021.	Injongo yaloMthetho kukuhlomela: <ul style="list-style-type: none"> <li>UMthetho weeNkundla zikaMantyi, we1944, ukuze ubonelele ngokuchongwa kwabameli kunye nokunikezelwa kobungqina ngokusebenzisa abameli kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho; isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nokunika ubungqina ngonxulumano oluvakalayo nolubonwa kwiinkqubo ngaphandle kwamatyala olwaphulo mthetho;</li> <li>UMthetho weNkqubo yoLwaphulomthetho, we1977, ukuze kulawulwe ngakumbi ukuvunywa nokucinywa kwebheyle; ukunikezelwa kobungqina ngomabonakude ovaliweyo okanye usasazo lwe elektroniki olufanayo; ukunika ubungqina ngengqina elinokuphila nokhubazeko ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni okanye ukuphazamiseka ngokwasengqondweni; ukuqeshwa, isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nelungelo lommandali kwityala elinxulumene nolwasekhaya lokuthatha inxaxheba kwiinkqubo zengqawule;</li> <li>UMthetho siHlomelo woMthetho woLwaphulomthetho, wowe1997, ukuze ulawule ngakumbi izigwebo malunga namatyala awenziwe kubantu abasesichengeni; kunye</li> <li>NoMthetho weeNkundla eziPhakamileyo, wama2013, ukuze ubonelele ngokuchongwa kwabameli kunye nokunikezelwa kobungqina ngokusebenzisa abameli kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho; isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nokunika ubungqina ngekhonkco elivakalayo nobonwa kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho, kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</li> </ul>

## AmaGunya oMgaqonkqubo

UMgaqonkqubo	Ifuthe lokusebenza kweDSD
ISakhelo sesiCwangciso sesiQingatha eliPhakathi esiHlaziyiweyo (iMTSF) sowama2019-2024.	Le MTSF sisicwangciso sikaRhulumente somilisele kunye nesakhelo sokubeka iliso sokuphumeza imiba ephambili yesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (iINDP) sowama2030 kwisithuba sowama2019-2024. Isicwangciso somilisele sigxile kwizinto eziphambili ezisixhenxe namanganelo anxulumeneyo, ngeli lixa isakhelo sokubeka iliso ehlangeneyo igxile kwiziphumo zokubekwa kweliso, izalathisi kunye nekujoliswe kuko ekufezekiseni izinto eziphambili ngokubaluleka. IMTSF ehlaziyiweyo yama2019-2024 ikhuthaza, ulungelelwaniso, uququzelelo kunye nokuhlanganiswa okupheleleyo kwazo zonke izixhobo zokucwangcisa uphuhliso kwisakhelo esidibeneyo.
IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (iINDP) sama2030 (2012).	INDP ijolise ekupheliseni intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama2030. Ngokwesi sicwangciso, uMzantsi Afrika ungaziphumeza ezi njongo ngokuthi utsale amandla abantu bawo, ukhulise uqoqosho olubandakanyayo, ukwaxhiwa kwezakhono, ukukhulisa amandla karhulumente, nokukhuthaza ubunkokeli kunye nentsebenziswano kuluntu lonke.
IOneCape2040. Ukusuka kumbono ukuya ekwenzeni (2012).	IWCG yamkele lo mbono kweyeDwarha wama2012. Ijolise ekukhuthazeni inguqu kwikamva eliqukayo nelinamandla loqoqosho lweNtshona Koloni. Icacisa umbono wokuba abantu baseNtshona Koloni bangasebenzisana kanjani ekuphuhliseni uqoqosho lwengingqi kunye noluntu ngokubanzi, ngokwenza njalo, bekhokela ucwangciso kunye namanyathelo okukhuthaza

UMgaqonkqubo	Ifuthe lokusebenza kweDSD
	ukuzibophelela kunye nokuphendula kuzinzo lwenkqubela phambili yexesha elide.
IQhinga lesiCwangciso sePhondo (iPSP) 2019-2024.	IPSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esimisela umbono kunye nezinto eziphambili ku WCG ize yakhele kwiziseko ezibekwe ngexesha leekota ezimbini zokugqibela kwiofisi. IWCG iyazibophelela ekwakheni urhulumente onobuchule obusekelwe kwiziseko ezisemgangathweni ezinika ithuba kwaye zikhuthaze uxanduva kwiNtshona Koloni ekhuselekileyo Umbono iNtshona Koloni ekhuselekileyo apho wonke umntu aphumelelayo - uboniswa kubaluleko oluphenjelelwe ngumbono wesihlanu wesicwangciso seenjongo eziphambili (iiVIP) ezichongwe kwisithuba esiphakathi kowama2019 ukuya kowama2024 ezizezi, uLuntu oluKhuselekileyo noluHlangeneyo; Ukukhula kunye neMisebenzi; Ukuxhobisa abaNtu, ukuHanjiswa kunye nokuTshintshwa kweNdawo kunye; nenguqulelo neNkcubeko
IsiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni (2021).	Esi sicwangciso kukunakana kunye nokusabela kubhubhani weKHOVIDI-19 kunye neziphumo ezibi zentlalo noqoqosho kubemi baseNtshona Koloni. Ichonga iingxaki ezifuna impendulo engxamisekileyo, yoluntu lonke ukuze kudalwe imisebenzi, kukhuthazwe uluntu olukhuselekileyo, nokukhuthaza impilontle yabo bonke abemi baseNtshona Koloni. Esi sicwangciso siya kuphunyezwa ngaphakathi kwimiba emihlanu ephefumlelweyo yezicwangciso eziphambili ezichazwe kwiPSP (2019-24).
IPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo weNtaloNtle (1997)	IPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo lisebenza njengesiseko sentlalontle emva kowe1994 ngokubonelela ngemigaqonkqubo ekhokelayo, imigaqonkqubo kunye neenkqubo zemimiselo yophuhliso lwentlalontle.
IPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo waBemi (1998).	IPhepha leNgcaciso likhuthaza ukukhula okuzinzileyo kophuhliso lomntu kunye nomgangatho wobomi wabo bonke abantu baseMzantsi Afrika ngokudityaniswa kwemicimbi yabemi kucwangciso lophuhliso kumanqanaba ohlukeneyo karhulumente kunye nakuwo onke amacandelo oluntu. Eli Sebe ligunyaziswe ukuba libeke esweni ukuphunyezwa komgaqonkqubo, kunye nefuthe lazo kwiindlela zokuphila kwabantu kunye nemiba yokuguquguquka kwimeko yophuhliso loluntu oluzinzileyo.
ISebe loPhuhliso loLuntu: uMgaqonkqubo kwiNkxasomali kweMibutho engeNzi Nzuzo ukuBonelela ngeNtaloNtle kunye noPhuhliso loLuntu (2015) njengoko ulungisiwe kowama2017.	Injongo yalo mgaqonkqubo kukuqinisekisa ukuba iintlawulo ezidluliswayo zilawulwa ngendlela ebonakalayo ekhuthaza ukuphendula, ukufikelela, ulawulo olululo, iimfuno zomsebenzi ocacileyo, kunye nemithethosiseko yezolawulo ukulungiselela iDSD ukuba ifezekise umsebenzi wayo wokubonelela ngothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso lwentlalo ezenza ukuba abo bahluphekayo, basesichengeni kwanabo banezidingo ezizodwa baxhotyiswe.
IPhepha leNgcaciso kwiNtsapho zaseMzantsi Afrika (2013) nePhepha eliHlaziyiweyo leNgcaciso yoMgaqonkqubo kwiNtsapho zaseMzantsi Afrika (2021).	Eyona njongo iphambili yePhepha leNgcaciso kukukhuthaza iintlalontle yosapho, ukukhuthaza kunye nokomeleza iintsapho, ubomi bosapho kunye nokubandakanya imiba yosapho kumalinge omgaqonkqubo obanzi owenziwa ngurhulumente. Eli Sebe liye laqulunqa isicwangciso sephondo sokumilisela kwePhepha leNgcaciso kwiintsapho ezamkelwa yiForum yeeNkonzo zoSapho ngowe16 kweyoMsintsi wama2016.  IPhepha leNgcaciso yoMgaqonkqubo eHlaziyiweyo leentsapho lifumana amandla kumaxwebhu omgaqonkqubo asele akhankanyiwe kwaye lijolise ekujonganeni nezigxeko kunye neenkxalabo ezichasene nemigaqo yokuziphatha ephantsi kunye nokubonakaliswa mxinwa kobomi bosapho eMzantsi Afrika kumacandelo ePhepha leNgcaciso oMgaqonkqubo okuqala leentsapho. Olu hlaziyo luhlaziya iphepha lomgaqonkqubo ukuze liphendule ngemeko yeli xesha leentsapho eMzantsi Afrika kwaye lidibanisa ingxelo evela kurhulumente kunye namaqela achaphazelekayo kuluntu oluthe lwathethathethana ngexesha lohlaziyo lwePhepha leNgcaciso yoMgaqonkqubo.
Isakhelo seeNkonzo zeNtaloNtle (2013).	Esi sakhelo sivunyiweyo sikazwelonke sihambelana neModeli yoHanjiso lweenkonzo eziHlanganisiweyo (iiSDM) kwaye sibonelela ngenkqubo esemgangathweni apho abasebenzi bezentlalontle beza kubonelela



UMgaqonkqubo	Ifuthe lokusebenza kweDSD
	ngeenkonzozentlalontle ezijongene nomgangatho ofanelekileyo, obanzi, odibeneyo, osekelwe kumalungelo, kunye nezixhobo ezifanelekileyo.
Imimiselo eQhelekileyo yeMigangatho yeeNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (2013).	Ukubonelela ngemilinganiselo yokubonelela ngeenkonzoz eziSemgangathweni zentlalontle kwaye wenze inxalenye yeSikhokelo seeNkonzo zeNtlalontle.
IsiCwangciso esiPhambili sikaZwelonke seZiyobisi sowama2019 ukuya kowama2024 (2019).	Isicwangciso sivumela ulungelelaniso lwamasebe noogunyaziwe bengingqi ngokuhambelana noMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wama2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba ilizwe linempendulo efanayo kusetyenziso gwenxa lwezinyobisi.
Isakhelo sokuLawula kuMsebenzi weNtlalontle eMzantsi Afrika (2012).	Ibonelela ngesakhelo solawulo olusebenzayo loonontlalontle, oonontlalontle babafundi, oonontlalontle abancedisayo, abasebenzi abangabancedisi bezentlalontle, iingcali zentlalontle kunye nabasebenzi babucala ukuze kuqinisekiswa iindlela zokwenza umsebenzi wentlalontle onobuchule osebenza ngokufanelekileyo kubasebenzisi benkonzo kwicandelo lentlalontle eMzantsi Afrika.
Isakhelo soQinisekiso loMgangatho weNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (V5) (2012).	Esi sakhelo sikazwelonke sibonelela ngenkqubo engaguqukiyo kunye nemigangatho ecacileyo yokuvavanya ukusebenza ngempumelelo kunye nokuqhubeka ukubonelela ngophuculo ngokubhekiselele kwiinkonzozentlalontle yoLuntu.
UMgaqonkqubo woLutsha kaZwelonke wama2020-2030 (iNYP 2030) (2021).	INYP 2030 ngumgaqonkqubo wamacandelo ahlukeneyo ojolise ekuphumezeni iziphumo ezincumisayo zophuhliso lolutsha kubantu abatsha kwinqanaba lasekhaya, lephondo nelikazwelonke eMzantsi Afrika. Lo mgaqonkqubo wakhela phezu kweNYP yoMzantsi Afrika yoku1 neyesi2 ebibandakanya isithuba sowama2009-2014 neso wama2015-2020, ngokulandelelanayo. Lo mgaqonkqubo uyayiqonda into yokuba ukubekwa phambili kwezibonelelo kufuneka kubandakanye uphuhliso lolutsha, imfundo yolutsha, ukuthatha inxaxheba kwezoqoqosho kwakunye nempilo yomzimba nengqondo. Isiphumo esinqwenelekayo salo mgaqonkqubo sixhobisa ulutsha oluxhotyiswe ngolwazi, ulwazi nezakhono eziluvumela ukuba luthabathe amathuba kwaye luthathe uxanduva ngokufanelekileyo ekwenzeni igalelo elibonakalayo kuphuhliso loMzantsi Afrika wedemokhrasi nonenkqubela.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha seSebe leNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu (2013).	Ukukhokela, ukwazisa kunye nokwalatha iinkqubo zophuhliso lolutsha zeSebe kwaye uzibeke phambili kunye nokuzisa umlinganiselo owomeleleyo weziko kunye noqikelelo lwenkqubo. Isebenza njengesixhobo esibalulekileyo sokucwangcisa, esijolise ekujonganeni neemfuno zabantu abatsha bePhondo laseNtshona Koloni.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwaseNtshona Koloni (2013).	Injongo yesicwangciso sophuhliso lolutsha (sephondo) kukudala inkxaso engaphezulu, amathuba kunye neenkonzozabo bonke abantu abatsha ukuba bazibandakanye ngcono nendalo yabo kunye nenguqu ngempumelelo yokuba ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Inika ingqalelo kubantu abatsha abakwinqanaba langaphambi kokuba lulutsha phakathi kweminyaka eli10 ne14 ubudala kunye nenqanaba 'lolutsha' phakathi kwe15 nama24 eminyaka.
UMgaqonkqubo kwiNkonzo zoPhuhliso loLuntu kuBantu abaphila noKhubazeko (2017).	Eyona njongo iphambili kukukhokela nokulungelelanisa ukubonelelwa kweenkonzo zophuhliso loLuntu ezijolise kubantu abaphila noKhubazeko. Injongo yayo kukuqinisekisa ukuba isidima kunye namalungelo abo bonke abantu abaphila nokhubazeko ayakhuselwa kwaye ayafezekiswa, ngokubonelela ngeenkqubo zentlalozozoqoqosho ezifanelekileyo kunye nokuqinisekisa ukubandakanywa kwabo.
Isakhelo soMgaqonkqubo - iNkonzo kuBantu abaphila noKhubazeko ngokwaseNgqondweni (2015).	Injongo yesakhelo kukuhanjiswa kweenkonzo ezilungelelanisiweyo nezifezekisiweyo kubantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni (iPWID) ngokwahlukana kwamasebe/kwamacandelo ephondo ukuqinisekisa ngendlela ejolise ebantwini kwiPWID kunye neentsaphozabo ngokuChonga iphrofayili yezidingo zePWID kumacandelo onke

UMgaqonkqubo	Ifuthe lokusebenza kweDSD
	kunye nemisebenzi efanelekileyo yesebe, uxanduva kunye neendlela zokufumana inkxasomali yokuhlangabezana neemfuno ezichongiweyo.
Isakhelo soPhuhliso lweNdawo kwiPhondo leNtshona Koloni (iPSDF) (2014).	Isakhelo sisebenza njengesiseko, ukulungiselela, ukudibanisa kunye nokulungelelanisa "uyilo lwesiseko" ukuhanjiswa kweenkqubo zeSebe kuzwelonke nakwiPhondo; sixhasa oomasipala ukufezekisa igunya labo lokucwangcisa loomasipala ngokuhambelana neajenda kazwelonke neyephondo; sixhasa kwaye sinxibelelanise iinjongo zophuhliso lomhlaba zikarhulumente kwicandelo labucala kunye noluntu.
Umgaqonkqubo woPhononongo, ukuKhutshwa kunye nokuDityaniswa kwakhona kwabahlali abagwetyiweyo kumaziko eDSD okhathalelo lwabantwana nolutsha kwiNdawo engenaZithintelo kangako okanye kuKhathalelo lwaBazali (2014).	Lo mgaqonkqubo ubonelela ngesikhokelo sophononongo, ukukhutshwa kunye nokudityaniswa kwakhona kwabahlali abagwetyiweyo kwii CYCC ngokubeka kwiindawo zokukhathalela ezithile njengoko kubonelelwe kwiSahluko se11 soMthetho waBantwana, onguNombolo38 wama2005 kunye neMimiselo.
ISebe leNtshona Koloni leNkqubo yokuSebenza koMgangatho woPhuhliso loLuntu (iSOP) lokuSuswa kwaBantwana abaseZitalatweni kwindawo yoKhuseleko nakwiNkqubo eziLandelayo (2015).	iSOP yaphuhliswa njengesikhokelo sesinyathelonyathelo malunga nendlela yokuqhuba xa ususa umntwana wesitalato odinga ukunakekelwa nokukhusela kwindawo yokhuseleko. Ichaza iindima noxanduva lwabasebenzi beSebe kunye nabanye abachaphazelekayo kwiiNPO kunye namacandelo obupolisa.
IsiCwangciso seSebe soPhuhliso loLuntu lweNtshona Koloni soPhuculo lweNkonzo zokuKhathalelwa kwaBantwana kunye noKhuseleko (2015).	Isicwangciso saphuhliselwa ukunciphisa imingcipheko enxulumene nokuphunyezwa kweemfuno ezisemthethweni, izithethe kunye nemigangatho yoMthetho waBantwana. Isicwangciso sichonga oonobangela bengxaki kunye nongenelelo lokujongana nale miba.
Isakhelo sokuQinisekiswa koMgangatho wokubeka iliso kumsebenzi wentlalontle kunye nokuhanjiswa kwenkonzo yophuhliso loLuntu (2015).	Esi sakhelo sephondo sihambelana neSakhelo sokuQinisekiswa koMgangatho kazwelonke weNtlalontle yoLuntu (wama2013) kwaye iphakamisa ubeko sweni lwendlela yokusebenza eqinisekileyo ngendlela yokuqinisekisa umgangatho wophuhliso loLuntu kunye neenkonzo zentlalontle kwiSebe nakwicandelo leeNPO kweli Phondo. Ikwajolisa kuphuculo lomgangatho kuhanjiso lweenkonzo kwaye ichaza imigangatho yokugqwesisa ngenkonzo nendlela ekufuneka ibekwe iliso nema ilawulwe ngayo.
UMgaqo wokuQinisekisa uMgangatho wamaziko okhathalelo lwaBantwana nolutsha wama2016-88 (2016).	Lo mgaqo ukhuthaza ukumiliselwa okukuko komgaqo wokuqinisekisa umgangatho ojolise ekuthotyelweni komthetho wolawulo, ukuthobela ulawulo olumanyeneyo kunye nokuthobela ubhaliso kunye neMigaqo kunye neMigangatho kaZwelonke yeeMfuno zeeCYCC.
IsiCwangciso sePhondo leNtshona Koloni sokuBonelela amaziko okukhathalela aBantwana nolutsha (iiCYCC) (2016).	Esi sicwangciso silawula ukubonelelwa ngokhathalelo olwaneleyo lokuhlala kwabantwana kwiiCYCC ngokuqhubeka kokhathalelo kunye neenkqubo ezisekelwe kumaziko afanelekileyo kwiPhondo liphela, zihambelana neemfuno ezithile zePhondo, iimeko, ulwabiwo lwemali kunye nokufumaneka kweziseko zophuhliso.
Isakhelo esiCwangcisiweyo seSondlo noKutya kwamaKhaya soRhulumente waseNtshona Koloni (2016).	Isakhelo esiCwangcisiweyo seSondlo noKhuseleko loKutya eNtshona Koloni sijolise kwiintsilelo ezithile zenkqubo yokutya yangoku ukuqinisekisa ukuba iyabasebenzela bonke abahlali baseNtshona Koloni. Isakhelo esiCwangcisiweyo sicacisa iziphumo neenkqubo ezinxibelelana neenjongo ekunciphiseni indlela kunye nophuculo kwezempilo, isondlo, kunye nesiqhamo sokuxhasa bonke abantu abahlala eNtshona Koloni ngokukhokela ngokukhuthalelo kunye nobomi obuneziqhamo.
Indlela kaWonkewonke kuRhulumente weNtshona	Indlela kaWonkewonke (iWoSA) inombono wokhuselo, uthungelwano lwentlalo, ukomelela kunye nokuxhobisa abemi kunye noluntu ngofikelelo olunobulungisa kwiinkonzo zentlalo kunye namathuba. Olu xwebhu

UMgaqonkqubo	Ifuthe lokusebenza kweDSD
Koloni (iWoSA) yoPhuhliso loQoqosho loLuntu (2018).	lubonisa isakhelo sophuhliso oluhlangeneyo lwentlalo enenguqu ngendlela ebanzi. Iphuhliswe ngenjongo yokufumana isivumelwano kwindlela yokukhuthaza uphuhliso lwentlalo ngokusebenzisa "iNdlela kaWonkewonke".
IPhepha leNgcaciso laMalungelo abaNtu abaphila noKhubazeko (2015).	IPhepha leNgcaciso lingajina indlela yokufezekisa amalungelo abaNtu abaphila nokhubazeko ngokuqaphela uluntu olukhululekileyo nolunobulungisa njengabemi abalinganayo. Ikhokela kwaye ikhuthaza ukuzimela kwabaNtu abaphila noKhubazeko. Icacisa ngokubanzi uxanduva kunye neemfanelo zokuphendula ngeentsika ezilula ezilithoba ezicwangcisiweyo ezithi zenze umsebenzi wabo banenxaxheba noxanduva lokuphelisa ucalucalulo oluqhubekayo kunye nokubandakanyeka okwenzeka kubaNtu abaphila noKhubazeko. Oku kukhokela iDSD eNtshona Koloni ekuboneleleni ngaphandle kwesithintelo, ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo kakuhle nokuhanjiswa kwenkonzo elungelelanisiweyo.
IsiCwangciso sokuBeka Phambili ukuphila noKhubazeko sowama2015-2020 (2015).	IsiCwangciso sokuBeka Phambili ukuphila noKhubazeko seDSD yeNtshona Koloni sisicwangciso seqhinga seminyaka emihlanu esikhokelela iSebe ekusebenziseni indlela esisiseko njengeqhinga lokukhawulezisa ukususwa kwenkxalabo yokuphila nokhubazeko ukusuka kumda ukuya kwindawo yomtsalane ngokuhanjiswa kweenkonzo kwiSebe.
IsiCwangciso seQhinga sikaZwelonke soBundlobongela obuSekwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (2020).	Esi sicwangciso sijolise ekuboneleleni ngomgaqonkqubo onobuchule obubandakanya amacandelo amaninzi kunye nesakhelo senkqubo ukomeleza indlela yokusabela elungelelanisiweyo kazwelonke kwintlekele yeGBV nokubulawa kwabasetyhini ngurhulumente woMzantsi Afrika kunye nelizwe. Esi sicwangciso sijonge ekuboneleleni ngeemfuno nemingeni abajongene nayo bonke abantu, ingakumbi abasetyhini kuminyaka yonke, ukwaziswa ngezondo, ngokwesini kunye neempawu zesini; kunye namaqela athile afana nabasetyhini abadala, abasetyhini abaphila nokhubazeko, abafazi abafudukayo kunye nabasetyhini abasuka kwamanye amazwe, abachatshazelweyo nabachatshazelwa sisibetho seGBV eMzantsi Afrika.
IiNkqubo zokuSebenza eziseMgangathweni (iSOP) kwiiNkonzo zokwakiwa koMjelokazi (2021).	Injongo yale SOP kukubonelela abalawuli bommandla kunye nabasebenzi bokhuseleko lwabantwana babo izikhokelo kunye neenkqubo zokusetyenziswa kweenkonzo zomjelo kubantwana abangena okanye abasele bekwinye inkqubo yokhathalelo. Le SOP isebenza kuwo onke amaGosa okwakiwa koMjelokazi kwiiOfisi zemimandla nezasekuhlaleni, kunye neCandelo loLawulo: uLawulo lwamaZiko.


## 2. ImiGaqonkqubo neziCwangciso zeSebe kwisithuba seminyaka emihlanu sokucwangcisa

IsiCwangciso seQhinga sama2020-2025 sichaza ukuzinikela kweSebe kwizinto eziphambili kurhulumente kazwelonke nowephondo ukuxhobisa abahluphekayo, abasesichengeni kunye nabo banezidingo ezizodwa. Le miba iphambili isekelwe kwiNDP (yama2030), njengoko icacisiwe kokuPhambili kwesi4 kweMTSF ehlaziyiweyo yowama2019-2024 oku koku, "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenKonzo ezisisiSeko eziThembekileyo nezisemgangathweni", uMbono oPhambili weWCG PSP (iVIP) yoku1: "Uluntu oluKhuselekileyo noluManyanisiweyo" kunye neVIP yesi3: "Ukuxhobisa abantu" kwaye ngokubalulekileyo ngexesha lobhubhane weKHOVIDI-19, iziCwangciso zoBuyiselo noKhuselo zeWCG ngokulandelelanayo.

IsiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni saphuhlisa ukuthomalalisa iziphumo ezibi zentlalo noqoqosho zobhubhane weKHOVIDI-19. Esi sicwangciso sigxile kwimixholo emine eyile, uBuyiselo iKHOVIDI-19, iMisebenzi, uKhuseleko neMpilo eNtle, ukuxhasa nokukhuthaza isidima somntu ngamnye, amakhaya kunye noluntu. Ngemixholo yeNtlalontle noKhuseleko, iSebe liza kuqhubeka libonelela ngeenkonzo kubantu abadala abangenamakhaya, ukufikelela kuncedo lokutya kunye neenkqubo zenkxaso yesondlo, inkxaso kwiiNPO ekulweni ukusasazeka kweKHOVIDI-19, izicwangciso ezijolise ekuthinteleni ubundlobongela nokwazisa kunye nokubonelela ngokwasengqondweni iinkonzo zenkxaso kumakhoba olwaphulomthetho nobundlobongela, phakathi kwezinye. Ukongeza, ungenelelo olukhethekileyo loonontlalontle luya kunikezelwa kubantwana abahamba isikolo nolutsha kwiindawo ezili11 zamapolisa abasemngciphekweni omkhulu kwiphondo, ngenjongo yokwakha uzinzo losapho noluntu. Ezi nkalo zimbini zokugqibela zenkonzo yesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni zomeleza ingqwalasela kungenelelo olungundoqo oluqulethwe kwiNcam neMiba ePhambili yoKhuseleko echazwe kwisiCwangciso seQhinga seSebe.

Ukomelezwa kosapho noluntu ngokuthi kuthonyaliswe ukuba sesichengeni, yinjongo yeNcam ePhambili yeSebe. Le nto iphambili ifuna ukuphuhlisa nokubonelela ngongenelelo olusekelwe kubungqina kubazali, abanonopheli kunye neentsapho ezisemngciphekweni. Olu ngenelelo lubandakanya iinkqubo ezizalelwe yinkundla zokungenelela kwangethuba ezibandakanya ukugcinwa kosapho, iingcebiso zomthshato, iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle, kunye neenkonzo ezisemthethweni ezifana nolamlo olusesikweni, izivumelwano zamalungelo obuzali kunye noxanduva lokhathalelo lwabantwana, kunye nongenelelo lwamva kwimithetho efana nokumanyaniswa kosapho; ukubonelela ngononophelo olulolunye olukhuselekileyo lwabantwana; abantwana abakungqzulwano nomthetho; balindele abantwana abachophele ityala kunye nabantwana abagwetyiweyo. Iinkonzo ezongezelekileyo zibandakanya ukumanyaniswa kweentsapho zabantu abadala abangenamakhaya kumaziko okhuseleko afumana inkxasomali kwisebe kunye neenkqubo zokuxhotyiswa kwamakhoba ezibonelela ngeendawo ezikhuselekileyo neendlela zokuthunyelwa kunyango olulodwa, ukubuyisela kwisimo sangaphambili kunye neenkonzo zokhathalelo lwamva kwabasetyhini nabantwana abachatshazelwe yiGBV. Ukongeza, iNdlela ePhambili yoKhuseleko yeSebe ijolise kwizicwangciso zeqhinga zokunciphisa umngcipheko ezichonga, zivavanye, ze zibonelele ngenkxaso ngokwasengqondweni nakwintlalontle eyodwa kubantwana nolutsha olusemngciphekweni kwizikolo zamabanga aphantsi nezamabanga aphezulu kwiindawo ezili11 eziphambili ngolwaphulomthetho kweli phondo.

**Isazobe soku1: IiNdawo ezihamba Phambili zoLwaphulomthetho zeSixeko/IsiCwangciso soKhuselo ngeDSD nganye yeNdawo yoHanjiso lweNkonzo.**



INDSD iqalise inkqubo yenguqu ebhekiselele ekujongeni ngokutsha iPotfoliyo yoPhuhliso lweNtlalo ukuze kunikezelwe iinkonzo ezinefuthe elingakumbi. Ukukhokelwa yimantra "yokwakha umanyano, iintsapho ezizinzileyo kunye noluntu ngokutyala imali ebantwini ukuphelisa intlupheko kunye nokuba sesichengeni ekudaleni ubomi obuzinzileyo", iseti yeendawo ezili 13 ezinemixholo ziye zazimisela ukuququzelela inkqubo kunye nokugxila kwizenzo ezifunekayo.

### **3. IziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo**

**INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni/eKoloni) echaphazelekayo kubantwana abaphila nokhubazeko olumandla okanye ngokunzulu ngokwasengqondweni, inombolo yetyala 18678/2007.**

Isigwebo sawiswa ngomhla we11 kweyeNkanga wama2010, siyalela urhulumente ukuba abonelele ngemilinganiselo efikelelekayo, esemgangathweni, kunye nemfundo esisiseko kubantwana abaphila nokhubazeko olumandla nolukhulu. Ngokuthobela umyalelo wenkundla, iSebe lenza amalungiselelo okubhaliswa ngokutsha, uqeqesho kunye nokwamkelwa kwabasebenzi kunye nabaphumezi benkqubo bamaziko ononophelo olulodwa. Ngaphezu koko, iSebe kufuneka libonelele ngemali yokuthutha aba bantwana ngokukhuselekileyo ukuya nokubuya kumaziko.

**Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iCandelo lePhondo laseGauteng-eTshwane) efaneleke kubantwana abanengxaki yokuphazamiseka kakhulu okanye ephazamisayo yokuziphatha, inombolo yetyala 73662/16.**

Umyalelo wenkundla wawiswa ngomhla we2 kweyeThupha wama2018, eyalela iSebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu, elezeMpilo nelezeMfundo ukuba lenze ubonelelo olulolunye lokhathalelo olufanelekileyo, iinkonzo zempilo ngokwasengqondweni, kunye nezidingo zemfundo yabantwana abanengxaki emandla yokuphazamiseka kakhulu okanye ephazamisayo yokuziphatha. Ikomiti ejongene nolawulo lweprojekthi yamasebe yasekwa ukubeka iindlela zokujongana nemeko ngokuphuhliswa komgaqonkqubo wamacandelo kunye nesicwangciso somiliselelo.

**Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (eNtshona Koloni) efanelekileyo kumaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini, inombolo yetyala SS17/2017**

Isigwebo sawiswa ngomhla wama21 kweyoMsintsi 2017, siyalela iSebe leWCG loPhuhliso loLuntu ukuba linikezele ngeenkonzo ezifanelekileyo zexesha elide zokubeka iliso, iingcebiso kunye nenkathalo yasemva kwamaxhoba olwaphulomthetho ngokwesondo. Ukongeza, iSebe kufuneka liqinisekise ukuba iinkonzo ezixhaswa ngemali lisebe ezibonelelwa ziiNPO ziyahambelana nezivumelwano zenqanaba leenkonzo zazo.

**Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iCandelo laseGauteng-eTshwane) ehambelana nenkqubo yokhathalelo lokondla umntana, inombolo yetyala 55477/2020.**

Isigwebo sawiswa ngomhla we12 kweyeNkanga yowama2020, siyalela iSebe likaZwelonke kunye nelePhondo loPhuhliso loLuntu kunye neSASSA ukuba ibonelele ngentlawulo eqhubekayo nolawulo lwemyalelo yokondla abantwana abangenabani ephelwe lixesha ukususela kweyeNkanga wama2019. INDSD yayalelwa (ngaphakathi linyanga ezili12 zomyalelo), ukulungiselela nokwazisa izilungiso eziyimfuneko kuMthetho waBantwana, wama2005. Ngaphaya koko, nawuphi na umyalelo wokukhuliswa kwabantu abangenabani othe waphelwe ngexesha lomyalelo wenkundla wawuthathwa njengosemthethweni kwaye usebenza kangangeenyanga ezili12 ukususela kumhla womyalelo wenkundla okanye de umntwana abe neminyaka eli18 ubudala. Ukongeza, iDSD yePhondo iyalelwe ukuba ifake iingxelo zenyanga ezintathu malunga nenkqubela kulo mba.

## Ulungelelwano lwezinto eziPhambili zeHlabathi kunye nezikaZwelonke

Imigaqonkqubo yeziko kunye nohlalolwabiwo mali lweSebe zihambelana nokuPhambili kwesi4 kweMTSF yowama2019-24 "Ukudityaniswa kwemivuzo yoluntu ngokusebenzisa iinkonzo ezi ziziseko ezithembekelayo nezisemgangathweni". Oku kuphambili kulungelelene neVIP yoku1 neyesi3 ngokulandelelana kwazo zePhondo: "uKhuseleko noLuntu oluBumbeneyo" kunye noXhotyiso loLuntu" ngokusebenzisa okuPhambili koKhuseleko neApex yeSebe. Iimpembelelo ezinzulu kwezentlalo nezoqoqosho zobhubhane weKHOVIDI-19 zenze imfuneko yokuphuhlisa kwesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni. Esi sicwangciso kukwandiswa kwePSP kwaye sibeka indlela yokusabela yeqhinga lephondo kummiselo omtsha obekwe ngubhubhane. Okuphambili kweSebe kunye nezicwangciso zihambelana nemixholo yomibini iMpilontle kunye noKhuseleko equlethwe kwisiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni.

ISebe liyinxalenye kwiinjongo ezininzi zamazwe aphenesha kunye neejenda kwaye ngenxa yoko linxanduva lokuziphumeza. Imizekelo yazo yiAjenda kaZwelonke eManyeneyo' (iUN) yowama2030 kunye neNjongo<sup>1</sup> zoPhuhliso oluZinzileyo (iiSDG). Iminqweno echazwe kwintloko yeeSDG nezo zifunyenwe kwiNDP yowama2030 kunye neVIP zeKhabhinethi yePhondo laseNtshona Koloni kwakunye namagunya omthetho nomgaqonkqubo weSebe.

Iinkqubo zeSebe zikwalungelelaniswe neMvumelwano ezahlukeneyo zaMazwe ngaMazwe, iziVumelwano kunye neziVumelwano eziphathelele kuKhathalelo noKhuseleko lwaBantwana umzekelo, iNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo yowe1995 yamaLungelo oMntwana (iUNCRC), uMqulu weAfrika wamaLungelo neNtlalontle yoMntwana (iUNCRC) wama2000); INgqungquthela yaseHague kwiMiba yoLuntu yokuXhwalwa koMntwana waMazwe ngaMazwe (ye1997) kunye neNgqungquthela yaseHague yoKhuseleko lwaBantwana kunye neNtsebenziswano ngokumalunga nokuKhuselwa kwaMazwe ngaMazwe (yama2003). Umongo wezi zivumelwano, izibophelelo zamazwe ngamazwe kunye nezivumelwano zinokufunyanwa kumthetho kunye nezigunyaziso zomgaqonkqubo weSebe.

Ngokubhekiselele kwimimiselo kunye nemigangatho yokunyamekela kunye nenkxaso yabantu abadala, iSebe libona isiCwangciso saMazwe ngaMazwe saseMadrid sokuSebenza kwiNgugulo kunye neSibhengezo samaLungelo abantu abadala (sama2002). Ekuboneleleni ngeenkono kuBantu abaphila noKhubazeko iSebe likhokelwa yimigaqo nemigangatho njengoko iqulethwe kwiNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo yamaLungelo abantu abaphila noKhubazeko (iUNCRPD).

Ngokuphathelele kwinkqubo yoThintelo loLwaphulomthetho kunye nokongeza kwezo zikhankanywe apha ngasentla, iSebe lizibophelela ngemigangatho yokuthintela ulwaphulomthetho kwiUN kunye nemithetho engephi efana:

- Nemithetho eNgephi yeMigangatho yeUN kuLawulo loBulungisa boLutsha (iMithetho yaseBeijing): ye1985.
- IMithetho yoKhuseleko lwaBatsha aboHluthwe iNkululeko yabo (iMithetho yeUN JDL) ye1990 – (yama2009).
- Umnqophiso weZizwe ngezizwe kumaLungelo ezoPolitiko nawoLuntu (iICCPR) we1966.
- Ingqungquthela echasene noNgcungcuthekiso kunye neNye iNkohlakalo, ukuNgabinabantu okanye iMpatho eHlalisayo okanye iSohlwayo (iCAT) yama2008.

Iminqophiso yamaLungelo oluntu ezizwe ngezizwe ifuna amaqela kaRhulumente athathe amanyathelo okuqinisekisa ukuba amaLungelo abantu abasetyhini ayahlonitshwa ngumthetho kwaye aphelisa ucalucalulo, ukungalingani, kunye nezenzo ezichaphazela kakubi amaLungelo abasetyhini. Phantsi komthetho wamaLungelo oluntu lwezizwe ngezizwe, abantu basetyhini banokuba nelungelo lokufumana amaLungelo ongezilelweyo anje ngalawo anxulumene nokhathalelo lwempilo. Iinkqubo zoxhotyiso lwamaxhoba ezinikezelwa liSebe zilungelelene nokuzibophelela kwamazwe jikelele anxulumene noko ne:

- Sibhengezo seUN seMithethosiseko yoBulungisa bamaXhoba oLwaphulomthetho nokuSetyenziswa gwenxa kwaMandla (se1985).

<sup>1</sup> Inkqubo yoPhuhliso lweZizwe eziManyeneyo (iUNDP), yama2015 kwi <https://www.undp.org/content/undp/en/home/sustainable-development-goals.html> (ifikelelwe ngowama23 kweyeDwarha wama2019)

- Ngqungquthela yokuPheliswa kwazo zonke iintlobo zoCalucalulo ngokuchasene nabasetyhini (iCEDAW) ye1979 (yama2016).
- Nkqubo yeUN yokuThintela, ukuPhelisa kunye nokoHlwaya ngokuRhweba ngaBantu yama2000.
- Ngqungquthela echasene noNgcungcuthekiso kunye neNye iNkohlakalo, ukuNgabinabuntu okanye iMpatho eHlaziyo okanye iSohlwayo (iCAT) yama2008.
- Ngqungquthela yeZizwe ngezizwe yoMbutho waBasebenzi (iILO) iiNgqungquthela yoNyanzelo lwabaBasebenzi ze1930 (ngowama2014 ukuya kowama2016).

Ngaphaya koko, ukuqhubela phambili kwamalungelo kunye nempilo entle yabasetyhini nolutsha kusekelwe ekuphonyezweni kwesiCwangciso seQhinga likaZwelonke (iNSP) kuBundlobongela obuSekelwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (iGBVF) (sama2020) kunye neNYP yama2030. Ukujongana nemfuno kunye nemingeni ekuye kwahlangatyezwana nazo ingakumbi ngabasetyhini abachatshazelwa yiGBV, iNSP yeGBVF (yama2020) yamisela ukubonelela ngesakhelo sesicwangciso esibumbeneyo, esinamacandelo ngamacandelo ngakwimpendulo ebanzi kazwelonke kwiGBV nokubulawa kwabasetyhini. Ukusabela, uMphathiswa woPhuhliso loLuntu weNtshona Koloni, uphuhlise isiCwangciso sokuPhumeza iWCG GBV, ngenkqubo ehlangeneyo nawo onke amaSebe eWCG ukujongana nengxaki yobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana. Ngaphezu koko, iSebe liyasabela kwaye lijongana nale ngxaki ngokubeka phambili izibonelelo ekuboneleleni ngeenkono zendawo yokuhlala ekhuselekileyo, iinkono zonyango kunye nenkxaso yengqondo kunye nothintelo noqeqesho lweGBV. Ukuqinisekisa ukuba abantu abatsha bayaxhotyiswa kwaye baxhotyiswe ngolwazi, ulwazi kunye nezakhono, iNYP yama2030 ijolise ekwenzeni ulutsha, ngamangenelo akhethekileyo ophuhliso lolutsha, luququzelele uphuhliso olupheleleyo nolulungileyo lwabantu abatsha njengabantu ngabanye kunye namalungu eentsapho kunye noluntu.

Ngokongenelelo oluphathelele kuthintelo lokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili, iSebe lihambelana neNgqungquthela yeziYobisi eziHlasela iNgqondo kunye neProtokholi yoMbutho woPhuhliso lwaMazantsi eAfrika ekulweni neziyobisi ezingekho mthethweni. Nangona uMzantsi Afrika ungengomtyikityi weNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo achasene nokuThengiswa ngokungekho mthethweni kweziYobisi zeNarcotic kunye neNgqungquthela eNye yaMachiza eNarcotic, uyayithobela imithethosiseko kunye nombandela wale ngqungquthela.



## Icandelo B: UGxininiso Lwethu lwesiCwangciso

### Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

### Umqondiso

Ukuqinisekisa ngobonelelo lothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso lwentlalo ezenza nezinika amandla kwabahlwempuzekileyo, abasesichengeni kunye nabo banezidingo ezikhethekileyo.

### Iimpawu zentsulungeko

Ukuqinisekisa linqobo ezisemgangathweni zeWCG, iSebe elizibophelelayo, zezi:



Caring



Competence



Accountability



Integrity



Innovation



Responsiveness

## 4. UHlalutyo lweMeko

ISebe landise ifuthe lalo lephondo kwaye lakhula ukusuka kwiofisi kandlunkulu omnye kunye neeofisi ezili16 zesithili ngowama2009 laya kutsho kwenye iofisi kandlunkulu eyongamele iiofisi ezintandathu zemimandla neeofisi ezingama45 zasekhaya kuquka iindawo ezahlukeneyo zenkonzo. Kwiindawo ezisemaphandleni apho ufikeleleko luhlala lunobunzima ngokomgama, kucingelwa ukuba ubuncinane linye iqela elinikezela ngenkonzo emalisekwe kumasipala ngamnye wezakhaya. Ukongeza, iSebe linezivumelwano ezingaphezulu kwama2000 namaqabane eeNPO ukubonelela ngeenkonzo ezinobambiswano kuzo. ISebe eli ngolu thungelwano lubanzi liqinisekisa ukuba iinkonzo zisondezwa eluntwini, ukunceda abo baswelelo.

### 4.1 UHlalutyo lweMeko yangaPhandle

Impembelelo yentlaloqoqosho ebanzi yeKHOVIDI-19 kunye nemilinganiselo yokuvalelwa kwabantu ngabanye, amakhaya kunye noluntu ngowona mba uphambili wokwazisa ngokubekwa phambili kweenkonzo. Okuhambelana noku kukuphunyezwa kwesiCwangciso esiseMbindini sePhondo ngentsebenziswano namasebe aphambili ephondo, afana nelezeMpilo neMfundo, ukuqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzi nabaxumi ngokuthi rhoqo kuqinisekise ukubaluleka kokungena eluntwini, ukunxiba iimaski nokucocwa kwezandla nomgangatho.

Abemi baseNtshona Koloni baqikelelwa kwisi7.2 sezigidi ngowama2022<sup>2</sup>, kuquka amakhaya angaphezu kwezigidi ezimbini ezinomyinge wobukhulu bamalungu ama3.4. Phambi kokuvalelwa ngci kweentshukumo, izinga lentswelongo kwiphondo lalingama20.9 ekhulwini. Izinga lentswelongo kwiphondo linyuke laya kutsho kuma26.3 ekhulwini kwikota yesithathu yama2021. Xa kuthatyathwa inkcazelo eyandisiweyo yentswelongo, ebandakanya abangaphangeliyo, intswelongo ikhule ukusuka kuma24.8 ekhulwini kwikota yokuqala yama2020 ukuya kuma30.3 ekhulwini kwikota yesithathu yama2021<sup>3</sup>.

Ilahleko yemisebenzi kunye nokukhula kwentswelongo ngexesha lokuvalwa ngci kweentshukumo kuye kwanyusa umngcipheko wokungakhuseleki kokutya kunye nendlala kwiindawo ezikuMasipala oMbaxa kunye nezingezizo ezeNqila yePhondo, apho uninzi lwamalungu amakhaya engakwazi ukuzondla ngokwawo kunye neentsapho zawo. Imizi yaseNtshona Koloni ebingakwazi ukufumana ukutya ngokwaneleyo inyuke yaya kutsho kwi13.6 leepesenti ngowama 2020<sup>4</sup> isuka kwi10.4 yeepeesenti ngowama2019<sup>5</sup>. Ngokufanayo, amakhaya anengxaki yokungafumani ukutya kakhulu anyuke afikelela kwi10.1 ekhulwini ukusuka kwi7.4 ekhulwini kwangelo xesha linye. Ukusabela, iSebe liqhubekile nokubonelela ngokutya kubaxhamli ekujoliswe kubo kwiindawo zalo zokutyisa kunye neeCNDC; inkxaso kwizindlu zokuphekela zasekuhlaleni kunye

<sup>2</sup> IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (2021). UPhando lweKota lwaBasebenzi QLFS Q3:2021 South Africa (2021).

<sup>3</sup> IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (2021). UPhando lweKhaya ngokuBanzi lowama2020.

<sup>4</sup> IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (2021). UPhando lweKhaya ngokuBanzi lowama2020.

<sup>5</sup> IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (2020). UPhando lweKhaya ngokuBanzi lowama 2019.

nentsebenziswano neeNPO kunye noomasipala ukujongana nokungakhuseleki kokutya kulo nyaka uphelileyo kunye nokubeka amanyathelo okunciphisa okanye ukuphepha ukuvalwa kweeNPO. Amanyathelo okuvala ngci iintshukumo nako kuchaphazele kakubi amandla abantu abangenamakhaya ukuba basebenzise iindlela zabo zokuhlala ezikhoyo. ISebe liqhubekile ukusebenzisana noomasipala ekuboneleleni ngenkxaso kwezi zindlu zethutyana, ligcine ukwandiswa kweendawo zokulala zokhuseleko zalo ezifumana inkxasomali kwaye libonelele ngenkxaso yengqondo neenkonzo zokumanyanisa abantu abadala abangenamakhaya neentsapho zabo.

IKHOVIDI-19 nayo ibe nefuthe elikhulu kwintlalontle kunye nokomelela kweentsapho, njengoko kubonakala ekunyukeni okuphawulekayo kwemfuno yeenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle ukusukela kunyakamali wama2020/21. Eyona nto ixhalabisayo lifuthe leKHOVIDI-19 kunye neendlela zokuvalwa ngci kweentshukumo ebantwaneni. Baqikelelwa kwizigidi ezibini zabantwana<sup>6</sup> abaphakathi kunye ne17 leminyaka ubudala abahlala eNtshona Koloni, besenza malunga nesithathu sabemi. Kwiqela labantwana abakubudala be0-4 yeminyaka, iphondo linabantwana abamalunga nama 583 7282. Abantwana kweyona ndawo yeli Phondo isesichengeni nengahoywanga bajongene nomngcipheko omkhulu wokuphathwa gadalala nobundlobongela njengoko kubonakaliswa kukubulawa<sup>7</sup> kwabantwana kunye neendlela zokuxhatshazwa ngokwesondo<sup>8</sup>. Ukuba sesichengeni kwaba bantwana kuye kwanda ngenxa yokukhula kokungakhuseleki kokutya ezindlini<sup>9</sup> okukhokelela kumngcipheko ophezulu wokungakhathali kwabantwana, ukungondleki kunye nokungahoywa xa kuthelakiswa nexesha elingaphambi kweKHOVIDI-19. Omnye umngcipheko wabantwana kukungaxelwa ngokufanelekileyo nokufunyanwa kade kwamatyala abantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko ngenxa yokuvalwa kwezikolo neeECD ngethuba lokuvalwa ngci kweentshukumo. ISebe liphumeze isigunyaziso salo ngokumalunga nokhathalelo nokhuseleko lwabantwana kwaye laphucula amandla alo ngolungelelaniso lweenkonzo zePEI kusetyenziswa inkqubo yeRisiha (esesikweni Isibindi) ebandakanya amaZiko eDrop-in, amaziko eASC kunye nonxibelelaniso lwenkqubo yeRisiha, nophuhliso lokomelela ngokugcinwa kosapho kunye neenkonzo zokomeleza.

INtshona Koloni likhaya kulutsha olusi2.4 sezigidi<sup>10</sup> oluphakathi kweminyaka eli15 nama34 ubudala. Intswelangaqesho, iingxaki zentlalo (ezifana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kunye nemisebenzi enxulumene nemigewu), ifuthe elibi leendlela zokuvalwa ngci kweentshukumo zokufunda kunye namathuba acuthiweyo engqesho adityaniswa noqoqosho olubuthathaka loMzantsi Afrika luyaqhubeka ukuba nefuthe elibi kweli qela.

Ezi zinto zisemngciphekweni zichaphazela impilontle yolutsha kwiphondo kwaye zibethelela ukubaluleka kokugxila kweSebe kuphuhliso lolutsha ngokubonelela ngezakhono, uqeqesho kunye namathuba ophuhliso lomntu siqu, okuya kubandakanya uqeqesho lweintanethi kunye nokuchazwa kwemisebenzi yolutsha oluzimasa iikhefi zoLutsha. IEPWP yinkqubo engundoqo ejolise ekuboneleleni ngoqeqesho lwezakhono kunye nokunciphisa ingeniso ngomsebenzi wexeshana kwabo bangasebenziyo. Le nkqubo ijonge ukubonelela ngohlobo lokhuseleko loluntu, kwixesha elifutshane ukuya kweliphakathi ngokudala amathuba emisebenzi kwicandelo leNPO.

Ulutsha olungqzulana nomthetho luyinxalabo engundoqo yePhondo, ingakumbi ulutsha olubandakanyeka kulwaphulomthetho olunobundlobongela. Ngokweenkcukacha manani zoLwaphulomthetho zeKota yesi2:2021/22<sup>11</sup> (2021) zeNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (iSAPS), izikhululo zamapolisa ezisibhozo kweli phondo ziqukiwe kuluhlu lwezikhululo zamapolisa ezingama30

<sup>6</sup> IiNkcukacha zoMzantsi Afrika, 2022. Uqikelelo lwabemi baphakathi enyakeni MYPE 2021 Ubudala abangatshatanga ngokweSithili seWC 2011-2031 Beta.

<sup>7</sup> ISebe loPhuhliso loLuntu (iDSD), ngowama2019. Uhlalutyo lwangaPhakathi lweeNkcukacha zokuGetyengwa koMntwana zeSAPS eNtshona Koloni wama 2013-2018.

<sup>8</sup> ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2018). UVavanyo lweenkonzo zeNkxaso yeNgqondo neNtshona, oluxhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu, kumaxhoba oLwaphulomthetho ngokweSondo kuMaziko aKhethekileyo eThuthuzela eNtshona Koloni. Ingxelo yangaphakathi ihlanganiswe nguPetro Brink kunye noFaeemah Esau

<sup>9</sup> ICandelo loPhando, uLawulo lwaBemi kunye noLwazi (2020). Ngaba indlala iyakhula ngenxa yeKHOVIDI-19? – Amava eDSD. Ingxelo engapapashwanga.

<sup>10</sup> IiNkcukachamanani zoMzantsi Afrika (2021). Uqikelelo lwabemi baphakathi eNyakeni lweMYPE ngowama2021.

<sup>11</sup> INkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika (iSAPS), yowama2021. IiNkcukachamanani zoLwaphulomthetho zekota yesiBini zowama2021/22.

ezigqwesileyo kwilizwe ngokuxela ngokugebenga nezisithoba zohlaselo oluqhelekileyo. Uninzi lwezikhululo zamapolisa zingaphakathi kuMasipala ombaxa weKoloni.

Ngokubhekiselele kuBantu abadala, iNtshona Koloni inabantu abaqikelelwa kuma770 847 ababudala buyiminyaka engama60 nangaphezulu (ngowama2022) apho ama 58 eepesenti ingabasetyhini. Inani lilonke kulindeleke ukuba likhule liye kwi1 084 180 ngowama2031<sup>6</sup> kwaye liphantse libe kathathu ukuya kuma 2 044- 461 ngowama2050<sup>12</sup>. ISebe liyaqhubeka ukuqinisekisa ukufikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni kuBantu abadala ngokubonelela ngokuphila ngokuzimeleyo noncedo, inkathalo ebuthathaka kunye nongenelelo olufanelekileyo olusekwe kuluntu, ngelixa lisebenzela ukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo abantu abadala ayagcinwa. ISebe likwaqhubekile kwaye liza kuqhubeka ukubeka iliso kumazinga osulelo lweKHOVIDI-19 kunye nokuxhasa imigaqo yezempilo nokhuseleko kumaziko okuhlala kwiPhondo liphela.

Amanyathelo okungenelela okulungisa ukuxhasa abantu abaphila nokhubazeko aquka ukubandakanya, ukuxhasa, kunye nokukhuthaza amalungelo, intlalontle kunye nokuxhotyiswa kwezintlalo noqoqosho kwabantu abaphila nokhubazeko, iintsapho zabo kunye nabanonopheli ukuze baxhotyiswe kwaye babe nethuba elilinganayo lokuthatha inxaxheba kuwo onke amanqanaba obomi. ISebe liza kuqhubeka ukubeka iliso kumazinga osulelo lwe KHOVIDI-19 kunye nokuxhasa imigaqo yezempilo nokhuseleko kumaziko okuhlala kunye namaziko ononophelo lwasemini kwiPhondo liphela.

Iziganeko zolwaphulomthetho ekuhlaleni eNtshona Koloni zisaxhalabisa. Inani lamatyala axeliweyo okubulala kwiphondo anyukile ukusuka kuma2 308 ngowama2010/11 ukuya kuma 3 818 ngowama2020/21 (iSAPS, yama2021) ngezinga lezehlo ezingama40.3 (ngowama2010/11) nama54.4 (ngowama2020/21) kwi100 000 labemi. Xa kuthelekiswa noku, izinga lokubulawa kwabantu kwilizwe ngokubanzi linyuke ukusuka kuma31.3 kwi100 000 ngowama2010/11 (amatyala angali15 983) ukuya kuma33.3 kwi100 000 (amatyala ali19 846) ngowama2020/21.

Izenzo zolwaphulomthetho ngokwesondo<sup>13</sup> ezinxulumene neGBV zibalelwa kwi 6.9 sepesenti (6 456) lezi zenzo zolwaphulomthetho kunxibelelwano kunyakamali wama2020/21. Uhlalutyo olongezelelweyo lweenkcukachamanani zoLwaphulomthetho zeSAPS zowa ma2020/21 lubonisa ukuba izinga likazwelonke lamatyala olwaphulomthetho ngokwesondo ngama78.0 kwi100 000 labemi (iziganeko ezingama46 447) ngelixa izinga leNtshona Koloni liphezulu kakhulu likuma 92.0 kwi100 000 (i6 456 leziganeko ngowa ma2020/21) yabemi. Kwinqanaba likazwelonke, udlwengulo lolona hlobo luxhaphakileyo lwezenzo zesondo ezixeliweyo, kwaye izehlo ezingama 36 463 zixelwe kuzwelonke ngowa ma2020/21. ENTshona Koloni zingama 4 439 izenzo zolwaphulomthetho ngokwesondo eziye zaxelwa ngowa ma2020/21. Ukwanda kodlwengulo ngesi4.9 ekhulwini kwiphondo ukusuka kowama2018/19 ukuya kowama2019/20 kuyaxhalabisa njengoko indlela yokunikwa kwengxelo kwiminyaka engaphambili ibonakalise ukuhla.

Enye into exhalabisayo yingxelo yeeNkcukacha manani yeSAPS (yowaka2021)<sup>15</sup> ebonisa ukuba izikhululo zamapolisa ezilithoba kuluhlu lwezikhululo ezingama30 eziphambili ezixela ukuxhatshazwa ngokwesondo ziseNtshona Koloni. Iingxelo zokunyuka kweGBV, ngakumbi ubundlobongela basekhaya ngexesha lokuvalwa ngci kweentshukumo, ziqaqambise ubuthathaka babasetyhini, ngakumbi abo bakumakhaya ajongene nobunzima bezentlalo noqoqosho. Ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana busoloko buphenjelelwa kukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, kungoko iSebe liyakuqhuba libonelela ngeenkonzo zeSUD. Ezi nkonzo zibandakanya uluhlu lothintelo, ungenelelo kwangethuba, unyango, kunye neenkonzo zokhathalelo emva kokuqinisekisa ukubuyiselwa okusebenzayo kwabaxumi kwiindawo abahlala kuzo kunye noluntu ngokubanzi. Iza kuqhubeka nokubandakanya amanyathelo okujongana neziphumo ezinobungozi zeFetal Alcohol Spectrum Disorder ebantwaneni. ISebe liza kuqhubeka nokubonelela ngeenkqubo zothintelo kunye nonyango lweSUD kuzo zonke iiCYCC zalo kwaye landise ezi nkonzo kuzo zombini

<sup>12</sup> IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika, 2020. Uqikelelo lwabemi baphakathi enyakeni MYPE Ubudala abangatshatanga ngePhondo 20022050\_2020.


<sup>13</sup> ISAPS. 2021. IiNkcukacha manani zeKota zoLwaphulomthetho zika2020/2021 ezidityanisiweyo zaza zacazululwa ngaphakathi liCandelo loLawulo loPhando noLwazi.

<sup>14</sup>, 2020. Uqikelelo lwabemi phakathi enyakeni MYPE Ubudala obuBodwa ngokwePhondo 2050\_2020.


<sup>15</sup> ISAPS. 2021. *Iinkcukachamanani zoLwaphulomthetho zekota yesiBini 2021/22*.

iindawo zokuhlala zeGBV kunye neendawo zokuhlala zokhuseleko zabantu abadala abangenamakhaya. Ukwanda okumandla kumaxhoba eGBV afikelela kwiinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle kuye kwaphawulwa ngexesha lokuvalwa ngci kweentshukumo ngexesha leKHOVIDI-19 xa kuthelekiswa nonyakamali odlulileyo. Ungenelelo lweGBV oluphunyezwe liSebe lubandakanya ukuqeshwa koonontlalontle kuzo zonke iiOfisi zeNgingqi zeDSD ukuba bancedise ngobonelelo lwenkxaso yonyango kumaxhoba olwaphulomthetho ngokwesondo, ukuthunyelwa koonontlalontle beeNPO kwiindawo ezichongiweyo ezinolwaphulomthetho, kunye nenkxasomali eqhubekayo yeendawo zokuhlala ezikhuselekileyo ezingama26, ukuxhatshazwa kwabasetyhini kunye nabantwana babo. Inkonzo yokuXhotyiswa kwamaxhoba iquka inkxaso kumaxhoba okurhweba ngabantu, amaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo, kwakunye noqeqesho lothintelo lweGBV oludityaniswe neenkqubo zokufundisa noqeqesho lwabazali kunye nezinye iinkqubo kuzo zonke iiCYCC zeDSD.

Isazobe sesi2: Iindawo zonikezelo lweenkonzo zeDSD kunye nemibutho yenkonzo yeGBV eNtshona Koloni.



**Isazobe sesi3: Iindawo zonikezelo lweenkonzo zeDSD kunye nemibutho yenkonzo yeGBV kwiNqila yeKoloni.**



## 4.2 UHlalutyo lweMeko yangaPhakathi

Ngokubhekiselele kunikezelo lwenkonzo olusebenzayo, olufanelekileyo nolusabelayo, iSebe liphumeze uphuculo oluninzi kubume bombutho, amanyathelo angqongqo okuthintela iindleko kunye nokwandiswa kweenkqubo zolawulo, iinkqubo zoshishino kunye nezicwangciso eziluhlalima. Iinkqubo zophuhliso lombutho eziqaliswe ukuphucula ukusebenza kakuhle kobume bombutho zibandakanya:

- Ukubekwa kwindawo enye koLawulo lweNtengo (iSCM) umsebenzi wokuthengwa kweempahla neenkono kwiOfisi eliKomkhulu, ngokukodwa iifundo zabasebenzi ukulungiselela ukubekwa kwindawo enye komsebenzi.
- Ukulungelelaniswa kwezakhiwo zengingqi kunye nemimiselo nemigangatho yoonontlalontle kunye nabasebenzi benxaso yolawulo abafunekayo ukuba bathobele imimiselo nemigangatho yethisi.

Iinzame ezithe kratya zokuqinisekisa ubume besebe ekuxhaseni unikezelo lweenkonzo ziquka:

- Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokungadityaniswa koMlawuli oyiNtloko: weNtlalontle yoLuntu kwiCandelo loMlawuli: iNtlalontle yoLuntu kunye neNkonzo zoBuyiselo kunye neCandelo loMlawuli oyiNtloko: Abantwana, iiNtsapho kunye neECD.
- Ukushenxiswa kweCandelo leeNkqubo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa lisuka kwiCandelo leeNkonzo zeNtlalontle yoLuntu kunye neNkonzo zokuBuyiselwa kwiSimo sangaPhambili kweXhoba lisiwe kwiCandelo loMlawuli oyiNtloko: aBantwana, iiNtsapho neECD, ukususela ngowoku1 kuTshazimpuzi wama2022, kulandela ukushenxiswa komsebenzi weECD wasiwa kwiWCED.

Ukubhengezwa komsebenzi weECD kwiSebe iWCED nokugqitywa kweenkqubo ezifunekayo kuza kwenza ukuba umsebenzi usiwe kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni ngokupheleleyo ukususela ngowoku1 kuTshazimpuzi wama2022. Ukushenxiswa kwethoko kukhatshwa zizibonelelo eziyimfuneko, ezibandakanya imali nezibonelelo zabasebenzi ngokunjalo, njengolwazi lwedatha, izixhobo kunye neenkqubo ezixhasa umsebenzi. IASC ihlala iluxanduva lweDSD kwaye uhlahlo lwabiwomali oluyimfuneko, abasebenzi kunye nezibonelelo ziya kugcinwa ngokweziphumo zovavanyo loyilo lombutho.

Ukhuseleko kunye nentlalontle yabasebenzi ibalulekile. Abasebenzi abaphambili abasebenza kwiindawo ezisemngciphekweni kakhulu baya bebasesichengeni solwaphulomthetho nobundlobongela. Ngoko ke, iSebe liye lazisa imilinganiselo emininzi yokunciphisa lo mngcipheko kuquka ukusebenzisana neSAPS, iSebe loKhuseleko loLuntu (iDoCS) kunye neKomiti eHlangeneyo yokuSebenza yePhondo ukuphucula ukhuseleko lwabasebenzi kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu kunye nokufakelwa kwezixhobo zokhuseleko njengenxalenye zonke iiprojekthi ezinkulu kunye nokugcinwa kwazo zijongwe liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu. Njengesebe eliphambili lonikezelo lweenkonzo, abasebenzi beDSD bajongana nomngcipheko wemihla ngemihla wokuvelelwa yiKHOVIDI-19. Ukukhusela abasebenzi, iSebe liphumeze inkqubo yogonyo lweDSD kweyeKhala wama2021. Iphulo lokugonya lingqamane nokuqaliswa kogonyo likazwelonke lwabantu ababudala buyiminyaka engama35 nangaphezulu kwangaloo nyanga inye, nto leyo ekhokelele kunyango olusezantsi kunoko bekulindelwe. Abasebenzi baya kuqhubeka nokukhuthazwa ukuba bagonye.

Kwisi3.3 sepesenti ekupheleni kweyeNkanga wama2021, izinga<sup>16</sup> lezithuba zeSebe liye lahlala lingaphantsi kwesiqhelo seSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo lwe10 ekhulwini kunye nesi5 sepesenti kwiForam yaBalawuli Jikelele baseMzantsi Afrika. Amazinga ezithuba kumaqela athile emisebenzi, afana nabasebenzi abakhathalela abantwana nolutsha, ootitshala nabongikazi abaqeqeshiweyo kwiiCYCC kodwa kusengumngeni. Ukucuthwa kohlahlo lwabiwomali oluphunyeziweyo kuwo onke amasebe karhulumente kuza kuba nefuthe elibonakalayo ekudalweni kwezithuba ukuya phambili, okunefuthe kubuchule beSebe bokunikezela ngeenkono. Ngoko ke iSebe lichonge izithuba eziya kubekwa phambili ekunciphiseni ifuthe lonikezelo lweenkonzo.

ISebe sele liqalisile ukusebenzisa uMthetho woKhuseleko loLwazi loMntu (iPOPIA) kwaye kwiinyanga ezizayo liza kuqhubeka liqinisekisa ukuba uMthetho kunye neMimiselo iphunyezwa ngokupheleleyo

<sup>16</sup> Izinga lezithuba lisekelwe kwizithuba ezixhaswa ngemali, ezigcwalisiweyo, kwaye awubandakanyi abafundi abasaqeqeshwayo.

kwiSebe. Kuqeshwe iGosa loLwazi kunye noSekela Gosa loLwazi. INcwadana yoMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi ihlaziyiwe ukuze iquke iPOPIA, kwaye iSebe liphuhlise uMgaqonkqubo waBucala kunye neSaziso saBucala. Uvavanyo lwempembelelo yolwazi lomntu luqhutyelwa ukuchonga nokunciphisa umngcipheko wokukhusela idatha. ISebe likwaqalise iphulo lonxibelelwano kunye nenkxaso ukwazisa nokufundisa bonke abasebenzi malunga nePOPIA kunye nemigaqonkqubo yeSebe malunga neenkukacha zomntu.

Ubuchwepheshe budlala indima ekhulayo ekusebenzeni ngokufanelekileyo kwemibutho. ISebe lizamile ukuhlala lisazi ngophuhliso lobuchwepheshe kwaye liphumeze iinkqubo zokuphucula ukufumaneka kolwazi lolawulo njengoko uhlahlo lwabiwo mali lwalo luvuma. Nangona uphuhliso lweNkqubo yoLawulo lweenNPO lugqityiwe, alukaphunyezwa ngokupheleleyo njengoko uvavanyo lwenkqubo lufumanise imiba yenkqubo yoshishino ekufuneka isonjululwe. ISebe liza kuthi, kweli xesha lizayo, liqhubele phambili nokunabisa uqeqesho lweNkqubo yoLawulo lweenNPO kunye nesicwangciso somiliselelo kwaye, phantsi kwemiqobo yohlahlo lwabiwomali, liqalise uphuculo ukwandisa ukusebenza ngempumelelo. Ubuchule bokuqala buquke isimemo seSebe sowa ma2020/21 sokuba izindululo zenkxasomali yeeNPO zingabi namaphepha ngokubandakanywa kwemodyuli yesicelo seintanethi. Le modyuli yenze ukuba iiNPO zibonelele ngezicelo ezikwiintanethi ngendlela esebenzayo.

ISebe liyaqhubeka nokukhokela ukusetyenziswa kwenkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo lweKhompyutha ukuqinisekisa ukuba iirekhodi zalo zifikeleleka lula kubasebenzi. Ngenxa yokuqalisa kweKHOVIDI-19 iSebe liza kuqhubeka nokuvavanya imilinganiselo yalo yobungqongqo kwimekobume yobuchwepheshe, ngokukodwa, ixesha lokuhlaziya izixhobo zekhompyutha njengoko lichaziwe kumgaqonkqubo walo woLwazi nobuchwepheshe. Ngoku lo mgaqonkqubo uthintela ukutshintshwa kwesiqhelo kwezixhobo ezifana needeskithophu neelaptops ukusuka kwiminyaka emithathu ukuya kwemithandathu. ISebe lisebenzise ngempumelelo i-eMobility njengendlela yokunika oonontlalontle kunye nabanye abasebenzi abaphambili besebe idatha kunye noqhagamshelo ukuze benze imisebenzi yabo ngamaxesho ahlukeneyo okuvalwa ngci kweentshukumo ngenxa yeKHOVIDI-19. Ikhontrakthi yakwaVodacom iye yapheliswa ekupheleni kukaTshazimpuzi wama2021. Ikhontrakthi entsha kungenwe kuyo noCell-C ngokuhambelana neNkontrakthi entsha kaNondyebo kaZwelonke weTransversal Contract RT15 yama2021. INDSD ikhupha iinkqubo ezifana neNkqubo yoLawulo lwamaTyala okuLingwa ngesaziso sokuphela komsebenzi oya kufuna uqhagamshelo kunye neenkukacha kwaye i-e-Mobility yeSebe iza kusetyenziselwa le nkqubo ngokunjalo, ngakumbi kumsebenzi owenziwayo xa usemsebenzini emva kweeyure zomsebenzi. Ukukhusela idatha yesebe, iBitlocker yenguqulelo entsonkothileyo ifakelwa kuzo zonke iikhompyuter zobuqu, ngakumbi iilaptops. Oku kuza kwenza ukuba izixhobo zingaxabiseki kangako kumasela. Iprojekthi yeBitlocker iqale kwinxalenye yokugqibela yowama2020/21 kwaye iza kuqunjelwa kunyakamali wama2022/23. Ukuze kuqinisekise impumelelo yale projekthi, iSebe likwaqalise inkqubo yokuqinisekisa ukuba zonke iikhompyutha zobuqu ziphuculelwa kwiWindows 10 ngeOfisi 365 – into efunekayo kufakelo lweBitlocker. Apho iikhompyuter zobuqu zingahambelani nazo Windows 10, ziyatshintshwa. Okokugqibela, iSebe liqhubekile nokubonelela ngofikelelo kuqeqesho lobuchwepheshe bonxibelelwano kunye nokuxhotyiswa ngezakhono kubasebenzi, kubandakanywa nokubonelela ngoqeqesho lwesoftware yeintanethi.

Uhlaziyo lweendawo zokuhlala zikandlunkulu luqale ngowama2012 ngemigangatho emi6 kwi12 eliphuculiweyo ukuza kuthi ga ngoku. Le projekthi iphucule ukusetyenziswa kwesithuba esincinci somgangatho kunye nokwazisa uyilo oluluhlaza kunye nezinto zobuchwepheshe ukunciphisa ukusetyenziswa kombane namanzi, ngokwenjenjalo kuncitshiswa iKhabhoni yeSebe. Ukuphuculwa kwemigangatho eseleyo kundlunkulu kulibaziseke ngenxa yokunqongophala kwemali.



### 4.3 UVavanyo loPhando lugqitywe liSebe

Ngokombono wendima ebalulekileyo yovavanyo olunokuyidlala ekuphuculeni ukunikezelwa kweenkonzo, isiCwangciso soPhando noVavanyo siqulunqwa rhoqo ngonyaka. Esi sicwangciso sichonga kwaye sichaza umda kunye neenjongo zovavanyo loPhando oluya kwenziwa kunyaka othile. Olu vavanyo lwenziwa ngokuhambelana nezikhokelo zeSebe loCwangciso, ukuHlola noVavanyo (iDPME) kuphando lovavanyo kunye neSOP yeSebe yoPhando loVavanyo.

UVavanyo **lweeNkqubo eziSebenzayo zaBazali baBafikisayo** ezifumana inkxasomali kwiDSD luza kuqunjelwa kwikota yokuqala yowama2022/23. Umda wovavanyo ubandakanya uphuhliso lwethiyori yotshintsho; Ukuvavanya uyilo lolu hlobo lweenkqubo kunye nokuvavanya izinto ezininzi zokuphunyezwa kwenkqubo. Uvandlekanyo luquke into eyomeleleyo yolwakhiwo.

Ngokweprojekthi zophononongo lovavanyo ezicwangciselwe unyaka wokusebenza wama2022/23, ezi projekthi zilandelayo ziza kuphononongwa: Ukuphonononga ungenelelo lokuxhatshazwa kwabantu abadala, imodeli yeZiko leKhusuleka One Stop kunye nemodeli yaBantwana baseSitalatweni.

## ICandelo C: Umlinganiselo Wethu wokuSebenza

### 5. Iinkcukacha zokuSebenza kweNkqubo yeSebe

#### 5.1 Inkqubo yoku1: Ulawulo

##### Injongo yeNkqubo

Le nkqubo ibamba ulawulo olucwangcisiweyo kunye neenkono zenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe oko kukuthi, kwiPhondo, kwiNgingqi, kwiSithili nakwinqanaba leSibonelelo/iZiko.

Qaphela: Iziko leeNkono eziManyanisiweyo (iCSC), eliphantsi kweSebe leNkulumbuso (iDotP), libonelela ngeenkono zenkxaso yoLawulo lwezaBasebenzi kwiSebe.

Inkqubo iqulathe ezi nkqutyana zilandelayo:

#### Inkqutyana 1.1: IOfisi kaMEC

##### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngonxibelelwano lwezopolitiko kunye nomthetho phakathi kukarhulumente, uluntu kunye nabo bonke abanye abachaphazelekayo abafanelekileyo.

#### Inkqutyana 1.2: IiNkono zoLawulo loShishino

##### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngomkhombandlela wesicwangciso kunye nokulawula nolawulo lulonke lweSebe.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza kunye nekujoliswe kuko

Isiphumo	Isiqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Uphuculo lolawulo loShishino kunye nonikezelo lwenkonzo.	Ukuxhotyiswa ngezakhono zomsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene noko.	1.2.1.1 Inani longenelelo loqeqesho lomsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalontle.	25	29	29	29	29	29	29
		1.2.1.2 Inani leebhasari ezinikezelweyo.	AYINGENI	AYINGENI	146	109	109	109	109
	Oonontlalontle baqeshwe yiDSD.	1.2.1.3 Inani loonontlalontle abaqeshwe yiDSD kulo nyakamali. <sup>17</sup>	AYINGENI	AYINGENI	948	876	876	876	876
	Ukuhlawulwa kwangexesha kweeinvoysi.	1.2.1.4 Ipesenti yeeinvoysi ezihlawulwe kubanikezeli benkonzo beDSD kwiintsuku ezingama30.	AYINGENI	AYINGENI	99.9%	100%	100%	100%	100%

<sup>17</sup> Esi salathisi sidityaniswe nesalathisi seMTSF "Ukwandisa inani labasebenzi abaqeqeshiweyo benkonzo yoluntu kwinkonzo karhulumente".

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Uphuculo lolawulo loshishino kunye nonikezelo lwenkonzo.</b>	Ukukhuthaza ulawulo olululo ukuxhasa ukwenziwa kweenkonzo ezisemgangathweni.	<b>1.2.1.5</b> Uluvo loMphicothizinc wadi Jikelele woMzantsi Afrika (iAGSA) ngophicothozinc wadi lweengxelo zemali kunye nengxelo malunga nokuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo.	AYINGENI	AYINGENI	Uphicotho olucocekil eyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekil eyo	Uphicotho olucocekil eyo	Uphicotho olucocekil eyo

**Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota**

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>1.2.1.1</b> Inani longenelelo loqeqesho lomsebenzi wentlalantle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalantle.	29	-	-	-	29
<b>1.2.1.2</b> Inani leebhasari ekunikezelwe ngazo.	109	-	-	-	109
<b>1.2.1.3</b> Inani loonontlalantle eluqeshwe yiDSD ngexesha lonyakamali.	876	-	-	-	876
<b>1.2.1.4</b> Ipesenti yeeinvoysi ezihlawulwe kubanikezeli benkonzo beDSD kwiintsuku ezingama30.	100%	-	-	-	100%
<b>1.2.1.5</b> Uluvo loMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (iAGSA) ngophicothozincwadi lweengxelo zemali kunye nengxelo malunga nokuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo.	Uphicotho olucocekileo	-	-	-	Uphicotho olucocekileo

**Inkqutyana 1.3: ULawulo lweSithili<sup>18</sup>**

**Injongo yeNkqutyana**

Kukubonelela ngokunatyiswa, impatho nolawulo lweenkonzo kumgangatho weSithili kwiSebe.

**Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

OkuPhambili koku1 kweMTSF yama2019-2024 ehlaziyiweyo ithetha ngemfuno yokwabiwa koxanduva, ukuqinisekisa uxanduva lokuphendula ngomsebenzi kunye nemfuno yolawulo lweziphumo. Oku kugxininiswa kwiVIP yesi5 yeWCG: "Ukusungula izinto ezintsha neNkcubeko" ngongenelelo olungundoqo, "Ukuphucula ukusebenza kakuhle nokufaneleka kombutho". Ukuqinisekisa ukuba ulawulo olumanyanisiweyo kunye nonikezelo lwenkonzo luyaphuculwa, kufuneka kubekho umlingane wabasebenzi abanezakhono kunye neenkqubo zohlengahlengiso lwemibutho rhoqo ukuze kuphuculwe ukusebenza ngempumelelo kwabasebenzi.

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziya kuqhubeka zijoliswe kwiimfuno zoluntu ezilusebenzelayo, kunye nezinto eziphambili kwiphondo nezikazwelonke. Ngeli xesha leSakhelo seNkcitho yesiGaba esiPhakathi (iMTEF) izigqibo zayo zobuchule ziza kukhokelwa yile migaqo ilandelayo.:

- Ulungelelwaniso lwemiba ephambili yomgaonkqubo nesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni esixhaswa yiPSP kunye nesiCwangciso seQhinga seDSD.
- Ukugcina unikezelo lweenkonzo ezisemthethweni ngokwemigaqo yemithetho ephambili yeSebe kunye nemisebenzi efunekayo efana nokwenziwa kongenelelo oluyalelwe yinkundla.
- Ukuphucula impembelelo kunye nolungelelwaniso kuzo zonke iindawo zonikezelo lwenkonzo kunye namanqanaba karhulumente ukuze kuphunyezwe impembelelo enkulu kunye nokusebenza kakuhle.
- Ukuzaliswa kwezithuba zonikezelo lwenkonzo eziphambili.

<sup>18</sup> Isihloko soLawulo lweSithili simiselwe ngokobume boHlahlo lwabiwomali lukaZwelonke. Nangona kunjalo, iDSD yaseNtshona Koloni isebenza ngeeofisi zemimandla.

Ngokwesicwangciso, iSebe liza kugxila ekuqinisekiseni:

- Uyilo ngokutsha lombutho ukuphucula ukusebenza ngempumelelo kunye nabasebenzi. Kucingelwa ukuba inkqubo yoYilo loMbutho ngokubhekiselele kuzo zonke iiOfisi zeNgingqi iza kuqalisa ngowama2022/23 kwaye iza kuqakunjelwa ngowama2023/24.
- Ukuphuculwa okuqhubekayo konontlalontle kumlinganiselo wabemi abakumlinganiselo we1: 4 500 (umlinganiselo kazwelonke we1: 5 000 ezidolophini kunye ne1: 2 500 kwimimandla yasemaphandleni) kuthathelwa ingqalelo umthwalo weengcali zenkonzo yentlalontle.
- Uphuculo oluqhubela phambili kumyinge wabasebenzi bononophelo lwabantwana nolutsha kwiiCYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ezifunekayo ngenxa yokuqeshela abasebenzi ngaphakathi kwisebe.
- Iziseko ezingundoqo: ukwandiswa kweeofisi zengingqi/iindawo zeenkonzo nokugcinwa kwazo – ngokuxhomekeke kubukho beendawo ezifanelekileyo kunye nenkxasomali ngapha koko.
- Ukugqityezelwa koqeqesho lwabasebenzi malunga nokusetyenziswa kweNkqubo yoLawulo lweeNPO nokuphunyezwa kwayo, kubandakanywa ukufakwa kwangethuba kwazo zonke iinkcukacha ezifanelekileyo kunye namaxwebhu afunekayo ukuze kuqinisekise ukusebenza kakuhle kweenkcukacha zolawulo lweeNPO.

### 5.1.1 Ingqwalasela yezixhobo zenkqubo

Ukuhla ngeR810 yamawaka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama R238.895 yezigidi ngowama2021/22 ukuya kuma R238.085 ezigidi ngowama2022/23 kungenxa yokuthotywa kolwabiwo olusisiseko. Emva koko uhlahlo lwabiwomali lunyuka ukuya kutsho kumaR245.723 ezigidi ngowama2023/24 kunye namaR249.127 ezigidi ngowama2024/25.

#### Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqubo yoku1: Ulawulo

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelel ooluhlazi yiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlaziyiweyo
	Esiphicot hiweyo 2018/19	Esiphicot hiweyo 2019/20	Esiphicot hiweyo 2020/21	2021/22	2021/22	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2021/22
1.1 lofisi kaMEC	7 564	6 148	7 040	8 265	7 968	7 968	8 588	8 747	8 830	7.78
1.2 iInkonzo zoLawulo loShishino	142 943	145 440	144 349	145 318	147 527	147 527	149 937	154 302	157 011	1.63
1.3 ULawulo lweSithili	73 189	80 424	77 338	81 756	83 400	83 400	79 560	82 674	83 286	(4.60)
<b>Zizonke iintlawulo neengqikelelo</b>	223 696	232 012	228 727	235 339	238 895	238 895	238 085	245 723	249 127	(0.34)

**Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – Inkqubo yoku1: Ulawulo**

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelanis weyo	Uqikelelo oluhlaqiyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlaziyiweyo
	Esiphicot hiweyo 2018/19	Esiphicoth iweyo 2019/20	Esiphicot hiweyo 2020/21				2021/22	2022/23	2023/24	
<b>Iintlawulo zangoku</b>	209 572	212 487	211 942	217 536	219 988	219 988	221 527	228 834	231 174	0.70
Imbuyekezo yabasebenzi	172 097	173 315	175 591	178 889	181 867	181 867	180 974	184 232	184 232	(0.49)
Iimpahla neenkonzco	37 475	39 172	36 351	38 647	38 121	38 121	40 553	44 602	46 942	6.38
<b>Udluliselo nezibonelelo</b>	3 212	3 202	4 737	5 067	7 579	7 579	3 389	5 321	5 560	(55.28)
Kwiirhente neekhawunti zeSebe	2 323	2 549	2 824	2 800	2 800	2 805	2 926	3 054	3 191	4.31
Amaziko angenzi nzuzo										
Amakhaya	889	653	1 913	2 267	4 779	4 774	463	2 267	2 369	(90.30)
<b>Iintlawulo zeeasethi ezinkulu</b>	10 303	15 817	10 799	12 736	11 086	11 086	13 169	11 568	12 393	18.79
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisisigxina										
Oomatshini nezixhobo	10 303	15 817	10 799	12 715	11 065	11 065	13 147	11 545	12 369	18.82
Isoftware nezinye iiasethi ezingaphathekiyo				21	21	21	22	23	24	4.76
<b>Iintlawulo zeeasethi zemali</b>	609	506	1 249		242	242				(100.00)
<b>Zizonke iindidi zoqoqosho</b>	223 696	232 012	228 727	235 339	238 895	238 895	238 085	245 723	249 127	(0.34)

**5.1.2 ImiNgcipheko ePhambili noNcitchiso**

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<b>Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.</b>	Ukungathotyelwa kweenNPO kwiimfuno ezisemthethweni ngexesha lokunikezelwa kwenkxasomali. Ifuthe: Ingxelo engachanekanga kwiingxelo zenkqubela phambili yeNPO kwimiba enxulumene nobume bemali, ingeniso, inkcitho, ukusetyenziswa kwemali kunye nokunika ingxelo ngeenkukacha zokusebenza.	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uphuculo olufanelekileyo lwenkathalo yeeNPO phambi kokunikezelwa kwenkxasomali (ukuqinisekiswa kwamaxwebhu axhasayo).</li> <li>Ukubekwa kweliso okuqhubekayo kweenNPO ngokundwendwela indawo kunye novavanyo lwedeskithophu, uphononongo lwengxelo yemali nenkqubela phambili malunga nokungangqinelani, ukugqibelela, nokuthotyelwa kweenjongo zeprojekthi kwaye ngamanye amaxesha kufuneka ukuba iinNPO zibonelele ngamaxwebhu okuxhasa inkcitho. Uhlolo lwemali yokuhlawula amatyala lwenziwa minyaka le.</li> </ul>
	Urhwaphilizo - ukukhethelwa bucala/ukukhetha - umdla ongachazwanga onxulumene nokufunwa kwabasebenzi kunye nokukhethwa kunye nokukhohlisa le nkqubo ukuze kukhethwe umgqatswa othile.	<ul style="list-style-type: none"> <li>Iindaba ezisasazwa kubasebenzi ngeNdlela yokuziPhatha ukuqinisekisa ukuba abasebenzi banolwazi kwaye bayazinqanda izenzo zorhwaphilizo.</li> </ul>

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.</b></p>	<p>Urhwaphilizo – ukuguqulwa kwenkqubo yeSCM ukuze kuthandwe ukuwongwa kwempahla kunye/okanye iinkonzo kubaniki maxabiso ngaphandle kokulandela inkqubo emiselweyo yokuthenga.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukudityaniswa kweenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkono phakathi kwabanikimaxabiso okanye nabaphi na ababoneleli zinkonzo abasele bekho (okt. unxulumano oluthe tye) ukuqinisekisa ukuba amabhaso enziwa ngokuxhasa omnye okanye omnye umnikimaxabiso.</li> <li>● Ngokufanayo, intsebenziswano phakathi kwamagosa kunye nabanikimaxabiso kunye/okanye ababoneleli zinkonzo abasele bekho ngokwemigaqo yovavanyo lwangaphakathi lwesebe lamaphepha okunika amanqaku, amaxabiso kunye namanqaku okuXhotyiswa okuBanzi kwabaMnyama kwezoQoqosho aye afumaneka ukuze afumane inzuzo engenabulungisa kwinkqubo yokuthengwa kwempahla.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Iindaba ezisasazwa kubasebenzi ngeNdlela yokuziphatha ukuqinisekisa ukuba abasebenzi banolwazi kwaye bayazinqanda izenzo zorhwaphilizo.</li> <li>● Ulawulo lweSCM lukhona ukuqinisekisa ukuba amagosa eSCM athobela imigangatho yokuziphatha ngokwemigaqo yeOfisi kaNondyebo kaZwelonke. Amagosa eSCM atyikitya iNdlela yokuziphatha ngokumalunga noku.</li> <li>● Isicwangciso esivunywe liSebe leMikhwa esesikweni kunye noLawulo lweMfezeko kunye nokuzimasa kwabasebenzi boqeqesho ukubethelela ukuziphatha okusesikweni xa ujongene nokuthengwa kwempahla.</li> <li>● Uphononongo lwarhoqo lweenkqubo zokuthenga eziphunyeziweyo kwiikhontrakthi ezinikezelweyo.</li> <li>● Izibhengezo zezeMali kunye neziBhengezo zoMdlalazi ezigqitywe ngabaqeshwa zaze zavavanywa ligosa lesebe lokuziphatha ukuchonga nakuphi na ukungqubana kwemidla okunokubakho okanye okucingelwayo ukuze kuphakanyiswe izenzo zolawulo ezinobulungisa nezingenamkhethe zamagosa (ngokukodwa amalungu eeKomiti zoBizo kunye nabasebenzi beSCM).</li> </ul>

## 5.2 Inkqubo yesi2: IiNkonzo zeNtlaloNtle

### Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkono ezihlangeneyo zophuhliso lwentlalontle yoluntu kwabahlelelekileyo nababuthathaka ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

### Inkqutyana 2.1: ULawulo neNkxaso

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo kunye nokulawula nenkxaso yabasebenzi benkxaso ababonelela ngeenkono kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

### Inkqutyana 2.2: IiNkonzo kubaNtu abaDala

#### Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkono ezihlangeneyo zokhathalelo, inkxaso kunye nokukhuselwa kwaBantu abaDala.

### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>AbaNtu abaDala abahluphekayo, abasesichengen i baphila ubomi obuxakekileyo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.</b>	linkono zononophelo lwendawo yokuhlala/izib onelelo ziyafumaneka kubaNtu abaDala.	<b>2.2.1</b> Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko ahlala abaNtu abaDala.	8 783	8 819	5 000	5 000	4 993	4 993	4 993
	Ukhathalelo olusekelwe ekuhlaleni kunye neenkono zenkxaso ziyafumaneka kubaNtu abaDala.	<b>2.2.1.2</b> Inani lenkxasomali ekhutshelwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkono zenkxaso kubaNtu abaDala.	17 030	16 221	16 396	16 400	13 887	13 887	13 887
	Iindawo zokuhlala ezincedisway o nezimeleyo ziyafumaneka kubaNtu abaDala.	<b>2.2.1.3</b> Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kubaNtu abaDala.	897	718	740	740	740	740	740

### Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>2.2.1.1</b> Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko ahlala abaNtu abaDala.	4 993	4 993	4 993	4 993	4 993
<b>2.2.1.2</b> Inani lenkxasomali ekhutshelwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkono zenkxaso kubaNtu abaDala.	13 887	13 887	13 887	13 887	13 887
<b>2.2.1.3</b> Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kubaNtu abaDala.	740	740	740	740	740

## Ingcaciso yokusebenza ecwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukuhambelana nesiCwangciso sokuPhumeza seminyaka emihlanu seNDP sokubona “icandelo elihlaziyiweyo lentlalontle yoluntu kunye neenkonziso” ezixhasa, ezikhuthaza, nezikhusela amalungelo amaqela abuthathaka afana nabaNtu abaNtombi. Esi siphumo siqinisekisa ukuba iSebe liphumeza izibophelelo zalo ezisemthethweni zokuqinisekisa ukuba amaziko neenkqubo ezilungiselelwe abaNtu abaNtombi ziyahambelana nomthetho kunye nezithethe nemigangatho efanelekileyo. Ngaphaya koko, iSebe lisebenzisana necandelo leNPO, amanye amasebe karhulumente kunye noorhulumente basekhaya ekuboneleleni abantu abadala ukuba bafikelele kwiinkonziso ezisemgangathweni.

Eyona njongo iphambili yale nkqubo kukubonelela ngononophelo, inkxaso nokhuseleko kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni kwiindawo abahlala kuzo.

Ngaphezu koko, inkqubo iya kugcina iinkonziso ezikhethekileyo ezifana nokuxhatshazwa kwabadala kunye nokunyamekelwa kunye nenkxaso kubantu abanesifo sengqondo esixhalabisayo kunye neAlzheimer's, kunye nokukhusela abaNtu abaNtombi kwiintlobo ezahlukeneyo zezoqoqosho ezinokuthi zibe nefuthe elibi kumgangatho wobomi kunye nokuphila kakuhle.

La malinge alandelayo aza kuphuhlisa, aphunyezwe kwaye/okanye aqhutyelwe phambili kwiMTEF:

- Ukwandisa imodeli yokucebisa ukunceda amaziko okuhlala angasebenzi phantsi kwequmrhu lomama kwaye angenawo amandla olawulo oluqinileyo, kwaye asemngciphekweni wemali. Umcebisi ubonelela ngoqeqesho, uthantamiso nenkxaso ukuqinisekisa ukuphunyezwa ngokuchanekileyo nangexesha kwemigaqonkqubo kunye neenkqubo zoncedo ukuze zihambelane nobuncinane bemilinganiselo nemigangatho emiselweyo kunye nobonelelo lwenkonzo esemgangathweni;
- Ukubhaliswa kwamaziko anikezela ngononophelo kubaNtu abaNtombi ababuthathaka kunye namaziko eenkonzo ekuhlaleni; ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo nemigangatho ephantsi kunye nokubonelela ngenkonzo esemgangathweni;
- Inkxaso eqhubekayo yezinye iimodeli zokhathalelo kunye nenkxaso ezifana nokuphila ngokuzimeleyo kunye nokuphila ngokuncediswa ukuqinisekisa ukhuseleko kunye neendlela zokunyamekela abantu abaNtombi abazimeleyo kunye nabo bafuna uncedo kwimisebenzi yabo yemihla ngemihla; kunye
- Nokuqiniswa kweenkonzo zononophelo ezisekelwe kuluntu kunye neenkonziso zenkxaso ngokuphuhlisa imodeli yokhathalelo olusekelwe kuluntu njengenxalenye yesicwangciso sayo sokugcina nokuxhasa iinkonziso zentlalontle ezikhoyo kubaNtu abaNtombi kwiphondo ukugcina abaNtu abaNtombi kunye neentsapho zabo kunye noluntu ixesha elide kangangoko kunokwenzeka.

Inkxaso eyongezelelweyo iza kunikezelwa kumaziko okuhlala abaNtu abaNtombi ngendlela yoThintelo noLawulo lweMigaqo, amanye amanyathelo okuphucula ucoceko nokunciphisa ukusasazeka kweKHOVIDI-19 nokubekwa esweni kweendawo zokuhlala ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo nemigangatho engqongqo. Izibonelelo zokuhlala kunye neenkonziso ezisekelwe ekuhlaleni kunye neenkonziso zenkxaso ziya kukhuthazwa kwaye zixhaswe ukukhuthaza, ukunika amandla kunye nokuqinisekisa ukugonywa kwabahlali, abasebenzi kunye namalungu ukuze kulawulwe ngcono kwaye kuncitshiswe ukusasazeka kweKHOVIDI-19.



## Inkqutyana 2.3: IiNkonzo kubaNtu abaphila noKhubazeko

### Injongo yeNkqutyana

Yila kwaye uphumeze iinkqubo ezihlanganisiweyo kunye nokubonelela ngeenkonzo eziqquzelela ukukhuthazwa kwentlalontle kunye nokuxhotyiswa kwabantu abaphila nokhubazeko kwezentlalo noqoqosho.

### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Abantu abaphila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye abanonopheli baphila ubomi obusebenzayo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.	Amaziko okuhlala abantu abaphila nokhubazeko ayafumaneka.	2.3.1.1 Inani leebhedi ezifumana inkxasomali ezikwiNPO ezifumana inkxasomali kumaziko ononophelo lwaBantu abaphila nokhubazeko. <sup>19</sup>	1 885	1 871	1 673	1 674	1 674	1 674	1 674
		2.3.1.2 Inani labantu abaphila nokhubazeko abaxhamla kumaziko okuhlala eDSD. <sup>12</sup>			119	110	110	110	110
	linkonzo kwiindibano zocweyo olukhuselekileyo ezixhaswa ngemali ziyafumaneka kubaNtu abaphila nokhubazeko.	2.3.1.3 Inani lenkxasomali ekhutshelwe kwiindibano zocweyo ezikhuseleyo ezibonelela ngeenkonzo kubaNtu abaphila nokhubazeko.	2 952	2 950	2 863	2 836	2 961	2 961	2 961
	linkqubo zononophelo lwasemini ezixhaswa ngemali ekuhlaleni ziyafumaneka kuBantu abaphila nokhubazeko.	2.3.1.4 Inani lenkxasomali ekhutshelwe kumaziko ononophelo lwasemini asekelwe ekuhlaleni kubaNtu abaphila nokhubazeko.	958	971	1 003	1 005	1 049	1 049	1 049

<sup>19</sup> Esi siqhamo sesiphumo sahlulwa kunyakamali wama2020/21.

**Izalathisi zeziQhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota**

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.3.1.1 Inani leebhedhi ezifumana inkxasomali ezikwiNPO ezifumana inkxasomali kumaziko ononophelo lwabaNtu Abaphila noKhubazeko.	1 674	1 674	1 674	1 674	1 674
2.3.1.2 Inani labaNtu abaphila noKhubazeko abaxhamla kumaziko okuhlala eDSD.	110	110	110	110	110
2.3.1.3 Inani lenkxasomali ekhutshelwe kwiindibano zocweyo ezikhuselayo ezibonelela ngeenkonzu kubaNtu abaphila noKhubazeko.	2 961	2 961	2 961	2 961	2 961
2.3.1.4 Inani lenkxasomali ekhutshelwe kumaziko ononophelo lwasemini asekelwe ekuhlaleni kubaNtu abaphila noKhubazeko.	1 049	1 049	1 049	1 049	1 049

**Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

Ukuzalisekisa isigunyaziso salo somgaqosiseko ngokubhekiselele kubonelelo lweenkonzo kubaNtu abaphila noKhubazeko, iSebe kufuneka liqinisekise ukuba iinkonzo zophuhliso loluntu zokuphila nokhubazeko ezisabelayo ziyasebenza. Oku kubandakanya ukhathalelo lwendawo yokuhlala, iinkonzo zocweyo ezikhuselayo, iinkqubo zokhathalelo lwasemini, iinkonzo zokhathalelo lwekhefi, ukuxhotyiswa ngezakhono kunye nokuxhotyiswa kwabantu abaphila nokhubazeko, iintsapho zabo, abanonopheli, kunye nabasebenzi benkonzo yentlalontle. Ukuncedisana noku kubandakanywa kokukhubazeka kuzo zonke iinkqubo kunye neenkonzu zokwandisa ukubandakanywa kwabantu abaphila nokhubazeko kwiSebe nakuluntu ngokubanzi.

Ngale ndlela, iziphumo eziqwalaselwe apha ngasentla zinegalelo kungekuphela nje kwizigunyaziso zeSebe kodwa nakwisiphumo salo ngokubhekiselele kubaNtu abaphila noKhubazeko ohambelana noPhando lwesi4 lweMTSF ehlaziyiweyo yama2019-2024 "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzu ezisisiSeko eziThembekileyo neziseMgangathweni". Ngokubhekiselele kwiWCG zeVIP yoku1 neyesi3 ezizezi, "Uluntu olukhuselekileyo noluBambisanayo" kunye "nokuxhotyiswa kwabantu", abantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abaphila nokhubazeko baphakathi kwawona magela asesichengeni phakathi koluntu ekufuneka amalungelo awo akhuselwe, kunye neendawo ezenzelwe ukubanceda, ukuphuhlisa kangangoko banako. Oku kukwangqanyaniswa nomgaqonkqubo weNDSD wowama2017 weenkonzu zophuhliso loluntu kubaNtu abaphila noKhubazeko oqinisekisa ukuba isidima sabo kunye namalungelo abo agcinwa ngokubonelela ngeenkqubo zentlalo noqoqosho kunye neenkonzu eziqinisekisa ukubandakanywa kwazo kwakunye nePhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo wamaLungelo lowama2015 abaNtu abaphila noKhubazeko kunye nesiCwangciso seSebe soLawulo lokuphila noKhubazeko lowama2015.

Inkqubo ichonge le miba ilandelayo ingundoqo ekugxilwe kuyo kwiMTEF nakunyakamali omiyo:

- Ukomelezwa kweenkqubo zononophelo lwasemini ezisekelwe kuluntu kubantu abadala abaphila nokhubazeko kunye nokubekwa emgangathweni kweenkonzo, ukuphucula umgangatho wokhathalelo;
- Ukukhutshwa kubhaliso lwamaziko ononophelo oluNgagqibelelanga/amaZiko okhathalelo lwaseMini kuBantwana abaphila noKhubazeko kuza kuqhubeka ukuphumeza isigunyaziso somthetho seSahluko sesi5 soMthetho waBantwana.
- Zinzisa ukuXhasa iMibutho yeNkonzo yabaphila noKhubazeko kunye nemibutho yabantu abaphila nokhubazeko ebonelela ngeenkonzu zentlalontle yophuhliso kubaNtu abaphila noKhubazeko, iintsapho zabo kunye/okanye abantu ababanonophelayo.
- Ukubonelela ngesikhokelo nenkxaso kumaziko ononophelo lwasemini kunye neendawo zololongo lweeyure ezingama24 kubantwana abaphila nokhubazeko ngokunzulu nangokumandla ngokwasengqondweni, ukuze babuyele ekuboneleleni ngenkonzo ephelileyo, emva kobhubhane weKHOVIDI-19;
- Ukubonelela ngesikhokelo nenkxaso kumaziko okuhlala (amaziko okhathalelo lweeyure ezingama24) kubaNtu abadala abaphila nokhubazeko kunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa kweMigangatho eMincinci kwiZibonelelo zokuHlala zabaNtu abaphila noKhubazeko;
- Amaziko okuhlala alolongo kubaNtu abaphila noKhubazeko aza kuqhubeka exhaswa ngamalinge okuphucula ucoceko nokunciphisa umngcipheko wosulelo kubahlali nabasebenzi;
- Ukuqhubeka nokubonelela ngenkxaso nesikhokelo kwiindibano zocweyo ezikhuselayo zokuphucula ubonelelo ngenkonzo;

- Ukomelezwa kwemibutho yenkxaso yabazali kubazali babantwana abaphila nokhubazeko, ngentsebenziswano necandelo leeNPO; kunye
- Ubonelelo ngeenkonzelo zoluleko nenkxaso ngokwasengqondweni kubaNtu abaphila nokhubazeko nakumalungu oluntu.

### Inkqutyana 2.4: IHIV neAIDS

#### Injongo yeNkqutyana

Kukuyila kuze kuzalisekisewe iinkqubo zokhathalelo ezisekelwe kuluntu ezihlangeneyo kunye neenkonzelo ezijolise ekudambiseni ifuthe lentlalontle noqoqosho lweNtsholongwane kaGawulayo (iHIV) kunye noGawulayo.

#### UGxininiso lweNkqubo

Ungenelelo ngoncedo lweHIV/AIDS kunye nohlahlo lwabiwomali zidityanisiwe kwinkqubo yoLolongo noKhuseleko lwaBantwana.

### Inkqutyana 2.5: UHlangulo loLuntu

#### Injongo yeNkqutyana

Ukusabela kwiimfuno zikaxakeka ezichongiweyo kuluntu oluchatshazelwe ziintlekele ezingachazwanga, kunye okanye nayiphi na enye imeko yentlalo ekhokelela kubunzima obungafanelekanga.

#### Iziphumo, Iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Amatyala obunzima obungafanele kanga ayavanywa.	<b>2.5.1.1</b> Inani lamatyala obunzima obungafaneleka nga (amakhaya) avanyiwewo	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi esiTsha	1 073	1 073	1 073
	Amatyala entlekele avanyiwewo.	<b>2.5.1.2</b> Inani lamatyala avanyiwewo (amakhaya) avanyiwewo	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi esiTsha	945	945	945
Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilontle yalo.	libhokisi zemiqulu yezococeko zithunyelwa kwizikolo ezichongiweyo o nakumaziko.	<b>2.5.1.3</b> Inani leebhokisi zemiqulu yezococeko zithunyelwa kwizikolo ezichongiweyo nakumaziko.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi esiTsha	26 215	27 526	28 902

#### Izalathisi zeziqhamo: Ekujolise kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>2.5.1.1</b> Inani lamatyala obunzima obungafanelekanga (amakhaya) avanyiwewo.	1 073	254	265	291	263
<b>2.5.1.2</b> Inani lamatyala entlekele (amakhaya) avanyiwewo.	945	228	239	249	229
<b>2.5.1.3</b> Inani leebhokisi zemiqulu yezococeko zithunyelwa kwizikolo ezichongiweyo nakumaziko.	26 215	-	-	-	26 215

## **Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

INtshona Koloni isesichengeni somgangatho ophezulu womngcipheko weentlekele obangelwa uluhlu olude lweengozi zemozulu ezinezikhukula, imbalela kunye nemililo ekhokelela kubunzima obuxhaphakileyo kunye nokubandezeleka kwabantu. Ukongeza, iimeko ezingxamisekileyo zobuntu ezinje ngongquzulwano lwentlalo kunye nokugxothwa kwabantu kwiindawo abahlala kuzo kuqhubela phambili ukuba semngciphekweni kwabona bantu basemngciphekweni nabahluphekayo. Eyona nkalo iphambili ekugxilwe kuyo yenkqutyana yoNcedo lweNtlalo kukuququzelela ukufikelela kungenelelo olubanzi loncedo loluntu ngokuvavanywa kunye nodluliselo kungenelelo olufanelekileyo, olubandakanya inkxaso yengqondo, isiqabu sokutya kunye neenkonzozohlangulo loluntu ezilawulwa yiSASSA (uncedo lwethutyana lwemali/uncedo lwempahla) ngokuhambelana noMthetho woNcedo lweNtlalo. (uMthetho we13 wama2004 njengoko ulungisiwe), phakathi kwezinye.

Ukulungelelaniswa nokuPhambili kwesi4: "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzoz ezizisiSeko eziThembekileyo nezisemgangathweni" yeMTSF yama2019-2024, uncedo loluntu lweenzuzozonxunguphalo ludlala indima ebalulekileyo ekwakheni ukomelela kosapho kuloo makhaya/iintsapho ezibandezeleka ngokungafanelekanga kunye/okanye ezibandezelekileyo. ibethwe ziintlekele zendalo eyohlukeneyo. Kubalulekile ukuba ezi ntsapho zifikelele kwinkxaso yengqondo kunye nenkxaso yemali efunekayo eza kunceda ekuphuculeni amandla abo okumelana nokomelela kweentsapho zabo. Ngale ndlela inkqutyana ithetha ngokuthe ngqo kwizinto eziphambili ngoMba oPhambili kwiSebe kunye nokomelela kosapho okuchongwe yiVIP yesi3: "UkuXhobisa abantu" kunye nokukhuthazwa kwamaLungelo oLuntu ngomxholo weNtlalontle wesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni.

IProjekthi yeSanitary Dignity ijolise ekulondolozeni impilontle, isidima sempilo kunye nokuzithemba kwabasetyhini ababhinjileyo. Iprojekthi iya kuqhubeka nokubonelela ngeemveliso zococeko kumantombazana aselula nabasetyhini abasebatsha abafunda kwizikolo ezichongiweyo zeWCED ezibandakanya onke amanqanaba entlupheko, kwakunye neeCYCC ezifumana inkxasomali kwiDSD kwiphondo liphela.

IDSD lelona Sebe likhokelayo ngokweSicwangcisoqhinga soLawulo lweentlekele kwiPhondo ukuthomalalisa iziphumo ezibi ekuhlaleni ezijongene namakhaya/abantu ngabanye ngenxa yeentlekele ezichaziweyo/ezingabhengezwanga. Kuphuhlilwe isicwangciso phantsi koncedo loncedo olukhokelwa yiDSD olujongene nokulungiselela ukuthomalalisa iimpembelelo ezingalunganga ekuhlaleni zembalela, iimpuphuma kunye nemililo esaxhaphakileyo kwiindawo ezithile zephondo. Ubhubhani weKHOVIDI-19 uyaqhubeka ukubeka uxinzelelo olumandla kuqoqosho oluchaphazela ukhuseleko lwemisebenzi kunye nokukwazi kwekhaya ukufikelela kwiinkonzo. IDSD iza kusebenzisana neSASSA ukuqinisekisa ukuba ezi ntsapho zinokunxulunyaniswa noncedo lohlangulo loluntu kwimbandezelo. Isebe liza kuqhubeka nokubonelela ngenkxaso yengqondo nentlalontle, iinkonzo zomonzakalo kunye neengcebiso ngomsebenzi walo wentlalontle kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu, ukuqinisekisa ukuqhubeka kweenkonzo ngaphandle kokubeka esichengeni imigaqo yezempilo nokhuseleko yeKHOVIDI-19.

Iindawo ezingundoqo ekugxilwe kuzo kumsebenzi wohlangulo okhokelwa yiDSD iza kuqhubeka ngokusekwa kweCape Winelands Local Humanitarian Relief Workstream, kunye nokuxhotyiswa kwawo onke amagosa omandla ngokubhekiselele kwizikhokelo zomgaqonkqubo wohlangulo loluntu kunye nenkqubo yokuphucula umgangatho, ukufikeleleka. kunye nozinzo longenelelo lwamaqela asemngciphekweni kwimizi. Olu ngenelelo lungundoqo luza kwandiswa ukuze luquke ezo ndawo zichongwe ngeqhinga lesiCwangciso soKhuseleko seNtshona Koloni, kwakunye neendawo zasemaphandleni ezichatshazelwa kakhulu ziziganeko zeentlekele, kubandakanywa imbalela.

### 5.2.1 lingqwalasela yezixhobo zenkqubo

Ukuhla ngamaR25.133 ezigidi ukusuka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lweR1.066 lezigidigidi ngowama2021/22 ukuya kwiR1.040 lezigidigidi ngowama2022/23 kungenxa yokuthotywa kolwabiwo olusisiseko kunye noxinzelelo lohlahlo lwabiwomali. Ulwabiwo lohlahlo lwabiwomali emva koko lunyuke luye kwiR1.049 lezigidigidi ngowama2023/24 kwaye lunyuke luye kwiR1.073 lezigidi zezigidi ngowama2024/25.

### Isishwankathelo seentlawulo kunye noqikelelo – Inkqubo yesi2: liNkonzo zeNtlalontle yoLuntu

Inkqutwana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyi weyo
	Esiphicot hweyo 2018/19	Esiphicot hweyo 2019/20	Esiphicot hweyo 2020/21				2021/22	2021/22	2021/22	
2.1 Ulawulo neNkxaso	463 065	506 910	523 989	560 005	585 502	585 502	588 620	600 382	603 935	0.53
2.2 liNkonzo kubaNtu abaNtala	244 749	258 515	268 430	262 586	261 344	261 342	245 570	240 689	251 640	(6.04)
2.3 liNkonzo kubaNtu abaphila noKhubazeko	172 429	181 690	195 224	198 759	204 941	204 943	191 733	192 948	201 534	(6.45)
2.5 Uncedo lweNtlalo	5 788	13 705	4 506	13 106	13 486	13 486	14 217	14 995	15 523	5.42
<b>Zizonke iintlawulo neengqikelelo</b>	<b>886 031</b>	<b>960 820</b>	<b>992 149</b>	<b>1 034 456</b>	<b>1 065 273</b>	<b>1 065 273</b>	<b>1 040 140</b>	<b>1 049 014</b>	<b>1 072 632</b>	<b>(2.36)</b>

### Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi lwezoqoqosho – Inkqubo yesi2: liNkonzo zeNtlalontle

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphicot hweyo 2018/19	Esiphicot hweyo 2019/20	Esiphicot hweyo 2020/21				2021/22	2021/22	2021/22	
<b>Iintlawulo zangoku</b>	472 929	529 300	531 331	585 941	608 584	608 584	615 092	631 321	635 451	1.07
Imbuyekazo yabasebenzi	415 917	457 136	469 275	504 059	526 085	526 085	529 437	539 259	539 259	0.64
Iimpahla neenkonzo	57 012	72 164	62 056	81 882	82 499	82 499	85 655	92 062	96 192	3.83
<b>Udluliselo nezibonelelo</b>	393 505	410 049	430 612	418 365	423 048	423 048	396 829	386 739	404 876	(6.20)
Kwiirhente neekhawunti zeSebe	1	1	1	4	4	3	4	6	6	33.33
Kumaziko angenzi nzuzo	392 907	409 233	428 020	417 919	418 234	418 234	390 862	386 248	404 364	(6.54)
Amakhaya	597	815	2 591	442	4 810	4 811	5 963	485	506	23.95
<b>Iintlawulo zeeasethi ezinkulu</b>	19 597	21 471	30 206	30 150	33 641	33 641	28 219	30 954	32 305	(16.12)
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisixina			173							
Oomatshini nezixhobo	19 597	21 471	30 033	30 150	33 641	33 641	28 219	30 954	32 305	(16.12)
<b>Iintlawulo zeeasethi zemali</b>										
<b>Zizonke iindidi zoqoqosho</b>	<b>886 031</b>	<b>960 820</b>	<b>992 149</b>	<b>1 034 456</b>	<b>1 065 273</b>	<b>1 065 273</b>	<b>1 040 140</b>	<b>1 049 014</b>	<b>1 072 632</b>	<b>(2.36)</b>

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali luza kuqhubeka luqondiswe ngokutsha ukuze lube noqoqosho, olusebenzayo nolufanelekileyo ukulingana phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iya kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ukuphunyezwa kwesigwebo senkundla malunga nabaNtu abaphila noKhubazeko ngokwasengqondweni kubandakanywa nenkxasomali yenkxaso yezothutho;
- Ubonelelo ngenkxasomali eyongezelelweyo kunye nokwandiswa kwabasebenzi bezonyango eSivuyile;
- Ukuphunyezwa kweProjekthi yeSanitary Dignity; kunye
- Nokunqongophala kwezixhobo zemali.

### 5.2.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>Abantu abadala abahluphekayo, abasesichengeni baphila ubomi obuxakekileyo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.</b></p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho wabaNtu abaDala (13/2006).</p> <p>Uqino ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kubaNtu abaDala, ezifana nokungabi nabongi abaqeqeshwe ngokufanelekileyo kunye nabongi abaqeqeshiweyo abasebenza kumaziko okuhlala.</p> <p>Ukunqongophala kolona nonophelo lusekelwe eluntwini kunye neenkonzo zenkxaso ezinikezelwayo ngenxa yokuhla kohlahlo lwabiwomali kunye nomngcipheko wokuvalwa ngokupheleleyo kweenNPO.</p> <p>Ukunqongophala kwezakhono ezaneleyo zokuphunyezwa kweenNPO ngokwemiqathango yemimiselo nemigangatho.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho</li> <li>● Uthethathethwano lwaminyaka le nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho.</li> <li>● Ukubeka iliso kumaziko kunye neenkonzo kunye nokuphunyezwa kwenkqubo, kubandakanywa novavanyo lweDesktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga abonakalayo.</li> <li>● Ukubekwa phambili kweenkonzo ezisisiseko kumaziko eenkonzo zabaNtu abaDala.</li> </ul>
	<p>Ukungakwazi ukwenza imisebenzi yokuHlola kunye noVavanyo (iM&amp;E) ngenxa yeMimiselo yeNtlekele yeKHOVIDI-19 kunye nomngcipheko wosulelo lwabasebenzi.</p> <p>Unyino lokuthethathethana rhoqo (ngokomzimba) nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lweKHOVIDI-19.</p>	<p>Uqhagamshelwano oluncinane kunye neeNPO:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ubeko liso kuvavanyo lweDesktop.</li> <li>● Amaxwebhu axhasayo askeniwe kwaye athunyelwe ngeimeyile ukuze aqinisekiswa.</li> <li>● Undwendwelo olunezithintelo kwindawo apho kunokwenzeka kuqinisekiswa ngolwazi.</li> </ul> <p>Amaqonga onxibelelwano ngeintanethi ayasetyenziswa:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Uthethathethwano ngamaqonga onxibelelwano nangeminxeba.</li> <li>● Uthungelwano ngembalelwano (iemeyile).</li> </ul>

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>AbaNtu abaphila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye abanonopheli baphila ubomi obusebenzayo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.</b></p>	<p>Unyino ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kubaNtu abaphila noKhubazeko.</p> <p>Ukungoneli kwezibonelelo neenkonzo zabantu abanengxaki yempilo yengqondo.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Isenokukhokelela kuxinzelelo kwiSebe ngokufakwa kwindawo enokungafaneleki.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uthethathethwano neDoH ngemiba enxulumene nelayisenisi ngokubhekiselele kumaziko okuhlala afana nezibonelelo zabantwana/abadala abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni.</li> </ul>
	<p>Ukuxhomekeka kumaqela aphakathi kwamacandelo kunye naphakathi kwamacandelo kwinkqubo yokubhaliswa kwamaziko ononophelo lwethutyana kubantwana abaphila nokhubazeko.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Ukungathotyelwa kweemfuneko zomthetho.</p> <p>Amaziko okuhlala angabhaliswanga kunye neendawo zononophelo lwethutyana.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uthethathethwano oluqhubekayo neDoH malunga nemiba enxulumene nelayisenisi ngokubhekiselele kuncedo lwabantwana abaphila nokhubazeko olumandla ngokwasengqondweni ngokuthobela uMthetho waBantwana.</li> <li>Unxibelelwano oluthe gqolo kunye neDoH ekubekweni ngokufanelekileyo kunye nokukhathalelwa kwabantu abaneengxaki zempilo ngokwasengqondweni.</li> </ul>
	<p>Inkxasomali enyiniweyo yeeNPO ezibonelela ngeenkonzo zololongo nenkxaso kubaNtu abaphila noKhubazeko kunye neentsapho zabo.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Ukufikelela okulinganiselweyo kwiinkonzo zokhathalelo nenkxaso ngabantu abaphila nokhubazeko kunye neentsapho zabo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ubonelelo ngeenkonzo ezibalulekileyo kubaNtu abaphila noKhubazeko.</li> </ul>
	<p>Ukonyuka kwezinga lokusweleka ngenxa yosulelo lweKHOVIDI -19 phakathi kwabasebenzi kunye nabaxumi kwiindawo zokuhlala.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphunyezwa kwemigaqo enxulumene neKHOVIDI-19.</li> </ul>

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b></p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuno zoMthetho woNcedo lweNtlalo ngokunxulumene noNcedo loLuntu kunye nemigaqo exhasayo kunye neSOP.</p> <p>Ukunyuka kwemfuno yoncedo loluntu ngokunxulumene neentlekele ezibhengezwe kuzwelonke, zephondo kunye/okanye zesithili (umzekelo, ubhubhani weKHOVIDI-19, imbalela, izikhukula, imililo kunye/okanye ukuqhambuka koMkhuhlane weAvian).</p> <p>Ifuthe: Umgangatho wobomi obusesichengeni kumakhaya asemngciphekweni ngenxa yokungafikeleli kwizibonelelo zoncedo loluntu.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Bonke ubudlelwane babathathi nxaxheba bulawulwa ngokuhambelana neSakhelo soLawulo esivunyiweyo yabachaphazelekayo.</li> <li>● IziVumelwano zokuQondana kunye nezivumelwano zenqanaba lenkonzo zikhona kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuphucula umgangatho wobudlelwane kunye nempumelelo yeenjongo zesebe ezifanelekileyo.</li> <li>● Ukuchongwa kunye nokuhlenganiswa kwenethiwekhi engekho phantsi kukarhulumente yokhathalelo lokunceda iajenda yokunceda uluntu</li> </ul>
<p><b>Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilonle yalo.</b></p>	<p>Ulwaphulo lokhuseleko kwindawo yokugcina.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Abasebenzi bokhuseleko basasazwe kuzo zonke iindawo zokungena kwindawo yokugcina.</li> <li>● Ukuqinisekiswa kwenani leebhokisi ezivunyiweyo ezifunyenwe kumthengisi zaza zathunyelwa yinkonzo yesigidimi.</li> <li>● Amanqanaba oluhlu lwempahla ayatshekishwa kwaye angqinisiswe ngokuchasene neebhokisi ezingenayo nezithunyelweyo zeepakethi zococeko.</li> </ul>



### 5.3 Inkqubo yesi3: Abantwana neNtsapho

#### Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkonzco ezigqibeleleyo zokhathalelo lwabantwana nosapho nenkxaso kuluntu ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

#### Inkqutyana 3.1: ULawulo neNkxaso

##### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo zolawulo kunye nabasebenzi benkxaso ababonelela ngeenkonzco kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

#### Inkqutyana 3.2: Inkathalo neNkonzo kwiiNtsapho

##### Injongo yeNkqutyana

Iinkqubo kunye neenkonzco zokukhuthaza iintsapho ezisebenzayo kunye nokuthintela ubuthathaka kwiintsapho.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuseleki le kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	linkonzo zokumanyaniswa kosapho ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo	<b>3.2.1.1</b> Inani lamalungu osapho aphinde adibana neentsapho zawo. <sup>20</sup>	705	598	514	700	550	550	550
	libhedi ezixhaswa ngemali kwiindawo zokuhlala zabantu abadala abangenamakhaya ziyafumaneka kubantu abadala abazifunayo.	<b>3.2.1.2</b> Inani leebhedi ekubonelelwe ngazo kumakhaya okhuseleko kubantu abadala abangenamakhaya.	1 499	1 499	2 031	2 500	2 500	2 500	2 500
	Ugcino lweentsapho neenkonzco zenkxaso ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo	<b>3.2.1.3</b> Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkonzco zogcino nenkxaso.	21 904	21 034	14 471	20 160	18 000	18 500	18 550

#### Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>3.2.1.1</b> Inani lamalungu osapho aphinde adibana neentsapho zawo.	550	137	137	137	139
<b>3.2.1.2</b> Inani leebhedi ezifumana inkxasomali kwiindawo zokhuseleko zabantu abadala abangenamakhaya.	2 500	-	-	-	2 500
<b>3.2.1.3</b> Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkonzco zogcino nenkxaso.	18 000	4 330	4 520	4 520	4 630

<sup>20</sup> Esi salathisi sibala inani labantu abadala abakumaziko okhuseleko afumana inkxasomali kwiDSD kwabo bangenamakhaya abathe baphinda bahlanganiswa neentsapho zabo.

## Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Usapho licandelo elisisiseko lenyameko elifanele lilungiselele imekobume efanelekileyo yempilontle ngokomzimba, ngeemvakalelo nengokwentlalo yawo onke amalungu ayo. Abantwana ngokukodwa, njengamalungu eentsapho, kufuneka banikwe ilungelo lokukhathalelwa nokukhuselwa ngabazali nosapho ukongezelela kwindawo ekhuselekileyo, intlalontle ngokwasemzimbeni, ngokweemvakalelo nangentlalontle. Iintsapho ezomeleleyo ziphucula amathuba obomi belungu ngalinye losapho. Iinkonzo kwiintsapho kwaye kufuneka zimiliselwe kwiNdlela yokomelezwa koSapho – isakhelo esamkela usapho njengesona sizathu sibalulekileyo esiphembelela ubomi neziphumo zabantwana; kwanokuba iintsapho ziyakwazi ukunyamezela xa iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo neziphumelelayo kunye noluntu luzixhasa. Lo mbono ulungelelaniswa ngokuthe ngqo nokuPhambili kwesi4: "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenKonzo ezisiSeko eziThembekileyo nezisemgangathweni" yeMTSF ehlaziyiweyo yowama2019-2024.

Iintsapho ezomeleleyo ziphucula amathuba obomi bamalungu osapho ngamanye, ahambelana neVIP yesi3: "UkuXhobisa abantu" kunye noMmandla wokuGxininisa woku1: "Abantwana kunye neentsapho" kunye nesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni, umxholo weMpilontle. ISebe liza kuqinisekisa ngobonelelo lweenkonzo eziyimfuneko kwiintsapho ezisemngciphekweni ukuhlanganiswa kweentsapho kunye neenkonzo zolondolozo; iinkqubo zePEI ezibalulekileyo; iinkqubo zonyango kunye neenkonzo zolamlo. Ungenelelo olongezelelekileyo lubandakanya inkqubo yeRisiha (esemthethweni Isibindi) eya kuthi iqinise ngakumbi inkxaso kuthungelwano olukhoyo lwamanyathelo okukhusela abantwana ngokwenjenjalo iphucule ifuthe lenkonzo.

Le nkqubo iya kujolisa ekulungiseleleni iinkonzo ezibalulekileyo ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni. Ezi nkonzo zibandakanya iinkonzo zemihla ngemihla ezenziwayo kunye nezonyango (iinkqubo ezisisiseko zokhuseleko nezakhono zobomi) kubantwana neentsapho zabo ngeModeli yeRisiha. Ukongeza, amaZiko eDrop-in aza kubonelela ngeenkonzo ezisisiseko, ngokukhuthazwa kgcino lweentsapho kunye neenkonzo zokumanyaniswa kwakhona, eziqolise ekuhlangabezeni neemfuno zophuhliso ngokwasemoyeni, ngokwasemzimbeni nezentlalo zabantwana abasemngciphekweni. Inkqubo iza kugxininisa ngakumbi ekuchongeni imibutho yePEI nokubhaliswa kweenkqubo zePEI nokomeleza iinkonzo zomanyano. Ukuqonda isoyikiso seKHOVIDI-19 kwimpilontle yabantwana kunye neentsapho zabo, iinkonzo ziza kuqhubeka zinikezelwa ngendlela ethobela imigaqo nemigaqo yeKHOVIDI-19 ukuqinisekisa ukhuseleko lwabathengi kunye nabasebenzi.

### Inkqutyana 3.3: UKhathalelo noKhuseleko lwaBantwana

#### Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkqubo ezihlangeneyo kunye neenkonzo ezibonelela ngophuhliso, ukhathalelo nokhuseleko lwamalungelo abantwana.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Iinkonzo zokugcinwa kwabantwana abangenaban i ziyafumaneka kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko.	<b>3.3.1.1</b> Inani labantwana abafakwe kwiindawo zononophelo zenkuliso.	3 514	3 478	2 892	3 206	2 936	3 106	3 106

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Iinkonzo zokumanyanisa wa kwakhona ziyafumaneka kubantwana abachaphazel ekayo, iintsapho zabo kunye nabongi abakunye nabo.	<b>3.3.1.2</b> Inani labantwana abaye badityaniswa neentsapho zabo okanye abanye abantu ababanonop helayo.	308	352	238	340	297	301	306
	Imfundo noqeqesho lwabazali luyafumaneka kubazali nabanonopheli abachaphazel ekayo.	<b>3.3.1.3</b> Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba imfundo noqeqesho lobuzali.	3 891	3 251	1 972	3 230	3 110	3 110	3 110

**Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota**

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>3.3.1.1</b> Inani labantwana abafakwe kwiindawo zonanophelo zenkuliso.	2 936	618	787	796	735
<b>3.3.1.2</b> Inani labantwana abaye badityaniswa neentsapho zabo okanye abanye abantu ababanonophelayo.	297	63	76	79	79
<b>3.3.1.3</b> Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba imfundo noqeqesho lobuzali.	3 110	752	816	771	771

**Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

Amagunya angundoqo owisomthetho eSebe ahlala kule nkqubo. Ngoko ke, ugxininiso oluphambili kukuphunyezwa ngokupheleleyo kweemfuno ezisisiseko zoMthetho waBantwana, ukubeka iliso okusebenzayo kuzo zonke iinkonzo ezisemthethweni kunye nokuqinisekisa ukukhuthazwa nokukhuselwa kwamalungelo abantwana. Oku kulungelelaniswa ngokuthe ngqo neMTSF yama2019-2024 ehlaziyiweyo kokuPhambili kwesi4: “UkuManyaniswa noMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisisiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni”. Ikwangqanyaniswa neVIP yoku1: “Uluntu olukhuselekileyo nolubambisaneyo”, uMmandla woGxininiso lwesi2: “Ukomelezwa kweendlela zokuthunyelwa kolutsha olusemngciphekweni kunye namanyathelo agxile kubantwana nosapho ukuze kuncitshiswe ubundlobongela”, uMmandla woGxininiso lwesi3: “Ukwanda kwentsebenziswano yoluntu nokhuseleko iindawo zikawonkewonke” kunye neVIP yesi3: “UkuXhobisa abantu”, iNkalo ekuGxilwe kuyo yoku1: “Abantwana neentsapho” kunye neNkalo ekuGxilwe kuyo yesi2: “Imfundo nokufunda”. Iintsapho ezikwaziyo ukuzimela, abantwana abakhathalelwe kakuhle nabazali, abanonopheli kunye/okanye abagcini babantwana abanokufikelela ngokufanelekileyo kwiinkonzo zenkxaso basisiseko sabantu abaxhotyisiweyo ngokwenza igalelo kumxholo weMpilonhle wesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni.

Le nkqubo iya kuqhubeka nokubonelela ngoqeqesho kubasebenzi benkonzo yentlalontle kwimiba enxulumene nokuphunyezwa koMthetho waBantwana kwaye isebenze kumacandelo ephondo nawengingqi ophononongo lokubhubha komntwana ngokusebenzisana nabachaphazelekayo abafanelekileyo kwiDoH, amaziko emfundo ephakamileyo, iSAPS kunye neSebe lezoBulungisa.

Ngokungqinelana noMthetho waBantwana, ukungenelela kwangethuba kunye neenkonzo zothintelo, ezibandakanya uxanduva lwabazali kunye namalungelo, kunye nemfundo yoluntu (ejolise kuxanduva loluntu kunye noxanduva lokuxela ukuphathwa gadalala kwabantwana ukuthintela ukuphathwa gadalala kwabantwana, ukungahoywa kunye nokuxhatshazwa), ziza kubekwa phambili. Iinkonzo zongenelelo kwangethuba zibandakanya iinkqubo ezilungiselelwe abantwana abasemngciphekweni njengeenkqubo zophuhliso lolutsha, iinkqubo zokuchasa ubundlavini/ukungaxhatshazwa, ukucetyiswa ngokwenzakala nokufelwa kunye nokhathalelo

Iwethutyana olukhuselekileyo lwabantwana abasemngciphekweni. Kunyakamali wama2022/23 iSebe liza kuqhubeka ngokuzalisekisa isiCwangciso soLawulo lokuKhathalelwa kwaBantwana, ukuqaliswa kwenkqubo yokubeka iliso kukhathalelo lomntwana kunye nokuphonononga iQhinga loKhuseleko loMntwana lePhondo. Iinkqubo zololongo lwexeshana kunye nenkxaso ziza kumiliselwa kubantwana abashiya ukhathalelo olulolunye kunye nokuhlanganiswa kunye neenkonziso zokhathalelo kwasemva. Izithethe nemigangatho (ngokuthobela uMthetho waBantwana) ziza kuphunyezwa ngokubeka iliso kwindlela yokusebenza kwicandelo leeNPO. Kucingelwa ukuba inkqubo yokudluliselwa phakathi kwawo onke amanqanaba eenkonzo zokhuselo lwabantwana (ezinegalelo kwinkqubo yoMthetho oYilwayo wesiHlomelo sesiThathu waBantwana) iza komelezwa. Ngaphezu koko, ukunciphisa ixesha lotshintsho lokufakwa kwenkathalelo kunye nokwandiswa, iSebe liza kuphumeza icandelo le125 loMthetho waBantwana (wama2005). Ukongeza, iinkonziso ziza kuqhubeka ukunikezelwa ngokuthobela imigaqo yeKHOVIDI-19 ukuqinisekisa ukunikezelwa kweenkonzo kunye nezinye iindlela zokunikezelwa kweenkonzo ziyaphononongwa (ezifana nobonelelo ngemfonomfono lweenkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni).

### Inkqutyana 3.4: IECD noKhathalelo lweThutyana

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngeenkonziso ezibanzi zophuhliso lwabantwana abasaqalayo.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Amaziko eASC abhalisiwe.	3.4.1.1 Inani lamaziko oKhathalelo lwaseMva kweSikolo (iASC).	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi esiTsha (isisekelo: 100)	100	100	100

#### Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.4.1.1 Inani lamaziko oKhathalelo lwaseMva kweSikolo (iASC).	100	-	-	-	100

#### Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Iinkqubo kunye neenkonziso ezibonelelwa kumaziko eASC zibalulekile ekukhuthazeni ulutsha, usapho nophuhliso loluntu. Ezi nkqubo kunye neenkonziso zibandakanya inkxaso yezemfundo, ukuqeqeshwa, isondlo kunye nemisebenzi eyongezelelweyo yaseludongeni ukuxhasa uphuhliso lwentlalo, imvakalelo, ngokomzimba, ingqondo kunye nemfundo yabantwana kunye nolutsha kwindawo ekhuselekileyo, ephantsi kolawulo kunye nokukhusela.

Zonke iinkonziso ezinikezelwa yile nkqubo ziya kuqinisekisa ukuthotyelwa ngokungqongqo kwiKHOVIDI-19 izikhokelo zempilo nokhuseleko, kunye nokuxhasa uphuculo lweemeko zococeko kumaziko eASC ngaloo ndlela kukhuselwa abantwana kunye nabasebenzi beASC.

### Inkqutyana 3.5: AmaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngokhathalelo olulolunye kunye nenkxaso kubantwana abasemngciphekweni.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo o yosapho.	Iinkonzo zolonophelo lwendawo yokuhlala ziyafumaneka kubantwana abadinga olunye ukhathalelo.	3.5.1.1 Inani labantwana abakulolongo lweendawo zokuhlala kwiiCYCC zeeNPO ezifumana inkxaso ngokoMthetho waBantwana.	2 811	2 787	2 498	2 880	2 880	2 880	2 880
		3.5.1.2 Inani labantwana kwiiCYCC zethu ngokoMthetho waBantwana.	527	690	620	500	500	500	500

#### Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.5.1.1 Inani labantwana abakulolongo lweendawo zokuhlala kwiiCYCC zeeNPO ezifumana inkxaso ngokoMthetho waBantwana.	2 880	2 112	256	256	256
3.5.1.2 Inani labantwana kwiiCYCC zethu ngokoMthetho waBantwana.	500	305	65	65	65

#### Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo nemigangatho yeeCYCC, le nkqubo ihambelana nombala oPhambili wesi4: "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisiSeko eziThembekileyo neziseMgangathweni.". Le nkqubo ikwalungelelaniswa neVIP yoku1: "Uluntu olukhuselekileyo nolubambisanayo", uMmandla ekuGxiniswe kuwo wesi3: "Ukwanda kwentsebenziswano yoluntu nokhuseleko lwamabala oluntu" kwakunye neVIP yesi3: "UkuXhobisa abantu" kunye noMmandla wokuGxininisa wesi2: "Imfundo kunye nokuFunda".

ISebe libonelela ngendawo yenkxaso nekhuselekileyo kubantwana abakumaziko okuhlala kwaye ngaloo ndlela badinga ukhathalelo nokhuseleko ngokusebenzisa iinkqubo ezininzi kunye nemodeli yenkonzo yeengcali (njengoko kuchaziwe kwiS191 yoMthetho waBantwana) obonelela ngamangenelelo ophuhliso, onyango kunye nolonwabo anceda ukubuyiselwa komntwana kwindawo ahlala kuyo. Ezi nkqubo neenkonzo zibonelelwa ziiCYCC zeSebe, ngokuhambelana nezithethe nemigangatho ngenkxaso yobuchule ebekwe kwindawo eyodwa, uvavanyo, uaqeqesho kunye neenkqubo zokubeka esweni umgangatho kunye nokubhaliswa nokuhlaziywa kobhaliso lweeCYCC. Ngaphaya koko, imithetho elandelwayo yezempilo nokhuseleko yeKHOVIDI-19 efana namanyathelo oThintelo nokuLawula ukosuleleka okusisiSeko, umgama obonakalayo, ukuthotyelwa kwezixhobo zokuzikhusela kunye nokuhlolwa kwemihla ngemihla kwabasebenzi kunye nabahlali ziye zaphunyezwa ukunciphisa umngcipheko wosulelo kuzo zonke iindawo.

Ukongeza, ulawulo olusebenzayo lokubekwa kwindawo ephakathi kwabo bonke abantwana kukhathalelo olulolunye lwendawo yokuhlala kwaye intshukumo yabo ikhona kwaye iyagcinwa ukuze kuqinisekise ukungena kwinkqubo echanekileyo ngokuhambelana nezibonelelo zoMthetho waBantwana ngokuchongwa kweeCYCC, ukuhluzza izicelo zabantwana, ukuya kumgangatho ophezulu wokhathalelo kunye nokuqinisekisa ukuba abantwana babekwa kwelona nqanaba lincinci lononophelo nelixhobisayo.

## Inkqutyana 3.6: IiNkonzo zoKhathalelo lwaBantwana oluSekelwe kuLuntu Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngokhuseleko, ukhathalelo nenkxaso kubantwana abasesichengeni ekuhlaleni.

### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Abasebenzi bokhathalelo labantwana abafumene uqeqesho	<b>3.6.1.1</b> Inani labasebenzi bokhathalelo labantwana abafumene uqeqesho.	-21	20	8	10	10	10	10

### Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>3.6.1.1</b> Inani labasebenzi bokhathalelo labantwana abafumene uqeqesho.	10	-	-	-	10

### Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Abasebenzi abaqeqeshiweyo bokhathalelo abantwana nolutsha babalulekile ekuphunyezweni kweenkqubo zePEI ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni, ukukhuthazwa kosapho, iinkqubo zonyango, ukuhlanganiswa kwakhona kunye neenkonzozolamlo kunye neenkonzozogcino lweentsapho. Le nkqubo iza kuqinisekisa ngobonelelo ngenani elaneleyo kunye nokusasazwa kweengcali ezingundoqo kwiinkonzozononophelo nokhuseleko ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni. Ungenelelo lweNkqubo lulungelelaniswe nokuPhambili kwesi4: "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzozeziseMgangathweni" ethi yona ilungelelaniswe neVIP yesi3 yeWCG: "UkuXhobisa abantu" kunye neSiphumo: "Abantwana nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kusapho olukhuselweyo, iindawo ezingqongileyo".

Ukongeza kuqeqesho lwabasebenzi bononophelo lwabantwana nolutsha, kugxininiswa ekuvavanyeni nasekuqiniseni imodeli yePEI ehlangeneyo esekwe kuluntu (ebandakanya amaZiko eDrop-in, iModeli yeRisiha, iEye-on-the-Child, iASC, iinkonzozokubuyiselwa kunye nephakheji engundoqo yeenkonzo). Oku kuza kubandakanya indlela yokudluliselwa kweenkqubo zePEI ezihambelana nendlela yokudluliselwa kokhuseleko lwabantwana, ukunikezelwa kweenkonzo zokuhlangabezana neemfuno zabantwana abasemngciphekweni kunye neenkqubo zokufikelela eluntwini ezibonelela ngokhathalelo lophuhliso nenkxaso kubantwana neentsapho ezisesichengeni ukuqinisekisa ukuba abantwana bahlala besesikolweni.

#### 5.3.1 Ingqwalasela yezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kweR9.99 lezigidi ukusuka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwamaR438.361 ezigidi ngowama2021/22 ukuya kuma R448.346 ezigidi ngowama2022/23 kungenxa yenkxasomali eyongezelelweyo efunyenwe kwiiNPO zoPhuhliso lweNtlalontle kunye neeNdawo zokuKhusela abantu abangenamakhaya. Uhlalo lwabiwomali emva koko luye lwehla lwaya kutsho kuma R448.309 lezigidi ngowama2023/24 kwaye lunyuke lwaya kutsho kumaR471.134 ezigidi ngowama2024/25.

Qaphela: Inkqutyana 3.4: Umsebenzi weECD utshintshela kwiSebe leWCED ukususela ngowoku1 kuTshazimpuzi kowama2022. Ingcaciso yezemali eyimbali nayo ayifakwanga ngenxa yezizathu ezithelekisekayo.

<sup>21</sup> Ngowama2018/19 iinkonzozokhathalelo abantwana ezisekelwe ekuhlaleni zadityaniswa nezinye iinkonzozezibonelelwa yiNkqubo 3: Abantwana neentsapho.

**Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – iNkqubo yesi3: Abantwana neeNtsapho**

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelela nisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlazi yiweyo
	Esiphico thiweyo 2018/19	Esiphico thiweyo 2019/20	Esiphico thiweyo 2020/21	2021/22	2021/22	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2021/22
3.1 ULawulo neNkxaso	2 277	2 434	2 657	2 983	4 920	4 920	5 125	5 226	5 253	4.17
3.2 UKhathalelo neeNkonzo kwiiNtsapho	47 074	49 779	55 684	65 704	110 920	110 920	105 608	100 212	103 838	(4.79)
3.3 UKhathalelo noKhuseleko lwaBantwana	206 753	228 864	235 220	241 866	198 569	198 479	210 571	215 829	232 060	6.09
3.4 IECD noKhathalelo lweThutyana	12 368	15 248	16 147	15 384	15 384	15 384	15 384	15 384	15 384	
3.5 Amaziko okhathalelo lwabantwana nolutsha	100 003	105 893	108 657	108 658	108 658	108 658	111 658	111 658	114 599	2.76
3.6 IiNkonzo zoKhathalelo lwaBantwana oluSekelwe kuLuntu										
<b>Zizonke iintlawulo neengqikelelo</b>	<b>368 475</b>	<b>402 218</b>	<b>418 365</b>	<b>434 595</b>	<b>438 451</b>	<b>438 361</b>	<b>448 346</b>	<b>448 309</b>	<b>471 134</b>	<b>2.28</b>

**Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – iNkqubo yesi3: Abantwana neeNtsapho**

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlazi yiweyo
	Esiphico thiweyo 2018/19	Esiphico thiweyo 2019/20	Esiphico thiweyo 2020/21	2021/22	2021/22	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2021/22
<b>Iintlawulo zangoku</b>	15 302	15 806	14 879	15 330	18 344	18 344	19 708	20 063	20 113	7.44
Imbuyekezo yabasebenzi	14 695	14 993	14 745	14 588	17 802	17 802	18 573	18 908	18 908	4.33
Iimpahla neenkonzo	607	813	134	742	542	542	1 135	1 155	1 205	109.41
<b>Udluliselo nezibonelelo</b>	<b>353 173</b>	<b>386 406</b>	<b>403 232</b>	<b>418 770</b>	<b>419 612</b>	<b>419 522</b>	<b>428 119</b>	<b>427 702</b>	<b>450 453</b>	<b>2.05</b>
Kwiarhente neeakhawunti zeSebe										
Amaziko angenzi nzuzo	346 123	379 228	396 107	410 939	410 939	410 939	418 255	418 481	441 169	1.78
Amakhaya	7 050	7 178	7 125	7 831	8 673	8 583	9 864	9 221	9 284	14.92
<b>Iintlawulo zeeasethi ezinkulu</b>		6	254	495	495	495	519	544	568	4.85
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina										
Umatshini nezixhobo		6	254	495	495	495	519	544	568	4.85
<b>Iintlawulo zeeasethi zemali</b>										
<b>Zizonke iindidi zoqoqosho</b>	<b>368 475</b>	<b>402 218</b>	<b>418 365</b>	<b>434 595</b>	<b>438 451</b>	<b>438 361</b>	<b>448 346</b>	<b>448 309</b>	<b>471 134</b>	<b>2.28</b>

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali luza kuqhubeka luqondiswe ngokutsha ukuze lube noqoqosho, olusebenzayo nolufanelekileyo lulunge phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iza kukhokela izigqibo zohlalo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ukukhawuleziswa kokuphunyezwa kwesicwangciso solawulo lwenkulisa (ukugaywa, uqeqesho nokuxhaswa kwabazali abakhuliswa ngabazali abangengobabo kunye nokhuseleko) kunye nokuphuhlisa kweendlela ezintsha zokunciphisa umsebenzi ongekenziwa wokukhulisa abantwana; kunye
- Nezixhobo ezingonelanga zemali.

### 5.3.2 IMingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	UNcithiso loMngcipheko
<p><b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b></p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho waBantwana (38/2005).</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kunye nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho.</li> <li>● Uthethathethwano lwarhoqo ngeKota/kaBini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuziqonda kunye nokuzithobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho.</li> <li>● Ukubeka iliso kumaziko neenkonzo nokuphunyezwa kwenkqubo.</li> <li>● Ukuphunyezwa kovavanyo loMzila weM&amp;E kumaziko kunye neenkonzo nokuphunyezwa kwenkqubo, ebandakanya uvavanyo lweDesktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano ngeintanethi kunye nokuzibandakanya ngokobuqu.</li> <li>● UQinisekiso loMgangatho weSOP ukuphucula ukuthotyelwa kweNPO.</li> <li>● Ukomeleza ulongamelo lwendima yoququzelelo lweForum yaBantwana neeNtsapho kwiPhondo).</li> <li>● IziCwangciso zokuQhubeleka koShishino zikhona.</li> </ul>
	<p>Ukungakwazi ukwenza imisebenzi yeM&amp;E ngenxa yeNtlekele yeKHOVIDI-19. Imimiselo kunye nomngcipheko wosulelo lwabasebenzi.</p> <p>Unyino lokuthethathethana rhoqo (ngokobuqu) nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lweKHOVIDI-19.</p>	<p>Ukungqaba kwamathuba onxibelelwano lobuqu neeNPO:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ubeko liso lovavanyo lweDesktop.</li> <li>● Amaxwebhu axhasayo ayaskenwa aze athunyelwe ngeimeyile ukuqinisekisa.</li> <li>● Ukwanda kwamatyeli okuthethathethana ngobuqu nabachaphazelekayo.</li> </ul> <p>Amaqonga onxibelelwano ngeintanethi ayasetyenziswa:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Uthethathethwano ngomnxeba.</li> <li>● Unxibelelwano ngembalelwano (iimeyile).</li> </ul>
	<p>Amaziko okuhlala eASC angabhaliswanga.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuphunyezwa kophuculo lonikezelo lwenkonzo olufanelekileyo umz. ukufakwa kwindawo enye yobhaliso loncedo lweASC.</li> <li>● Ukuphucula ungenelelo olusekwe kuluntu kunye nokubekwa kwenkxaso endaweni yoncedo olulungelelanisiweyo.</li> </ul>



Isiphumo	Umngcipheko	UNCitshiso loMngcipheko
<p><b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b></p>	<p>Ukuxhomekeka kwabachaphazelekayo bamacandelo ngamacandelo kwinkqubo yokubhaliswa kwamaziko.</p> <p>Ifuthe: Amaziko okuhlala eASC angabhaliswanga.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Iintlanganiso zamaziko zabachaphazelekayo kwinqanaba lengingqi kunye nephondo kunye norhulumente wasekhaya/oomasipala ukuphucula inkqubo yobhaliso. Oku kubandakanya ukusetyenziswa kwamaqonga enyani.</li> <li>● Intsebenziswano neDoH malunga nemigaqo evumela ukunikezelwa kweenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle.</li> </ul>
	<p>Ukungakwazi ukuqhubeka nokuxhasa ngemali amanye amaziko eASC afumana inkxasomali ngoku, ngenxa yokuthotywa kohlahlo lwabiwomali, kunye nesiphumo sokungabikho kozinzo kwicandelo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukubekwa phambili kohlahlo lwabiwomali lweSebe.</li> </ul>

## 5.4 Inkqubo yesi4: IiNkonzo zoBuyiselo

### Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkono ezihlangeneyo eziphuhliso zothintelo lolwaphulomthetho ekuhlaleni kunye neenkono zokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi kwabona basemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

### Inkqutyana 4.1: ULawulo neNkxaso

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo neendleko zolawulo lwabasebenzi bolawulo kunye nenkxaso ababonelela ngeenkono kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

### Inkqutyana 4.2: Uthintelo lolwaPhulomthetho kunye neNkxaso

#### Injongo yenkqutyana

KukuPhuhlisa nokuphumeza iinkqubo zothintelo lolwaphulomthetho ekuhlaleni kwaye unikezele ngeenkono zoluleko ezijolise kubantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abaphula umthetho kunye namaxhoba ngaphakathi kwenkqubo yobulungisa kulwaphulomthetho.

### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Iinkqubo zophambuko zabantu abadala abakungquzul wano nomthetho ziyafumaneka	<b>4.2.1.1</b> Inani labantu abadala abakungquzul wano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zophambuko	11 963	12 976	4 728	9 734	5 787	5 868	5 732
		<b>4.2.1.2</b> Inani labantu abadala abakungquzul wano nomthetho abalugqibileyo uqeqesho lophambuko.	7 681	8 214	3 345	6 234	5 068	5 020	4 911
<b>Abantwana kunye nolutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqon dweni nangokwengqondo kunye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kunye nokuziphatha</b>	Iinkqubo zophambuko zabantwana abakungquzul wano nomthetho ziyafumaneka <sup>22</sup>	<b>4.2.1.3</b> Inani labantwana abakungquzul wajo nomthetho abavavanyweyo.	7 060	6 388	3 992	6 520	3 650	4 210	4 170
		<b>4.2.1.4</b> Inani labantwana abakungquzul wano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zophambuko	2 217	1 772	767	1 966	980	1 077	1 037

<sup>22</sup> NgokweNgxelo yoNyaka wama2018/19 ngokufezekiswa koMthetho woBulungisa baBantwana ngowama2010, liye lehla inani labantwana ababanjweyo nabamangalelwa yiSAPS kungoko kusezantsi ekujoliswe kuko ekuthunyelweni ezinkundleni.

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>okucela umngeni. Abantwana kunye noLutsha olusemngciphek weni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqon dweni nangokwengqon do kunye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kunye nokuziphatha okucela umngeni.</b>	linkqubo zophambuko zabantwana abakungquzul wano nomthetho ziyafumaneka.	<b>4.2.1.5</b> Inani labantwana abakungquzul wano nomthetho abalugqibileyo uqeqesho lweenkqubo zophambuko	1 576	1 220	387	1 340	813	828	801
<b>Abantwana kunye noLutsha olusemngciphek weni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqon dweni nangokwengqon do kunye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kunye nokuziphatha okucela umngeni.</b>	Amaziko okuhlala abhaliweyo athobela uMthetho woBulungisa baBantwana ayafumaneka ukulungiselela ukuxoxwa kwetyala kunye nabantwana abagwe-tyiweyo.	<b>4.2.1.6</b> Inani labantwana abagwetyelwe ukhuseleko kwiiCYCC zokhathalelo ngoko-Mthetho woBulungisa baBantwana	148	162	130	160	110	110	110
		<b>4.2.1.7</b> Inani labantwana abakungquzul wano nomthetho abalindele ukuxoxwa kwamatyala kwiiCYCC zokhathalelo olukhusele-kileyo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana	1 167	1 201	836	1 300	850	850	850
	Abantwana kunye nolutsha olusemngciphe kweni kwiindawo ezili 11 zomngcipheko ophezulu babonelelwa ngongenelelo olukhethekileyo olufanelekileyo.	<b>4.2.1.8</b> Inani lezikolo ezikwiindawo zamapolisa ezili 11 ezisemngciphe kweni omkhulu kunye/okanye iindawo zesicwangciso sokhuseleko seWCG apho iDSD kunye/okanye oonontlalontle abafumana inkxaso mali kwiDSD bachonga, bavavanye, bathumele kwaye balandelele abantwana nolutsha olusemngciphe kweni wongenelelo ngoncedo olulodwa ngeveki.	AYINGENI	AYINGENI	3	70	26	26	26

**Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota**

Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
4.2.1.1 Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zophambuko.	5 787	1 400	1 420	1 503	1 464
4.2.1.2 Inani labantu abadala abakungquzulwano nomthetho abalugqibileyo uqeqesho lophambuko.	5 068	1 241	1 298	1 294	1 235
4.2.1.3 Inani labantwana abakungquzulwajo nomthetho abavavaniweyo.	3 650	912	913	938	887
4.2.1.4 Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zophambuko.	980	239	253	251	237
4.2.1.5 Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abalugqibileyo uqeqesho lweenkqubo zophambuko.	813	194	217	213	189
4.2.1.6 Inani labantwana abagwetyelwe ukhuseleko kwiiCYCC zokhathalelo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	110	80	10	10	10
4.2.1.7 Inani labantwana abakungquzulwano nomthetho abalindele ukuxoxwa kwamatyala kwiiCYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	850	400	150	150	150
4.2.1.8 Inani lezikalo ezikwindawo zamapolisa ezili 11 ezisemngciphekweni omkhulu kunye/okanye iindawo zesicwangciso sokhuseleko seWCG apho iDSD kunye/okanye oonontlalontle abafumana inkxasomali kwiiDSD bachonga, bavavanye, bathumele kwaye balandelele abantwana nolutsha olusemngciphekweni wongenelelo ngoncedo olulodwa ngeveki.	26	5	8	8	5

**Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

Eyona ngqwalasela iphambili yale nkqubo ikwiinkonzo zoThintelo loLwaphulomthetho eNtlalweni kunye nokuLingwa, njengoko kulawulwa nguMthetho wezoBulungisa baBantwana, uMthetho woLungiso lweNkonzo zokuLingwa kunye neMimiselo enxulumene noBhaliso lobuGcisa kwiiNkonzo zokuLingwa, ngokweNkonzo yeNtlalo yoMzantsi Afrika. UMthetho woMsebenzi (we1978).

Inkqubo iphinda ihambelane nokuPhambili kwesi4 yeMTSF yowama2019-2024 ehlaziyiweyo, ejongene nokukhuselwa kwezintlalo yabantwana, ukudityaniswa kwayo neVIP yesi3: "Ukuxhobisa abantu" kunye neNkalo ekuGxilwe kuyo yesi2: "Imfundo nokufunda" kunye neNkalo yokuGxininisa yesi4 "Impilo nokuba sempilweni"– ukuchongwa, uvavanyo kunye nenkxaso kubantwana nolutsha olusemngciphekweni kunye; IVIP yoku1: "Uluntu olukhuselekileyo noLubambeneyo" noMmandla wokuGxininisa wesi2: "Ukomelezwa kweendlela zokuthunyelwa kolutsha olusemngciphekweni kunye namanyathelo ajoliswe kumntwana nosapho okunciphisa ubundlobongela"; Inkalo ekuGxilwe kuyo yesi3: "Ukwanda komanyano loluntu nokhuseleko lweendawo zoluntu" izinto eziphambili ngomgaqonkqubo wokudluliselwa kolutsha ukuze lushenxiswe ulutsha kubundlobongela lusiwe kumathuba kunye, nokuncitshiswa kobundlobongela nemigewu ngokukodwa kwimeko yezikolo; ziyabonakala. Ugxininiso lwale nkqubo luxhaswa ngakumbi sisiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni ukuxhasa amalungelo abantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abakungquzulwano nomthetho kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu, ekubekeni phambili ukhuseleko, nentlalontle yeentsapho ngokunjalo Okuphambili kwisiCwangciso sokhuseleko seNtshona Koloni "Ukuxhasa iintsapho ezisemngciphekweni" kunye "nokuchonga, ukuhlola nokuxhasa ulutsha olusemngciphekweni".

Ingqwalasela yenkqubo kukuyila kunye nokuphumeza uthintelo lolwaphulomthetho olusekelwe ekuhlaleni kunye nendawo yokuhlala kunye nongenelelo lwenkonzo yokulingwa ukuququzelela umanyano loluntu, ukhuseleko kunye nophuhliso lwabantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abasemngciphekweni okanye abangquzulana nomthetho, njengoko kulawulwa nguMthetho weNkonzo zokuLingwa, we116 ka1991, njengoko ulungisiwe, uMthetho woBulungisa obunxulumene naBantwana, wama75 wama2008 kunye neMimiselo enxulumene noBhaliso lweNkonzo eziZodwa kwiiNkonzo zokuLingwa, ngokoMthetho woMsebenzi weNkonzo yeNtlalo yaseMzantsi Afrika, we1978. Ezi nkonzo zibandakanya: uthintelo/ungenelelo kwangithuba (ukuqinisa, ukuxhobisa, ukuxhasa nokwakha amandla nokuzimela kwabantwana, ulutsha kunye nabantu abadala, ngokusebenzisa isikhokelo sophuhliso lwezakhono kunye neenkqubo zenkxaso zonyango), kubantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abasemngciphekweni phambi kokuba ukungena kwinkqubo yobulungisa kulwaphulomthetho, ungenelelo olusemthethweni olubandakanya ubonelelo lokhathalelo olulolunye, iinkqubo zoluleko kunye novavanyo lophuhliso, kunye nokumanyaniswa kunye neenkonzo zokhathalelo lwasemva kwexesha ezijolise kumanyano olusebenzayo lweentsapho noluntu kunye nozinziso.

Ezi nkonzo ziya kunikezelwa ngendlela ethobela imigaqo yezempilo nokhuseleko yeKHOVIDI-19. Oku kuquka ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni nentlalontle kunye nothintelo lolwaphulomthetho ekuhlaleni, ukubuyiselwa eluntwini kunye neenkqubo zoluleko ngomnxeba kwakunye nokubonelela ngoqeqesho kunye nokuqhuba iindibano zothethathethwano nabachaphazelekayo kusetyenziswa amaqonga e intanethi. Ngale ndlela iinkonzo zinokunikezelwa ngokuthembekileyo ngelixa kuqhubeka ukuxhobisa onke amaqela ekujoliswe kuwo ngezixhobo zokwakha ukhuselo olulungileyo nolukhuselayo ngokuchasene nentlalontle kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu.

### Inkqutyana 4.3: UXhotyiso lwamaXhoba

#### Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo ezihlangeneyo kunye neenkonzo zokuxhasa, ukukhathalela kunye nokuxhobisa amaxhoba obundlobongela nolwaphulomthetho ingakumbi abasetyhini nabantwana.

#### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	Iinkonzo zenkxaso yempilo yengqondo ziyafumaneka kumaxhoba olwaphulo mthetho nobundlobongela	<b>4.3.1.1</b> Inani lamaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini (ubundlobongela obusekelwe kwisini) (iGBV) afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle.	20 380	23 672	17 933	18 375	18 525	18 735	18 955
		<b>4.3.1.2</b> Inani lamaxhoba olwaphulo mthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zenkxaso kumaxhoba.	AYINGENI	AYINGENI	588	1 100	600	600	600
	Iinkonzo zentlalontle ziyafumaneka kumaxhoba okurhweba ngabantu.	<b>4.3.1.3</b> Inani lamaxhoba okurhweba ngabantu kunye nabantwana babo abathe bafikelela kwiinkonzo zentlalontle.	AYINGENI	AYINGENI	13	22	20	22	25
	Ukubonelela ngendawo yokuhlala ekhuselekileyo kumaxhoba olwaphulo mthetho nobundlobongela.	<b>4.3.1.4</b> Inani lamaxhoba olwaphulo mthetho nobundlobongela afumana iinkonzo kwiindawo zokhuseleko zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba. <sup>23</sup>	AYINGENI	AYINGENI	1 963	1 851	1 900	1 950	1 980

<sup>23</sup> Ithiywe ngokutsha "kwinani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afikelela kwiinkonzo zokhuseleko kumaziko eenkonzo zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba".

## Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
4.3.1.1 Inani lamaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini (ubundlobongela obusekelwe kwisini) (iGBV) afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle.	18 525	4 647	4 635	4 645	4 598
4.3.1.2 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zenkxaso kumaxhoba.	600	150	150	150	150
4.3.1.3 Inani lamaxhoba okurhweba ngabantu kunye nabantwana babo abathe bafikelela kwiinkonzo zentlalontle.	20	-	-	-	20
4.3.1.4 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo kwiindawo zokhuseleko zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba.	1 900	580	440	440	440

## Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ubonelelo lwengqokelela engundoqo yongenelelo lwentlalontle ebandakanya ubuncinci benkxaso yengqondo nentlalontle kunye nezithethe nemigangatho yobundlobongela obujoliswe kubasetyhini nabantwana, iintsapho kunye noluntu, kunye neenkonzokoxhotyiswa kwamaxhoba zibalulekile kumlo ochasene neGBV kwaye ihambelana neNSP iGBVF (yama2020). Ezi nkonzo zilungelelaniswe neMTSF yowama2019-2024 kokuPhambili kwesi4: "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzokoxhotyiswa ezisi siSeko eziseMgangathweni neziThembakeleyo", ngakumbi isiphumo esihambisana neenkonzokoxhotyiswa necandelo lentlalontle ebunjwe ngokutsha". Iziqhamo ezidweliswe ngasentla, kunye nongenelelo oludweliswe apha ngezantsi zixhasa ngokuthe ngqo yeVIP yesi3 yeWCG: "UkuXhotyiswa kwabantu" kunye neNdawo ekuGxilwe kuyo yoku1: "Abantwana neentsapho" baphuhliswa kwindawo yokukhulisa, inkxaso nekhuselekileyo ngokunjalo neVIP yoku1 yeWCG: "Ekhuselekileyo neentsapho". Uluntu oluDibeneyo", iNkalo ekuGxilwe kuyo yesi3 ibe: "Ukwanda kwentsebenziswano yoluntu kunye nokhuseleko lweendawo zoluntu". Le nkqubo ixhasa ngakumbi ungenelelo oluqulethwe kwisiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni imixholo yoKhuseleko neNtlalontle kwakunye nesiCwangciso soKhuseleko seNtshona Koloni, ngeenkonzokoxhotyiswa kumaxhoba obundlobongela.

IGBV ineziphumo zexesha elide kwixhoba kunye nakwabo bachatshazelwe luxhatshazo olo. NgokweSikhokelo soMgaqonkqubo kaZwelonke sokuXhotyiswa kwamaXhoba (sama

2008) kunye neNSP yeGBVF (yama2020), amaphondo, kunye neSebe labasetyhini, ulutsha kunye nabaNtu abaphila noKhubazeko, bakhokela impendulo karhulumente. Oku akubandakanyi nje kuphela uphuhliso, ukusekwa kunye nolungelelwaniso lweendlela zamacandelo ngamacandelo, ungenelelo kunye nobuhlakani kodwa nophuhliso nokunikezelwa kweenkonzo ezithe ngqo kumaxhoba.

IWCG iwabeke phambili amaxhoba obundlobongela nolwaphulomthetho ingakumbi abasetyhini, abantwana kunye namadoda athandana namanye, amadoda athandana namanye, amadoda athandana nesini, amabhinqa, amabhinqa, amabhinqa, kunye nabanye abantu (iLGBTQIA+) abahlali, ebonelela ngeenkqubo ezihlangeneyo kunye neenkonzokoxhotyiswa ezithi, phakathi kwezinye izinto, zixhase amalungelo kunye nokudala iindawo ezikhuselekileyo phakathi koluntu. Ingqwalasela yale nkqubo kukunikezela ngeenkonzokoxhotyiswa kumaxhoba obundlobongela basekhaya, amatyala ngokwesondo kunye nokurhweba ngabantu ngokujolisa ekuphuculeni intsebenziswano phakathi kwamacandelo, uqeqesho lweSebe lezoBulungisa, uThintelo loLwaphulomthetho kunye noKhuseleko kwiinkonzo ezijoliswe kwixhoba, ukuphunyezwa kokoxhotyiswa kwamaxhoba phakathi. isicwangciso secandelo; ukomelezwa kweenkonzo zasemva kokhathalelo kunye nekhushi kumaxhoba ohlaselo ngokwesondo kwaye okubalulekileyo, ukuphucula impendulo, ukhathalelo kunye nenkxaso ukusuka ekuthinteleni okukhawulezileyo ukuya kwiingcebiso zexesha elide zomonzakalo. Imfuno yezi nkonzo kulindeleke ukuba yonyuke ngenxa yefuthe elibi lentlalo noqoqosho lweKHOVIDI-19, apho abafazi nabantwana basengozini ngakumbi.

Ukongeza, olu ngenelelo ngoncedo lulandelayo luya kuphunyezwa:

- Inkxasomali yeendawo ezikhuselekileyo, imibutho yeenkonzo kunye nokuphucula umgangatho weenkonzo ngenkxaso yokuthobela izithethe ezifanelekileyo kunye nemigangatho yonikezelo lwenkonzo equka iindawo zokhuselo zeGBV ezisandula ukusebenza.
- Ukuphumeza iphakheji ephuculweyo yeenkonzo zexesha elide zokhathalelo lwasengqondweni kumaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo kumaziko eThuthuzela Care kunye neeyunithi ezichongiweyo zophandonzulu;
- Ukuququzelela ubonelelo longenelelo lwezonyango kunye neenkqubo zophuhliso lwezakhono kunye nenqanaba lesibini lokuhlalisa abahlali abakwiindawo zokhuseleko ukuze bakwazi ukuxhotyiswa ngezoqoqosho kumaxhoba abasetyhini kunye nabantwana babo;
- Ubonelelo ngeenkqubo zokwazisa kunye nemfundo kwakunye nokubonelela ngothintelo nokubuyisela kwisimo sangaphambili songenelelo kumaxhoba okurhweba ngabantu ngokuhambelana noMthetho woThintelo nokuNqanda ukuRhweba ngaBantu (iPACOTIP) (7/2013);
- Ukuphonononga inkqubo yokuthunyelwa kwamaxhoba ukuba afikelele kwiingcebiso zomonzakalo zexesha elide, kubandakanywa neenkonzo zeZiko loBundlobongela obusekelwe kwiSini;
- Ukuqinisekisa ukuba lonke ungenelelo lwenziwa ngokuthobela ngokungqongqo imithetho yezempilo nokhuseleko yeKHOVIDI-19. Oku kubandakanya ukusebenzisa ezinye iindlela zokufikelela kubathengi kunye nabachaphazelekayo ngokusebenzisa amaqonga abonakalayo kunye noqeqesho lweintanethi kunye nothethathethwano oluqhubekayo noonontlalontle ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zempilo nokhuseleko ziyagcinwa; kunye
- Nokomeleza iinkqubo namangenelo ajolise emadodeni ukukhuthaza ubudoda obusempilweni njengenxalenye yongenelelo lweGBV.

#### Inkqutyana 4.4: Ukusetyenziswa kwezinyobisi, uThintelo noBuyiselo

##### Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkonzo ezihlangeneyo zokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, uthintelo, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili.

##### Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	linkonzo zonyango lweziguqulana ezilaliswayo ziyafumaneka	<b>4.4.1.1</b> Inani labasebenzisi benkonzo abathe bagqiba iinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiiNPO ezifumana inkxasomali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD. <sup>24</sup>	1 243	1 300	692	1 241	1 126	1 126	1 126

<sup>24</sup> Ezi zalathi zinxulunyaniswa nesalathisi seMTSF "Inani lamaxhoba okufikelela kwiiNkqubo zokuxhasa ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi".

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	linkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni ziyafumaneka.	<b>4.4.1.2</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafikelele kwiinkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni. <sup>20</sup>	3 346	2 961	2 100	3 620	2 500	2 500	2 500
	linkonzo zokungenelela kwangethuba zokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ziyafumaneka.	<b>4.4.1.3</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zokungenelela kwangethuba kusetyenziso gwenxa lweziyobisi. <sup>25</sup>	7 343	6 373	4 320	6 580	4 042	4 092	4 092
	linkonzo zononophelo lwaseemva konyango kunye nokubuyiselwa eluntwini ziyafumaneka	<b>4.4.1.4</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kubudlelwane bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi. <sup>26</sup>	2 258	1 821	1 595	2 510	1 282	1 282	1 286

**Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota**

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
<b>4.4.1.1</b> Inani labasebenzisi benkonzo abathe bagqiba iinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiiNPO ezifumana inkxasomali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD.	1 126	281	281	281	283
<b>4.4.1.2</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafikelele kwiinkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni.	2 500	625	625	625	625
<b>4.4.1.3</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zokungenelela kwangethuba kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.	4 042	989	1 017	1 038	998
<b>4.4.1.4</b> Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kubudlelwane bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.	1 282	319	324	324	315

**Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka**

Isebe ligunyaziswe nguMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi onguNombolo 70 wama 2008 ukuba liphuhlise kwaye liphumeze amaqhinga aphakathi kwamacandelo ajolise ekunciphiseni imfuno nomonakalo obangelwa kukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.

Onke amangenelo onyango lweSUD alawulwa nguMthetho woThintelo noNyango loSetyenziso Gwenxa lweZiyobisi onguNombolo 70 wama 2008. Oku kuquka iinkonzo zothintelo, ungenelelo lwangethuba, iinkonzo ezisekelwe kuluntu kunye neenkonzo zokhathalelo emva nokubuyiselwa. Olu ngenelelo luza kulawulwa ngendlela edibeneyo nelungelelanisiweyo phakathi kwamasebe ohlukeneyo karhulumente, amaqumrhu asekuhlaleni kunye nababoneleli ngeenkonzo abafumana inkxasomali abajongene nothintelo nonyango lweeSUD. ISebe liqinisekisa ukuba iinkonzo

<sup>25</sup> Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Ukwanda kwenani labantu abaxhamla kwiinkqubo zothintelo".

<sup>26</sup> Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani lamaxhoba okufikelela kwiiNkqubo zenkxaso gwenxa kweziyobisi".



zibonelelwa kwiindawo ezinesidingo esikhulu kwaye iinkonzo ziyafumaneka kumanqanaba onyango olusekelwe kuluntu kunye nalawo alaliswayo. Injongo kukomeleza abantu, iintsapho kunye noluntu ekulweni ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi. Oku kulungelelaniswa nokuPhambili kwesi4 kweMTSF yama2019-2024 ehlaziyiweyo, kunye neVIP yoku1yeWCG: "Uluntu olukhuselekileyo nolubambisaneyo"; UMmandla ekuGxiniswe kuwo 3: "Ukwanda komanyano loluntu kunye nokhuseleko lweendawo zoluntu" kunye neVIP yesi3: "UkuXhobisa abantu", uMmandla wokuGxininisa wesii4: "Impilo nokuphila kakuhle. Uhlelo lwesine lwesiCwangciso esinguNdoqo sikaZwelonke seZiyobisi (sama2019-2024) sikwabeka iSebe kwisikhundla esiphambili ngokumalunga neNjongo yoku1 yesiCwangciso, ejongene ngokuthe ngqo nokunciphisa imfuno yezinto. Ngaphaya koko, inkqubo igxile ekuqinisekiseni ukufikelela kwiinkonzo ezinxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi ebantwini, kwiintsapho, nakuluntu kuhambelana nemixholo yoKhuseleko neMpilontle yesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni.

Ukuphunyezwa kweziphumo kuya kuqinisekisa ukuba iinkonzo ezibanzi ziyafumaneka, kuquka nobonelelo lweendlela ezahlukeneyo zonyango ezinokunyusa ukufikeleleka kwenkonzo. Ukwandiswa kweenkqubo ezisezikolweni kukwabonelela ngendawo yokufikelela ekuphunyezweni kweenkqubo zePEI kubafundi abakwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu kweli phondo. Amanyathelo okungenelela axhomekeke apho umntu abekwe khona ngokuqhubekayo kweSUD yabo.

Iziqhamo zijonge ekuboneleleni:

- Ngempendulo ebanzi kwii SUD;
- Abantwana abasesichengeni kunye nabantu abadala abanofikelelo kunyango olusemgangathweni lweSUD kunye neenkonzo zokubuyisela kwisimo sangaphambili; kunye
- Ngoqhubekako lokhathalelo olujolise kwiimfuno zomthengi kwaye lubandakanya iPEI ukunqanda ukuxhomekeka kunye nonyango kwabo badingayo oku kunokuba kwinqanaba elisekelwe kuluntu okanye kwinqanaba lezigulane. Ukongeza, iinkonzo zokhathalelo lwasemva kwexesha ziyafumaneka ukuze kuqinisekise ukubuyiselwa okusebenzayo eluntwini.

ISebe liza kuqhubeka ligxile ekubhaliseni amaziko onyango kunye namangenelo onyango ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemilinganiselo nemigangatho njengoko ichaziwe kuMthetho woThintelo noNyango losetyenziso Gwenxa lweZiyobisi. Olu ngenelelo luza kuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigangatho enxulumene nempilo kumaziko abhalisiweyo onyango lwezigulana kwakunye nezikhokelo ezichazwe kwimigaqo yeKHOVIDI-19. Injongo kukwandiswa kumthamo weenkono zeDSD kwinkalo yobungcali yonyango lweSUD kunye neempendulo ezisekelwe kuluntu ukuqinisekisa ukufumaneka kunye nokufikeleleka kweenkqubo zothintelo olusemgangathweni kunye nonyango kwinqanaba elisekelwe kuluntu.

Ngaphaya koko, iSebe liza kwandisa uqeqesho lweSUD koonontlalontle kunye noonontlalontle abancedisa kwiGBV nakwiindawo zokhuseleko zabantu abadala abangenamakhaya kwisithuba seMTEF yowama2022 kwaye liza kubeka iliso ekuphunyezweni kweenkonzo zonyango lweSUD kwezi ndawo zokhuseleko. Kananjalo iSebe liza kuqhubeka libenzisana necandelo ukunyusa umthamo kunye nokubeka iliso kwindlela yokusebenza ngenjongo yokuqinisekisa ukunyuka komgangatho kunye nokugcinwa kwemigaqo nemigangatho yezempilo nokhuseleko lwawo onke amaziko onyango.

Ukuze kuqinisekise ukuba abantwana kunye neentsapho zikhuselekile kwaye zihlala kwindawo ekhuselekileyo yeentsapho, iSebe kufuneka liqinisekise ukufumaneka kweenkqubo ezifikelekayo ezisemgangathweni ezijongene nokuqhubekako kokhathalelo kuwo wonke umkhondo weSUD phakathi koluntu kunye nokwandiswa okuqhubekayo kweenkqubo ezinjalo kwimimandla ezidinga kakhulu ezo nkqubo.

### 5.4.1 Iingqalelo yezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kweR10.291 lezigidi kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama R458.488 ezigidi ngowama2021/22 ukuya kuma R468.779 ezigidi ngowama2022/23 kungenxa yenkxasomali eyongezelelweyo efunyenwe kwiiNPO zoPhuhliso lweNtlalontle. Emva koko uhlahlo lwabiwomali lunyuke lwaya kutsho kuma R474.019 ezigidi ngowama2023/24 ukuya kuma R485.319 ezigidi ngowama2024/25.

**Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqubo yesi4: liNkonzo zoBuyiselo**

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olunguNdoqo 2021/22	Ulwabiwo olungele lanisiweyo 2021/22	Uqikelelo oluhlaziyiweyo 2021/22	Uqikelelo lwesiGaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlaziyiweyo 2021/22
	Esiphicothi weyo 2018/19	Esiphicothi weyo 2019/20	Esiphicothi weyo 2020/21				2022/23	2023/24	2024/25	
4.1 ULawulo neNkxaso	3 769	3 949	3 578	4 311	5 409	5 409	5 631	5 740	5 750	4.10
4.2 UThintelo lolwaPhuluMthetho neNkxaso	238 437	262 679	272 222	274 278	280 858	280 858	292 523	299 667	303 773	4.15
4.3 UXhotyiso lwamaXhoba	45 057	50 472	63 860	65 812	66 269	66 269	67 608	63 906	66 661	2.02
4.4 Usetyenziso Gwenxa lweziyobisi, uThintelo noBuyiselo kwiSimo sesiqhelo	100 651	102 987	100 757	113 095	105 952	105 952	103 017	105 156	109 135	(2.77)
<b>Zizonke iintlawulo neengqikelelo</b>	<b>387 914</b>	<b>420 087</b>	<b>440 417</b>	<b>457 496</b>	<b>458 488</b>	<b>458 488</b>	<b>468 779</b>	<b>474 469</b>	<b>485 319</b>	<b>2.24</b>

**Isishwankathelo seentlawulo kunye neengqikelelo ngodidi loqoqosho – Inkqubo yesi4: linkonzo zoBuyiselo**

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olunguNdoqo 2021/22	Ulwabiwo olungelelanisiweyo 2021/22	Uqikelelo oluHlaziyiweyo 2021/22	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluHlaziyiweyo 2021/22
	Esiphicothiweyo 2018/19	Esiphicothiweyo 2019/20	Esiphicothiweyo 2020/21				2022/23	2023/24	2024/25	
<b>Iintlawulo zangoku</b>	<b>267 177</b>	<b>291 212</b>	<b>298 288</b>	<b>311 337</b>	<b>308 494</b>	<b>307 943</b>	<b>328 500</b>	<b>337 203</b>	<b>341 086</b>	<b>6.68</b>
Imbuyekezo yabasebenzi	161 830	192 763	224 513	234 332	232 028	231 477	246 228	250 659	250 659	6.37
Iimpahla neenkono	105 347	98 449	73 775	77 005	76 466	76 466	82 272	86 544	90 427	7.59
<b>Udluliselo nezibonelelo</b>	<b>117 215</b>	<b>124 118</b>	<b>136 307</b>	<b>139 574</b>	<b>143 687</b>	<b>144 238</b>	<b>132 360</b>	<b>128 749</b>	<b>135 933</b>	<b>(8.24)</b>
Kwiirhente neekhawunti zeSebe	8	12	14	20	19	28	22	24	25	(21.43)
Amaziko angenzi nuzo	116 744	123 329	135 238	138 788	141 492	141 492	131 545	128 355	135 051	(7.03)
Amakhaya	463	777	1 055	766	2 176	2 718	793	820	857	(70.82)
<b>Iintlawulo zeeasethi ezinkulu</b>	<b>3 522</b>	<b>4 757</b>	<b>5 822</b>	<b>6 585</b>	<b>6 307</b>	<b>6 307</b>	<b>7 919</b>	<b>8 067</b>	<b>8 300</b>	<b>25.56</b>
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina			57			65				(100.00)
Oomatshin nezixhobo	3 522	4 757	5 765	6 585	6 307	6 242	7 919	8 067	8 300	3 522
<b>Iintlawulo zeeasethi zemali</b>										
<b>Zizonke iindidi zoqoqosho</b>	<b>387 914</b>	<b>420 087</b>	<b>440 417</b>	<b>457 496</b>	<b>458 488</b>	<b>458 488</b>	<b>468 779</b>	<b>474 469</b>	<b>485 319</b>	<b>2.24</b>

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali luza kuqhubeka luqondiswe ngokutsha ukuze lube noqoqosho, olusebenzayo nolufanelekileyo ukulingana phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iya kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ukujolisa kwizinto eziphambili kwiSebe;
- Ukugcina iziseko zentlawulo yodluliselo ngowama2021/22 kunye nokubekwa phambili kweprojekthi kunye nenkxasomali yenkqubo;
- Ukugcina imisebenzi kwiindawo ezikhuselekileyo ezintandathu ezongezelelweyo zeGBV zabasetyhini abaxhatshaziweyo (iVEP);

- Ukwandisa inkxasomali yeendawo zokulala kwiindawo zokuhlala zabasetyhini abaxhatshaziweyo (iVEP);
- Izibonelelo ezongezelelweyo (indawo yokulala) eClanwilliam, ukugcinwa kwayo kunye nokusebenza kwayo ukugqitywa koluhlu lwabanengxaki;
- Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili kumaziko ononophelo akhuselekileyo; kunye
- Nokunqongophala kwezixhobo zemali.

### 5.4.2 IMingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoBulungisa baBantwana (75/2008) kunye nesiHlomelo seeNkonzo zokuLingwa (35/2002), uMthetho woThintelo kunye nokuLwa ukuRhweba ngaBantu (7/2013), uMthetho woThintelo noNyango lweZiyobisi (uMthetho wama70 wama 2008) ngokunxulumene nesibophelelo sokubhalisa iindlela zonyango.</p> <p>Ifuthe: Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe. Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho.</li> <li>● Uthethathethwano lwarhoqo ngekota/kabini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho.</li> <li>● Ukubeka iliso kwindlela yokuphunyezwa kwenkqubo.</li> <li>● Ukuphunyezwa kweM&amp;E kunye noQinisekiso loMgangatho weSOP ukuphucula ukuthotyelwa kweNPO.</li> <li>● Ukuzalisekiswa kohloko oluqhubekayo kumaziko abhalisiweyo onyango lwezigulana kwiphondo.</li> <li>● Inkqubo engundoqo yokwamkelwa kokufakwa kwabo bonke abantwana abaseMngciphekweni.</li> <li>● Ukuphucula ungenelelo olusekelwe kuluntu kunye nokubekwa kwenkxaso endaweni yoncedo olulungelelanisiweyo.</li> <li>● Ukuqinisa ungenelelo lwangethuba kunye neenkonzo zothintelo.</li> <li>● Indlela ephakathi koorhulumente yokuphanda iindlela zonyango ezingabhaliswanga.</li> </ul>
	<p>Ukungakwazi ukwenza imisebenzi yeM&amp;E ngenxa yeKHOCIS19 yeMimiselo yeeNtlekele kunye nomngcipheko wosulelo lwabasebenzi.</p> <p>Unyino lothethathethwano rhoqo (ngokobuqu) nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lweKHOVIDI-19.</p>	<p>Ukungqaba konxibelelwano lobuqu neeNPO:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ubeko liso lovavanyo lweDesktop.</li> <li>● Amaxwebhu axhasayo askeniwe aze aimeyilwa ukuqinisekisa.</li> </ul> <p>Amaqonga onxibelelwano ngeintanethi ayasetyenziswa:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Uthethathethwano ngomnxeba.</li> <li>● Unxibelelwano ngembalelwano (iimeyile).</li> <li>● Ilishoni ngeMicrosoft Teams nango Zoom.</li> </ul>
	<p>Ukusasazeka kolosulelo lweKHOVIDI-19.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Iindawo zokhuseleko ukuthobela imigqaliselo yeKHOVIDI-19.</li> <li>● Mela indawo yokuhlala kunye nabasebenzi bombutsho wenkonzo kunye nabaxhamli ukuba bafumane ugonyo.</li> </ul>

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</b></p>	<p>Ukusasazeka kosulelo lweKHOVIDI-19.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Yomeleza uthotyelo lwemigqaliselo yezempilo nokhuseleko, kwanemigqaliselo yasemsebenzini.</li> <li>● Iindawo zokhuseleko nenkonzo yemibutho ukuze kuthotyelwe imigqaliselo yeKHOVIDI-19.</li> <li>● Iindawo zokuhlala zenqanaba loku 1 zisetyenziselwa iintsuku ezili 14 ngaphambi kokuba amaxhoba atshintshelwe kumagumbi okhuseleko enqanaba lesi2 ixesha elide.</li> <li>● Amaziko onyango lwangaphakathi nolusekelwe kwimibutho yoluntu ukuze ithobele imigqaliselo yeKHOVIDI-19.</li> <li>● Izixhobo zeM&amp;E zibandakanya ukubeka iliso kuthotyelo lweNPO kwimigaqo yeKHOVIDI-19.</li> <li>● Amaziko onyango lwezigulana zangaphakathi ukuqinisekisa ukuba ubukho bendawo yokuzikwebula kunye neendawo ezibekwe zodwa.</li> <li>● Yenza uhlolo lweKHOVIDI-19 kumaziko onyango lwezigulana zangaphakathi.</li> <li>● Ukuqinisekisa ngeendlela zokunika ingxelo kwiSebe ukuze kubekho iinkcukacha zokuqhambuka kweKHOVIDI-19 kumaziko onyango.</li> </ul>
	<p>Imida kunxibelelwano oluthe rhoqo nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lweKHOVIDI 19.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Uthethathethwano ngamaqonga onxibelelwano ngeintanethi.</li> <li>● Uthethathethwano lwabachaphazelekayo ngendlela yonxibelelwano ngeintanethi.</li> <li>● Uthethathethwano oluqhubekayo (unxibelelwano ngomnxeba/ngeimeyile) nababoneleli ngeenkonzo abafumana inkxasomali.</li> </ul>
	<p>Impumelelo ekujoliswe kuyo yemibutho efumana inkxasomali ngenxa yezithintelo zeKHOVIDI-19.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuphunyezwa kwesixhobo sokulandelela ekujoliswe kuko kunye nokungeniswa kokujoliswe kuko okuhlaziyiweyo ngekota kwimibutho efumana inkxasomali.</li> <li>● Uthethathethwano oluqhubekayo nemibutho efumana inkxasomali ukuxoxa ngezinto ezintsha ekujoliswe kuzo ekuvunyelwene ngazo.</li> <li>● Ukuhlaziya kunye nokwazisa imibutho efumana inkxasomali ngemimiselo njengoko inxulumene nemigangatho eyahlukeneyo yesilumkiso kunye nokuqiniseka malunga nezithintelo.</li> </ul>

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p><b>Abantwana kunye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo kunye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kunye nokuziphatha okucela umngeni.</b></p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho wezoBulungisa obunxulumene naBantwana kunye noMthetho oLungisiweyo weNkonzo zokuLingwa (35/2002).</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kunye nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho.</li> <li>● Uthethathethwano lwarhoqo ngekota/kabini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthotyelwa kwezithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho.</li> <li>● Ukubeka iliso kumgca wokuphunyezwa kwenkqubo, ebandakanya uvavanyo lwe desktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano ngeintanethi.</li> <li>● Ukuphunyezwa kophuculo lonikezelo lwenkonzo olufanelekileyo umz. ukufakwa kwindawo enye yokwamkelwa kwamaziko ononophelo lwabantwana nolutsha.</li> <li>● Ubonelelo ngesikhokelo nenkxaso kwimibutho efumana inkxasomali kunye neDesika yoNcedo yeeNPO ukulungiselela uphuhliso nokuphunyezwa kwemigaqo yokhuseleko lwezifo ezosulelayo kunye namanyathelo okhuseleko kwiindawo zeenkono nakumaziko.</li> </ul>
	<p>Imida kunxibelelwano oluthe rhoqo nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lweKHOVIDI 19 kunye nokusebenza kude kwabachaphazelekayo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Uthethathethwano ngamaqonga onxibelelwano ngeintanethi.</li> </ul>

## 5.5 Inkqubo yesi 5: UPuhliso noPhando

### Injongo yeNkqubo

Ukubonelela ngeenkqubo zophuhliso oluzinzileyo eziququzelela ukuxhotyiswa koluntu, olusekwe kuphando olunobungqina kunye neenkukacha zabantu.

### Inkqutyana 5.1: ULawulo neNkxaso

#### Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo zabasebenzi bolawulo nenkxaso ababonelela ngeenkonziso kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

### Inkqutyana 5.2: Ukuhlenganiswa koLuntu

#### Injongo yeNkqutyana

Ukwakha uluntu olukhuselekileyo noluzinzileyo ngokudala uthungelwano loluntu oluluqilima, olusekwe kwimithethosiseko yentembeko nentlonipho yeyantlukwano yendawo, kunye nokukhulisa imvakalelo yokubandakanyeka kunye nokuzithemba kubantu basekuhlaleni.

Olu ngenelelo lulawulwa ngokuxananazileyo kwiinkqutyana.

### Inkqutyana 5.3: UkuXhotyiswa kweZiko ngeZakhono (iICB) kunye neNkxaso yeeNPO

#### Injongo yeNkqutyana

Ukuxhasa ukubhaliswa kweeNPO kunye nokubeka iliso kuthotyelo, uqhagamshelwano nabachaphazelekayo beeNPO kunye nonxibelelwano, ukubonelela ngokuxhotyiswa ngezakhono kwiziko, ukulawula inkxasomali yeeNPO kunye nokubeka iliso nokudala imeko efanelekileyo yokuba zonke iinPO ziphumelele.

## Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.	IiNPO zixhotyisiwe.	5.3.1.1 Inani leeNPO ezixhotyisiweyo. <sup>27</sup>	488	848	330	710	393	518	518
	IiNPO zinedisiwe ngobhaliso.	5.3.1.2 Inani leeNPO ezinedisiweyo ngobhaliso. <sup>21</sup>	1 229	1 552	701	798	798	798	798
	Uqeqesho lwenkxaso yolawulo luyafumaneka kwiiNPO.	5.3.1.3 Inani leeNPO ezibonise kuvavanyo lwangaphambili nasemva kokuba ulwazi lwazo luphucukile emva kokuba zifumene uqeqesho oluxhasa ulawulo.	12	12	12	12	12	12	12

<sup>27</sup> Ezi zalathi zinxulunyaniswe nesalathisi seMTSF "Inani leeCSOs ezixhotyisiweyo".

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
